Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM 




This content may not be sold or used for commercial purposes.

Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS) Grade 12 IsiXhosa Home Language Mind the Gap study guide for the Drama *Indlal'inamanyala* by M. Lamati.

This publication has a Creative Commons Attribution Noncommercial Sharealike Licence. You can use, modify, upload, download, and share content, but you must acknowledge the Department of Basic Education, the authors and contributors. If you make any changes to the content you must send the changes to the Department of Basic Education. This content may not be sold or used for commercial purposes. For more information about the terms of the license please see: http://creativecommons.org/licenses/by-nc-sa/3.0/.

Copyright © Department of Basic Education 2019
222 Struben Street, Pretoria, South Africa
Contact person: Ms C. Weston
Email: Weston.C@dbe.gov.za
Tel: (012) 357 4183
http://www.education.gov.za
Call Centre: 0800202933

**Acknowledgements**
The extracts from the Drama in this study guide are from *Indlal'inamanyala* by M. Lamati.

**Mind the Gap Team**
Senior Project Leaders: Dr S. Malapile, Ms C Weston
Production co-ordinators:
B. Monyaki, B. Ras, M. Phonela, M. Nematangari
Authors: N. Beyile, NT Mkhutshulwa, P. Somkebe; NP Jaxa, A. January, N. Booi, N. Ndzeku, B, Mtwa

Designer: Page82
Onsite writers' workshop support:
J. Mphidi, V. Magelegeda, P. Hlabiwa, R. Maboye, N. Malope

# Ministerial Foreword

The Department of Basic Education remains steadfastly committed to innovative strategies aimed at enhancing learner attainment. Consistent with the government's commitment in promoting the indigenous languages that form the tapestry of our democratic landscape, this Mind the Gap Self study guide is a concrete demonstration of this commitment.

The release of this self-study guide incorporates all the official African Home Languages focusing on the novel genre at this stage. Not only does the study guide incorporate the African languages, but it also incorporates South African Sign Language Home Language, Afrikaans Home Language and English First Additional Language.

The Mind the Gap Literature Self Study Guide is responding to the broader sectoral reading challenges that the country is experiencing. It seeks to strengthen the following strands of the National Reading Sector Plan: Teacher Development and Support; Direct Learner Support; and Provisioning and Utilisation of the Learning and Teaching Support Materials. Its interactive nature will make it easier for both teachers and learners to read, to learn or study. It is hoped that through this Study Guide, the reading and learning outcomes will be achieved.



Matsie Angelina Motshekga, MP
Minister of Basic Education

ÉcoleBooks

Key terminologies are explained or illustrated in a simplified manner and examples of the types of questions as a learner you may expect to be asked in an examination, are included in this study guide. In order to build your understanding, specific questions and possible responses forms part of the study guide package.

The study guide is designed to appeal to any learner offering Grade 12, whether as a part-time or a full-time candidate. Educators in the field will also find it an invaluable resource in their practice.

Every learner is a national asset, all you need now is to put in the hours required to prepare for the examinations and excel!
We wish each and every one of you good luck and success.

**MRS AM MOTSHEKGA, MP**
**MINISTER**
**DATE: 14 NOVEMBER 2019**

DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

# ISIXHOSA MIND THE GAP LITERATURE STUDY GUIDE

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO


| Inombolo yesahluko | UMXHOLO | IPHEPHA |
|---|---|---|
| | **Itheyibhile yesiqulatho** | 1-2 |
| Isahluko 1 | **Intshayelelo eya kubafundi** | |
| Isahluko 2 | **Amagqabantshintshi ngephepha lesiBini:**<br>• Ubume bephepha lesibini<br>• Imiyalelo eya kubafundi malunga nephepha lesiBini<br>• Ingcaciso ngemibuzo emide yoncwadi.<br>• Ingcaciso ngemibuzo emifutshane yoncwadi.<br>• Indlela yokuphendula eli phepha<br>• Okulindelwe ngabavavanyi kumfundi xa ephendula imibuzo kweli phepha.<br>• Uluhlu lwamagama asetyenziswa kwimibuzo.<br>• Amagqabantshintshi ngombhali<br>• Intsingiselo yesihloko seDrama<br>• Isishwankathelo seDrama | 6 |
| Isahluko 3 | **Uhlalutyo lweDrama: Indlal' Inamanyala**<br>Yintoni iDrama<br>3.1 Iindidi zeDrama<br>3.2 Amaggabantshintshi ngombhali<br>3.3 Ingcaciso yesihloko noqweqwe lwale Drama<br>3.4 Isishwankathelo sebali.<br>3.5 Imiba ebalulekileyo nemayiqwalaselwe xa kufundwa<br>3.6 Isakhiwo nesakhiwana sebali<br>iDrama (amanqanaba esakhiwo seDrama)<br>• Impixano<br>• Abalinganiswa<br>• Indima kaNobalisa<br>• Umxholo<br>• Umxholwana<br>• Umongo<br>• Imfundiso<br>• Umyalezo<br>• Ulwimi nesimbo<br>• Isimo sentlalo kunye nemvelaphi<br>• Isiphelo<br>• Isigqebelo<br>• Ukulandelelana kweziganeko eziqhubeka kule Noveli | 12 |
| Isahluko 4 | **Isishwankathelo seDrama ngokwezahluko**:<br>Indima 1-5 | 48 |
| Isahluko 5 | **Amanye amanqakwana okuncedisa umfundi ngale Drama**<br>• Imixholwana efumaneka kule Drama:<br>  ○ Ukunyoluka/ ukunyoba<br>  ○ Ukunyaniseka<br>  ○ Ingalo yomthetho inde<br>  ○ Ukunganyaniseki | 56 |
| Isahluko 6 | **Uvavanyo**<br>Imizekelo yemibuzo esisincoko soncwadi neempendulo<br>Imizekelo yemibuzo emifutshane neempendulo. | |
| | Incwadi ezisetyenzisiweyo | |
| | **Izihlomelelo**<br>• Isihlomelelo A: Irubriki yokuhlola isincoko soncwadi-iNoveli/uNcwadi lwemveli/iDrama | |
| | **Imibuzo ejoliswe kubafundi ngesi sikhokelo** | |

## ISAHLUKO 1: INTSHAYELELO EYA KUMFUNDI

### 1.1 Bhota mfundi webanga le-12

Esi sisikhokelo sokufunda soncwadi esibizwa ngokuba yiMind the Gap esenzelwe ukuncedisana nawe mfundi xa ulungiselela iimviwo zakho zebanga le-12 ukuphela konyaka.
Amaphepha eemviwo zolwimi lwaseKhaya mathathu: Iphepha lokuqala: Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni, Iphepha lesi-2: Uncwadi, Iphepha lesithathu: Ukubhala.Iphepha lesi-2, Uncwadi luquka ukufundwa kwezi ncwadi zilandelayo: Imibongo, iNoveli/Uncwadi lweMveli kunye neDrama.
Esi sikhokelo sokufunda soncwadi kulwimi lwesiXhosa lwaseKhaya siza kugxila kwidrama kuphela. Esi sikhokelo sigxile kwiDrama emiselweyo yesiXhosa yebanga le-12 ethi "Indlal' Inamanyala" ebhalwe nguM. Lamati.

#### 1.1.1 Indlela yokusebenzisa esi sikhokelo.

Kwesi sikhokelo kufumaneka oku kulandelayo:

Ecolebooks

- Iingcebiso ezisi-7 eziphambili zokufunda.
- Omawukwenze ngomhla wokubhala iimviwo.
- Amagqabantshintshi ngephepha lesibini.
- Imiyalelo eya kumfundi malunga nephepha lesiBini
- Ingcaciso ngemibuzo emide nemifutshane nendlela yokuyiphendula.
- Okulindelwe ngabavavanyi kumfundi xa ephendula imibuzo kweli phepha.
- Uluhlu lwamagama asetyenziswa xa kubuzwa imibuzo.
- Ingcaciso ngedrama
- Amagqabantshintshi ngombhali.
- Intsingiselo yesihloko sedrama.
- Isishwankathelo sedrama.
- Isakhiwo sedrama: isakhiwo (intshayelelo, ukukhula kwempixano, uvuthondaba, uyondelelwano lwezinto/ ukusombuluka kwezinto nesiphelo, uphuphelo (ihint ngento esezakwenzeka.
- Ukuzotywa kwabalinganiswa
- Indima yombalisi/ unobalisa- umlinganiswa/ uluvo lwakhe
- Umongo nemfundiso






DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

- Imvelaphi nesimo sentlalo-ngokunxulumene nomlinganiswa nomxholo
- Imo nethowuni/ imvakalozwi
- Isigqebelo/ isiphelo esisisothuso
- Ingxoxo, intshukumo nezalathiso zaseqongeni
- Unxulumano phakathi kwengxoxo yababini/ incoko yoyedwa kunye nesiganeko
- Isigqebelo sedrama
- Ukulandelelana kweziganeko
- Isishwankathelo sedrama ngokweendima nemiboniso
- Imizekelo yemibuzo emide nemifutshane
- Amanqakwana okuncedisa umfundi.
- Iincwadi ezisetyenzisiweyo

**1.2 Iingcebiso ezisi-7 eziphambili zokufunda:**

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
|  | Nika ingqalelo ekhethekileyo. |  | Imizekelo yemisetyenzana |  | Ukulandelelana kwemiyalelo. |
|  | Iingcebiso ezikuncedisa ukuba ukhumbule isigama esithile ukuze ukwazi ukusombulula ingxaki. |  | Imisetyenzana enemibuzo emayiphendulwe. | uVavanyo | Jonga kwimibuzo yokuzilungiselela. |




1.2.1 Cwangcisa ukufunda kwakho ngendlela elula ngokuthi uwohlule umsebenzi wakho ngokweziqedu umzekelo: ukuzotywa kwabalinganiswa, impixano, isimo sentlalo njalo njalo. Oku kuya kukunceda ukuba uqeqeshe ingqondo yakho igxile.

1.2.2 Thabatha imizuzwana uphumle emva kokufunda isiqendu phambi kokugqithela

1.2.3 kwesinye.

1.2.4 Qinisekisa ukuba zonke izixhobo zakho zokufunda ziphelele phambi kokuba uqalise, umzekelo: ipensile, usiba lokubhala, amaphepha okubhalela njalo njalo.

1.2.5 Zithembe ngesiqu sakho, loo nto iya kukunceda ukuba ingqondo yakho igcine zonke iinkcukacha zokufundileyo.

1.2.6 Ingqondo ifunda lula xa kusetyenziswe imibala kunye nemifanekiso. Zama ukuyisebenzisa kangangoko unakho.

1.2.7 Ukuphindaphinda oko ukufundileyo kuyakuba sisitshixo sokukhumbula iinkcukacha zokufundileyo. Qhubekeka nokuphindaphinda umsebenzi owufundileyo kude kube lula ukuwukhumbula.

1.2.8 Fundisa omnye umntu/ ugxa wakho le nto uyifundileyo ukuze ukwazi ukuyikhumbula lula. Iyakukunceda into yokufunda amnqakwana akho okuzihlaziya ngokukhwaza/ ngokuvakalayo.

1.2.9 Ukulala ngokwaneleyo ebusuku, utye ukutya okusempilweni nokusela amanzi zizinto eziyimfuneko kwingqondo yakho. Ukufundela iimviwo kufana nokuzilolonga kwaye kufuneka ube ukulungele ngokwasemzimbeni, emoyeni nasengqondweni.

**1.3 Omawukwenze ngomhla wokubhala iimviwo**

1.3.1 Qinisekisa ukuba uza nazo zonke izixhobo zokubhala ezifana nepenisile, usiba lokubhala njalonjalo Qaphela: ukuba isazisi sakho usiphethe kunye neleta yakho echazayo ukuba uvumelekile ukuba uchophele iimviwo. Fika ngexesha elifanelekileyo kwigumbi lokubhalela umzekelo: iyure phambi kokuba ziqale iimviwo.

1.3.2 Yiya kwigumbi langasese phambi kokuba uhlalele iimviwo ukuze ungachithi ixesha ngokuphuma sele ziqalile iimviwo.

1.3.3 Yazi phambi kokuba ubhale ukuba yeyiphi incwadi oyiphendulayo kuwo onke amaCandelo kweli phepha lesi - 2 loncwadi. Sebenzisa imizuzu elishumi ufunde imiyalelo ngokuchanekileyo.

1.3.4 Wufunde umbuzo ngamnye ngokuwuqonda wandule ukuwahlulahlula ukuze uqiniseke ukuba uyayiqonda into ebuziweyo. Jonga amagama angundoqo embuzweni ukuze akuncede ukuphendula umbuzo. Ukuba umbuzo awuwuphendulanga ngokuchanekileyo awusayi kufumana manqaku. Uza kufumana uluhlu lwesigama esisetyenziswa xa kubuzwa imibuzo kwiphepha le -11 kwesi sikhokelo sokufunda.

1.3.5 Sebenzisa ixesha lakho ngokuchanekileyo njengoko ucetyisiwe kwiphepha loviwo. Qala ngombuzo ocinga ukuba uyawazi kodwa uwunombole njengoko unjalo kwiphepha loviwo. Qwalasela amanqaku ombuzo ngamnye ukuze ukwazi ukuphendula ngokomthamo olindelekileyo, umzekelo: umthamo wombuzo onenqaku elinye awulingani nomthamo wombuzo onamanqaku amabini/amathathu.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

1.3.6 Ingqondo yakho mayihlale izinzile ngalo lonke ixesha nokuba ngaba kukho umbuzo okunika ubunzima xa uqala ukuwujonga kuba kusenokubakho ukunxulumana komnye umbuzo obusele udibene nawo. Xa uxakiwe ngumbuzo, gqitha ukuze ubuyele kuwo ukuba ixesha liyakuvumela. Zama ukuphendula yonke imibuzo kangangoko unakho.

1.3.7 Bhala ngokucocekileyo, ngokucacileyo, ngocoselelo nangokulandelelana ukuze kube lula kubakokrekishi ukufunda iimpendulo zakho.

**ISAHLUKO 2**

**2.1 AMAGQABANTSHINTSHI NGEPHEPHA LESIBINI**

Ubude bexesha lokubhala eli phepha ziiYure ezi**MBINI EZINEMIZUZU ENGAMASHUMI AMATHATHU**. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule **IMIBUZO EMIHLANU** kwimibuzo ebuziweyo kwiphepha.

Qwalasela esi sishwankathelo sinamaCandelo amathathu ekulindeleke ukuba uwaphendule kwiphepha lesiBINI kuviwo loncwadi gabalala.

| **ICANDELO A: ISIHOBE**<br>**Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **AMANQAKU** |
| 1. | Umbuzo omde | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 2. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 3. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| | **OKANYE** | |
| 4. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| **KUNYE**<br>**Umbongo ongamiselwanga: Unyanzelekile ukuba uwuphendule lo mbuzo.** | | |
| 5. | Umbuzo omfutshane | 10 |
| **ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**<br>**Phendula umbuzo omNYE kweli candelo.*** | | |
| 6. Inkawu idliw' ilila | Umbuzo omde | 25 |
| 7. Inkawu idliw' ilila | Umbuzo omfutshane | 25 |

| | | |
|---|---|---|
| | **OKANYE** | |
| 8. Nyana wam Nyana wam! | Umbuzo omde | 25 |
| 9. Nyana wam Nyana wam! | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 10. Ukhozi olumaphiko | Umbuzo omde | 25 |
| 11. Ukhozi olumaphiko | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 12. Ubuncwane Boncwadi Lwemveli | Umbuzo omde | 25 |
| 13. Ubuncwane Boncwadi Lwemveli | Umbuzo omfutshane | 25 |
| **ICANDELO C: IDRAMA**<br>**Phendula umbuzo omNYE kweli candelo.*** | | |
| 14. Buzani Kubawo | Umbuzo omde | 25 |
| 15. Buzani Kubawo | Umbuzo omfutshane | 25 |
| | **OKANYE** | |
| 16. Indlal' Inamanyala | Umbuzo omde | 25 |
| 17. Indlal' Inamanyala | Umbuzo omfutshane | 25 |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no – C, qinisekisa ukuba uphendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI EZIZINCOKO okanye imibuzo EMIBINI EMIFUTSHANE.**

## 2.2 IMIYALELO EYA KUMFUNDI

**QAPHELA OKU KULANDELAYO MFUNDI:**

2.2.1 Eli phepha linamaCandelo AMATHATHU, angala:

- **ICANDELO A**: Isihobe (30)
- **ICANDELO B**: Inoveli/Uncwadi lwemveli (25)
- **ICANDELO C**: Idrama (25)

2.2.2 Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

2.2.3 Landela imiyalelo esekuqaleni kwiCandelo ngalinye ngocoselelo.

2.2.4 Qala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

2.2.5 Kulindeleke ukuba uphendule IMIBUZO EMIHLANU iyonke: Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

**ICANDELO A: ISIHOBE**

IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula nayiphi na imibuzo EMIBINI.

UMBONGO ONGAMISELWANGA – KUNYANZELEKILE UKUBA UWUPHENDULE.

**ICANDELO B**: INOVELI / UNCWADI LWEMVELI: Phendula umbuzo OMNYE.

**ICANDELO C**: IDRAMA Phendula umbuzo OMNYE.

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
- Phendula UMBUZO OMDE ubemNYE NOMFUTSHANE ubemNYE.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.

Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

- **ICANDELO A:** Malunga nama-40 emizuzu
- **ICANDELO B**: Malunga nama-55 emizuzu
- **ICANDELO C**: Malunga nama-55 emizuzu.



Nombola iimpendulo zakho ngokuchaneki-leyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

Cwangcisa ixesha lakho ngobuchule ukuze ukwazi ukuphendula imibuzo elindelekileyo.



**2.3 INGCACISO NGEMIBUZO EMIFUTSHANE YONCWADI**

- Injongo yokubuza imibuzo emifutshane kukufuna ukuqonda ukuba wena mfundi uyazi kangakanani na incwadi yakho yedrama oyifundileyo.
- Xa uphendula imibuzo emifutshane kwidrama unikwa isicatshulwa esinomthamo ongamagama angama-200-350 ubude okanye unikwe izicatshulwa ezibini ezinomthamo ongamagama ali-175 kwisicatshulwa ngasinye.
- Kunyanzelekile ukuba uphendule imibuzo kwisicatshulwa eso usinikiweyo. Ezinye iimpendulo ziyafumaneka kwisicatshulwa eso sedrama.
- Eminye imibuzo yeDrama izakufuna ulwazi lwakho lokuqonda, igxile kwezi zinto zilandelayo; umxholo, abalinganiswa, imiqondiso, umongo njalo njalo ukanti eminye izakufuna uluvo lwakho.

**2.4 INGCACISO NGEMIBUZO EMIDE YONCWADI.**

ÉcoleBooks

- Le yimibuzo efuna impendulo ekwimo yesincoko soncwadi.
- Ubude bempendulo yombuzo omde kufuneka ibe ngamagama angama-340-390.

**2.5 INDLELA YOKUPHENDULA IMIBUZO**

| Naku omawukwenze | Naku omawungakwenzi |
|---|---|
| 1. Khetha umbuzo ube mNYE kwiNoveli nombuzo omNYE kwiDrama. | 1.Musa ukukhetha imibuzo emiBINI kwincwadi enye. |
| 2. Ukuba ukhethe umbuzo omde kwiNoveli (ICANDELO B) qiniseka ukuba ukhetha umbuzo omfutshane kwiDrama (ICANDELO C) | 2.Musa ukukhetha imibuzo emide yomibini okanye emifutshane yomibini kwiCANDELO B okanye C |
| 3.Fundisisa umbuzo ufumane umxholo wokubuzwayo | 3.Musa ukuphendula ungaqinisekanga ukuba kubuzwa ntoni. |
| 4.Cwangcisa impendulo yesincoko ngokuchanekileyo ulandele oku:Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | 4.Ukungacwangcisi kakuhle kuyakwenza ukuba impendulo yakho ingathungelani inamathelane. |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**Izinto omawuzigcine entloko xa uphendula isincoko soncwadi:**

**QAPHELA: isincoko soncwadi seDrama sinamanqaku angama-25 xa uphendula isincoko soncwadi seDrama kulindeleke oku kulandelayo:**

| IMIQATHANGO | AMANQAKU | OKULINDELEKILEYO |
|---|---|---|
| **Umxholo** | 15 | • Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>• Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>• Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi |
| **Isakhiwo nolwimi** | 10 | • Isakhiwo siyathungelana nentshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>• Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>• Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile |
| **Amanqaku ewonke** | 25 | |

Impendulo yakho xa uphendula mayibe kwixesha langoku:

**Umzekelo**

- Umbhali umveza u… esenza i… ngenjongo yoku…/Umlinganiswa ongu… wenziwe wangumlinganiswa ocalanye (Cacisa ukuba kuthetha ukuthini ukuthi umlinganiswa ucalanye) ngolu hlobo nolu hlobo. Wenza oku noku. Umbhali umveza esenza oku noku njalo njalo.
- Ungaze usebenzise umntu wokuqala, sebenzisa umntu wesithathu. Musa ukuthi " umlinganiswa othile "ndimbona". Yithi ubonakala okanye uboniswa njengomntu othanda.
- Xoxa, cacisa uzixhase ngokuzekelisa.
- Sebenzisa iimpawu zocaphulo qho xa ucaphula.
- Kufuneka utolike, uphicothe, uhlomle de maxa wambi unike uluvo olulolwakho ngesihloko okanye umxholo kule DRAMA UYIKHETHILEYO.
- Ingxoxo yixhase okanye ubonakalise ukuyazi nokuyiqonda incwadi nolwimi oku ungakwenza ngokuzixhasa ngeempawu zencwadi .
- Ukucaphula kuluncedo kuncwadi olufundwayo olusesikweni, xa ungakhumbuli ucaphulo oluchanekileyo kakuhle sebenzisa awakho amagama.
- Xa ubhala, bhala ngokungathi kukho umntu ofuna ukukuphikisa kulo mba uwubekayo okanye umntu ongayiqondiyo okanye ongayaziyo kwaphela le nto ubhala ngayo ukuze ke uqinisekise ukuba umcacisele ngokuzeleyo ukuze aqonde.

- Musa ukunqunqa kwaye unganqapheli xa uxoxa ngelithi kukho into eyaziwa ngumntu oza kumakisha le nto uyibhalileyo. *Lilonke musa ukusuka uthi* ***"UMaGatyeni akavumelani nokuba bebe iintsana noMamQhinebe" Cacisa mininzi imibuzo ngesi sivakalisi. NguMaGatyeni otheni lo? Ziintsana ezitheni ezi? Yintoni ebangela ukuba kude kubiwe iintsana? Kutheni uMaGatyeni engavumi nje ukwenza lo msebenzi? Bekusuke kwathini? Phuhla! Esi sivakalisi siyaxhasa nokuba siluluvo? Ukuba siyaxhasa, luphi uluvo? Luthini? Siya kusazi njani ukuba siphumelele? Sibonisa ntoni esi senzo ngokolu luvo lwakho?***

## 2.6 OKULINDELWE NGABAVAVANYI KUMFUNDI XA EPHENDULA IMIBUZO KWELI PHEPHA.

Abavavanyi balindele iimpendulo zemibuzo emifutshane ezibhekiselele kule miba ilandelayo:

- Ukuqonda **intsingiselo eyintsusa** yeDrama.
- Ukubonisa ulwazi lwakho lweDrama **Umzekelo:** ungabuzwa ushwankathelo lweempawu / iziganeko eziphambili okanye chaza ukufana okanye ukwahluka kwabalinganiswa ababini kwiDrama.
- Isakhono sakho sokunikezela ngolwazi olungavezwanga ngokucacileyo kwisicatshulwa, usebenzisa oko sele ukwazi ngeDrama: Oku kubizwa ngokuba **kukuthatha izigqibo.** Oku kuchaza iindlela ekusetyenziswa ngazo izigaba zentetho zingakuchaphazela ukuqonda komfundi iDrama, ucacisa umxholo okanye iyantlukwano yezenzo zabalinganiswa abohlukileyo.
- Ukuthatha izigqibo ngemiba ethile yeDrama, ube noluvo lwakho ngokolwazi onalo ngeDrama. Le nkqubo **yeyokuphonononga**.
  **Umzekelo,** umviwa angabuzwa ukuba uyangqinelena noluvo okanye axoxe ngesenzo somlinganiswa athe wasenza kwiDrama.
- Ukukwazi ukuphendula ngabalinganiswa kwiDrama ngendlela abazotywe ngayo ngokwemvakalelo zabo. Oku kubizwa ukuba **kukuncoma ugxeka.**
  **Umzekelo,** umviwa kungafunwa ukuba anike uluvo lwakhe ngendlela aziva ngayo umlinganiswa othile, okanye ubunokwenza njani ukuba ubusezihlangwini zaloo mlinganiswa.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

## 2.7 Uluhlu lwamagama asetyenziswa kwimibuzo


| Umbuzo | Uhlobo lwempendulo elindelekileyo |
|---|---|
| Hlalutya | Bonisa ukucingisisa ngezithako ezithile ezikhoyo kumbongo okanye kwincwadi (iNoveli/ uNcwadi lweMveli/ iDrama). |
| Tyhila | Velisa ukuba loo nto ibuzwayo ikho ngenene kunye nezithako zayo. |
| Ngqina | Apha uxhasa olo luvo lubekiweyo uzixhasa ngeziganeko ezisencwadini / ngobungqina obubonakalayo. **Umzekelo:** ukuba kuthiwa ngqina ukuba esi sicatshulwa sikwinqanaba lovuthondaba sebenzisa ulwazi lwakho lweempawu zovuthondaba uzichonge kwisicatshulwa eso ubonisa ukuzixhasa ukuba ezo mpawu zithetha ukuba esi sicatshulwa sikuvuthondaba. |
| Xoxa | Beka omabini amacala elubala kunjalo nje uwazi omabini nangona ufuna ukuthatha isigqibo ngelo ulikhethayo **UZIXHASE KANOBOM NGEZEHLO** ezisencwadini. |
| Nika intsingiselo yegama/ ibinzana | Musa ukunika isifanokuthi xa kufunwa intsingiselo yegama/ ibinzana koko nika isivakalisi esizisa intsingiselo ngokwendlela igama/ ibinzana elisetyenziswe ngayo kwisicatshulwa eso. |
| Cacisa | Nika ingcaciso ezeleyo malunga noko kubuzwayo ujonge umthamo wamanqaku. |
| Chaza | Nika inkcaza malunga naloo nto ifunwayo/ unganika ubume bayo, ujonge umthamo wamanqaku. |
| Caphula | Kufunwa uluthabathe lunjengoko lunjalo ulwazi olufunwa ngumbuzo olukwitekisi ulubeke lunjalo, wakugqiba ulufake kwiimpawu zocaphulo (“ ”) |
| Ngqina | Beka uluvo lwakho lokungqina, uzixhase ngokusencwadini, uze ucaphule imizekelo exhasa olu luvo lwakho. Kusoloko kufunwa ubungqina bale nto uthi asiyiyo okanye yiyo/ ukuvumelana okanye ukungavumelani. |
| Chonga umqolo | Kulindeleke ukuba uluthabathe lunjalo olo lwazi lufunwayo. Umzekelo:<br>Chonga igama (igama elinye)<br>Chonga ibinzana (amagama angamabini nangaphezulu kodwa angabi nasivisa).<br>Chonga isivakalisi (isivakalisi esipheleleyo) |
| Xhasa impendulo yakho | Kusoloko kufunwa ubungqina bale nto uthe wena yiyo ngobungqina obusencwadini kwakunye nemizekelo encedisayo. |
| Bonisa | Sebenzisa ulwimi oluzekelisayo uze uchonge. |

ÉcoleBooks

**ISAHLUKO 3: Uhlalutyo lweDrama: Indlal' Inamanyala**

**Yintoni iDrama?**

- IDrama luhlobo loncwadi olubhalwe ngenjongo yokubonisa okanye ukulinganiswa eqongeni kungenjalo kwithiyetha. Iingcali zesiXhosa zithi idrama le yahluke kolunye uncwadi kuba ibali layo likwazi ukwenzeka phambi kwababukeli lilinganiswa ngabantu ukusuka ekuqaleni lide liye ekupheleni.
- Abalinganiswa bayo nabo bayazithethela ngokwabo, intshukumo idalwa ngabo.
- Abalinganiswa basebenzisa intetho-ngqo.
- Incoko phakathi kwabalinganiswa ababini nangaphezulu ithi idale ingxoxo. Ukuze intshukumo yedrama inike umdla, kufuneka ifezeke, isiganeko ngasinye sikhokelele kwesinye.



**ENYE INKCAZELO NGEDRAMA**

- Yincwadi apho abalinganiswa bezithethela ngokwabo, oko kubonakala kwindlela ebhalwe ngayo.

**3.1 IINDIDI ZEDRAMA**

**IDrama iziindidi ngeendidi ezizezi:**

**3.1.1. Intlekele (*tragedy*)-**

- Zonke iziganeko ezehlayo zimanyumnyezi kwaye zihambisa umzimba.
- Kukho ukudandatheka komphefumlo kubalinganiswa ngakumbi ophambili.
- Imeko ilusizi ukuqala ekuqaleni kwebali lide liyokuphela.
- Kukho umoya wonxunguphalo.
- Abalinganiswa bakwimo emandla yoxinzelelo, baphela bephambana, bebulalana okanye bezibulala.
- Abalinganiswa ngakumbi oyintloko uba phantsi konxinzeleko olukhulu.
- Umfundi okanye umbukeli uxhalabile kuba ufuna ukwazi ukuba kuza kwenzekani emva koku(suspense) lide liphele ibali.
- Iziganeko zizisa inkxalabo noloyiko.
- Umlinganiswa uba nesikhwasilima esiza kubangela ukuwa kwakhe(downfall)
- Isiphelo sibi kakhulu ngakumbi kumlinganiswa othandwayo nosizelwayo, umlinganiswa ophambili.
- Lo ngumdlalo onesiphelo esilusizi, ekuthi kubekho umntu ofayo:



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**3.1.2 Isiyoliso /ehlekisayo-**

- Lo mdlalo uyonwabisa.
- Iziganeko eziqhubekayo ziyahlekisa
- Kunyenjwa nje umntu othile ukuze atyhafe ayekelele.
- Incoko ikhaphukhaphu yaye ingangawo nawuphi na umbandela wentlalo.
- Abalinganiswa bayaqhulana beqakathisana ngenjongo yokonwabisa.
- Izagwelo zininzi impoxo ibaxekile nobaxo/ ubabazo lukangako.
- Isiphelo sihle siyancumisa/ simnandi/ umoya ukhululekile

**3.1.2.1. Iintlobo zesiyoliso**

- **Eyezimo zabalinganiswa (*comedy of character*)**
  - Ijolise kwizimo zabalinganiswa.
  - Umlinganiswa uba nophawu oluthile olumenza izinto azibone / azenze ngendlela ethile.
  - Iba lolo phawu lubalaseleyo kuye olumenza izenzo zakhe zihambe ngohlobo oluthile
  - Umzekelo: abe nomsindo okokoko, okanye asoloko esoyika ukwenzakaliswa, okanye asoloko ehleba, okanye abe nomona ongummangaliso njalo njalo.
  - Yonke ke into yakhe iya kulawulwa lolu phawu lunye naphantsi kwayo yonke imeko
- **Isiyoliso seziphoso *(comedy of errors*)**
  - Kolu hlobo isakhiwo esi somdlalo sihlohlwe iintlobo ngeentlobo zeziphoso neempazamo kwizinto ezenzekayo. Umzekelo: Umntu othile aphazanyiswe nomnye, isenzo esithile siphazanyiswe, loo nto yenze ukuba izinto zibhidane kube yiloo nto
  - Apha kubakho iimpazamo ezininzi kwizinto ezithethekayo nezenziwayo ezimthombo wazo usekubhidaniswei kwento ethile nenye
- **Isiyoliso semikhwa yoluntu (*comedy of manners*)**
  - Apha kuyoliswa ngokuthi kuhlekiswe ngendlela abantu abazibaxa ngayo izinto okanye iinkqubo ezibizwa ngokuba zezohlobo oluthile lwabantu, umzekelo izityebi ezityebe kuba zingoogqirha, iqela labantu abakhe baya kwiidolophu ezinkulu nemikhwa yabo njl njl. (Cinga ke apha ngolwimi abalusebenzisayo kunye nezinto abathatha ukuba banenyweba yokuzazi bodwa, yaye ezezabo bodwa. Yonke le nto inokubaxa okungaphaya kweqondo.
- **Isiyoliso esinobuqhakra-qhakra (*sentimental comedy*)**
  - Kusetyenziswa nantoni na enokuhlekisa ababukeli /abafundi.

### 3.1.3. IFASI (*farce*)

- Ukuhleka kuziswa ziziganeko nabalinganiswa ababaxiweyo kakhulu yaye iziganeko ziyahlekisa esinye emva kwesinye.
- Kwenziwa izinto ezininzi ezingaqhelekanga, kukho izothuso kunye nezinto ezininzi ezenzeka ngebhaqo.
- Ukuba into leyo yinto enokwenzeka na okanye hayi, loo nto ayisiwa so kakhulu. (Satyo S.C Uphengululo page 121-122)

### 3.1.4. Isiyolisi ntlekele

- Le yidrama engumxube wedrama ehlekisayo naleyo iyintlekele.
- Umoya uxubile kuthi kusekwimo ehlekisayo aphinde umbhali afake isiganeko esinxunguphalisayo.
- Isiphelo siba lusizi

### 3.1.5 Ikloset drama

- Yidrama eyenzelwe ukufundwa hayi ukuba ilinganiswe
- Isetyenziswa kakhulu kwezo zikanomathotholo.
- Ithatha imizuzu elishumi elinesihlanu kuphela.
- Kusetyenziswa isandi ubukhulu becala ukuzisa ubomi kulo mdlalo.
- Ifuna ubuchule obumangalisayo bokuzisa umfanekiso-ntelekelelo kuba kusebenza imizwa yokuva ngeendlebe kuphela (*sense of hearing*)
- Kubakho izinto eziyimiqobo ebangela ukuba ingalinganiswa eqongeni.

### 3.1.6 Umdlalo kanomathotholo (r*adio play*)

- Ngumdlalo obonwa ngeliso lomphefumlo hayi elenyama.
- Kusetyenziswa isandi nentshukumo ezivakalayo kuba abadlali okanye abalinganiswa ababonwa ngeliso lenyama.
- Kusetyenziswa isandi ubukhulu becala ukuzisa ubomi kulo mdlalo.
- Ifuna ubuchule obumangalisayo bokuzisa umfanekiso-ntelekelelo kuba kusebenza imizwa yokuva ngeendlebe kuphela (*sense of hearing*)
- Akukho miqobo njengedrama yeqonga, apha abalinganiswa bangasiwa naphi na nanini na kusetyenziswa amazwi abo nesandi (esishicilelweyo)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 3.1.7 Melodrama

- Yidrama apho iziganeko zibaxiwe khona ngakumbi ezimanyumnyezi (kubulawana okoko
- Iziganeko ezibambisa umphefumlo (*breathtaking*) zingajolisanga ekwakheni izimo zabalinganiswa.
- Umz: iifilimu zamakhawuboyi, neethriller movies, ezamaTshayina.
- Ngenxa yokubaxwa kwezinto kuba lula ukuba loo nto iphinde iphanze.
- Abalinganiswa bayabaxwa kakhulu umzekelo balunge kakhulu okanye bakhohlakale ngokugqithileyo (bangabingobantu ngokwanelisayo)
- Ekupheleni kwawo lo mdlalo kunokuba yindyikityha yezidumbu ezigqithileyo zabafileyo, nenzwinini enkulu okanye isiphelo sinokuba sesincumisayo

### 3.1.8 Umdlalo ondimanye

- Iyazichaza indima yomdlalo inye umz 'Amathunzi Obomi'ngu JJR Jolobe indima inye imiboniso iyi-8.
- Indawo eyenzeka kuyo ibali inye umz 'endlwini kaMadlomo'
- Yeyona midlalo ilinganiswa kakuhle eqongeni akubikho miqobo.

### 3.1.9 Idrama yeqonga (*stage play)* kunye nedrama ye-opera

- Zombini zilungiselelwe iqonga, ifeedback ifumaneka kwangoko –ukuba ubunjani umdlalo.
- Zahlukile idrama ye –opera yona ikhatshwa ngumculo, ukanti eyeqonga ingenziwa ngaphandle komculo

EcoleBooks

### 3.1.10 Umdlalo oveza/ onika ingxaki. (*problem play*)


- Lo mdlalo ugomagomana, usompasompana nengxaki ethile, inokuba yeyasekuhlaleni okanye ekuziphatheni.
- Yonke le nto yenzelwa ukuba uluntu lucinge ngaloo mbandela.
- Kulo mdlalo kusoloko kumi umbuzo othile ngomba othili: ithini ke impendulo? Umbhali usenokuyinika ngokwakhe okanye ayithi ntlo nje ashiye apho.

## 3.2 AMAGQABANTSHINTSHI NGOMBHALI

UMzwanele Lamati waqala ukubhala ngowe-1984 njengentatheli kwiphephandaba iCity Press. Emva koko wabhalela amaphephandaba aliqela angala- Intsimbi, Umthunywa (wakha wangumhleli kuwo omabini) Imvo, New Nation, True Love, Pace, Weekly Mail, Jive Magazine neDaily Dispatch kwakunye namaziko osasazo i-Radio Transkei ne-Capital Radio.

kwiRadio Transkei wakha wabhala imidlalo yosasazo emide eyile- Isikhuni sibuye nomkhwezeli, uMajengxeba, Phezu kwam ndifikile, Namhlanje sigagene. Emifutshane yaba yile: Ndashiya ndazenza, Ndifuna indlalifa, Lo Yesu uzalelwe thina sonke, neminye.

## 3.3 INGCACISO YESIHLOKO NOQWEQWE LWALE DRAMA




Umbhali usebenzise isaci esithi "Indlal' Inamanyala" esityhila ukuba umntu angenza nantoni na ngenxa yokuswela. Iqweqwe lencwadi liluhlaza okubonisa ukuba emva kwendlala kukho amarhiwu aluhlaza.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 3.3.1 ISIHLOKO SIBHALWE NJANI?

Isihloko sibhalwe ngamagama amhlophe. Umbala omhlophe obonisa uxolo nobunyulu. Oku kubonakalisa ukuba nakubeni bekukho imiceli mngeni ngenxa yendlala ekugqibeleni kubekho isisombululo esikhokelele ekubeni kube luxolo abenzi bobubi bafumana izohlwayo, abafuna imisebenzi bayifumana ngendlela efanelekileyo.

### 3.3.2 UMFANEKISO ONGAPHANDLE KUQWEQWE LWENCWADI.

Kuhlalutyo loncwadi siqwalasela ezi zinto zilandelayo kuqweqwe: isihloko, umbala wamagama asisihloko, umfanekiso ongaphandle.

Iqweqwe libonisa ukuba kukho intolongo. Kukho isango elenziwe ngeentsimbi elikhokelela eziseleni. Oku kungumfuziselo wokuba kukho umlinganiswa/ abalinganiswa abaya kuphelela entolongweni.

### 3.3.3 UDIDI LWEDRAMA

ÉcoleBooks

Kubalulekile ukulwazi udidi lweDrama oyifundayo. Ukwazi udidi lweDrama kukwazi iimpawu. Le Drama yiDrama eyintlekele. UMaGatyeni noMamQhinebe baxhwila abantwana ngokubathengisela uMagrazula ababulale enze amayeza, babanjwe. Ekugqibeleni uSiqhiwu ongunyana kaMamQhinebe udiza amahlebo obuqhetseba obenziwa kwiiofisi zikaRhulumente. Bonke abenzi bobubi bayabanjwa.

### 3.3.4 ISIQALO SENCWADI

Umbhali ubonakalise ubuchule kwisiqalo sencwadi yakhe ngokuthi ayiqale ngoMagrazula ixhwele elinobungozi encokola noDlezinye isicaka sakhe. Bathetha ngokuba ishishini leentloko zabantu alisahambi kakuhle kuba bayabanjwa abantu abeza neentloko kuye, ngoko ke makutshintshwe kufunwe iintsana. Bagqiba kwelokuba makusetyenziswe abafazi kuba ingabantu ekungazokuba lula ukuba bakrokreleke xa bebeleke iintsana.

Oku kunika umdla kakhulu kubafundi bangene encwadini benemibuzo abarhalela ukuba ikhawuleze incwadi iyiphendule. Olo lwazi lwakufumaneka ngokufunda umfimfithe incwadi.

## 3.4 ISISHWANKATHELO SEBALI

Kule ncwadi sidibana noMagrazula ixhwele lakwaBhaca, lixelela isicaka salo uDlezinye ukuba ushishino ngeentloko aluhambi kakuhle. Kugqitywe entlanganisweni ukuba kushishinwe ngeentsana kuba ziza kufumaneka lula ngaphezu kweentloko. UMagrazula ucebisa ukuba olu ushishino luya kulunga xa luthe lwenziwa ngabafazi. UMaGatyeni noMamQhinebe bahlupheke kakhulu, bangamahlwempu kangangokuba abantwana babo babafundise ngemali yokuthwalela abantu imithwalo erenkini. Abantwana babo basokola umsebenzi nangona begqibile ukufunda. Bazamile ukufuna imisebenzi kodwa abayifumananga. Kuthe kusenjalo, bafumanisa ukuba omnye ogqibe emva kwabo ufumene umsebenzi. Ekufikeni kwabo umqeshi kaRhulumente ufune ukuba unyana kaMamQhinebe uSiqhiwu amnyobe ize yona intombi kaMaGatyeni ivume ukutshatwa ukuba ngaba ifuna umsebenzi.

Olu lwazi lwenze ukuba baye emthethweni baye kubamba umqeshi lowo kaRhulumente. Ngethamsanqa ufunyaniswe enetyala umqeshi waze ngolo hlobo wabanjwa. Isicaka sikaMagrazula sisebenzisa ubuhlwempu bukaMamQhinebe ukuze avume ukusebenzela uMagrazula ekubeni iintsana. Oku kwenza ukuba lo mfazi afune umncedisi kulo msebenzi. Naye usebenzise ubuhlwempu bukaMaGatyeni ngokuthi amgrogrise abuyise izinto zakhe. Kaloku uMaGatyeni lo ubephila ngokunkinkqa apha kuMamQhinebe. Uthe kuba engakwazi ukubuyisa izinto zikaMamQhinebe wazeka mzekweni mnye, wavuma ukusebenza lo msebenzi umdaka. Baphumelele ekubeni usana lokuqala. Oku kubiwa kwenze ingxabano enkulu kwaMakwedini owayeqala ukufumana umntwana emva kweminyaka engamashumi amabini etshatile. Badibana noNtamo obabuze ngosana abalubelekileyo. Usana aluzange lufike apho belulindelwe khona. Oku kubangele ukuba kuyekwe ukubiwa kweentsana. Babanjwe xa besabeleke usana lwesibini oluya kwaMagrazula.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 3.5 IMIBA EBALULEKILEYO NEMAYIQWALASELWE XA KUFUNDWA IDRAMA

## 3.6 ISAKHIWO NESAKHIWANA SEDRAMA




### 3.6.1 ISAKHIWO SEDRAMA

Isakhiwo seDrama lucwangciso lweziganeko ezibalulekileyo ezenzeka ebalini zijolise koonobangela neziphumo. Ezi ziganeko kufuneka zivuselele umdla womfundi okanye womphulaphuli, zithungelane ngendlela ephuhlisa ubungcibi okanye ubuchule bombhali. Kufuneka kubekho abantu okanye abalinganiswa abaxambulisana (impixano) ngombandela othi udale ukungevisisani. Le mpixano ingaba yeyangaphakathi apho umntu aphehluzeliswa ingqondo nomphefumlo ziingcinga zakhe okanye ibeyeyangaphandle apho umntu alwa neemeko ezithile zobomi, ingaba phakathi komntu, umntu namasiko okanye izithethe angahambisaniyo nazo. Izinto ezenziwa ngabalinganiswa, indlela abacinga nabavakalelwa ngayo okanye abathetha ngayo zinefuthe elikhulu kwisakhiwo sebali. Yiyo le nto uAbrahams (1981) esithi ngamanye amaxesha abalinganiswa banefuthe kwisakhiwo ingabalawula abalinganiswa ebalini.

#### 3.6.1.1 Ingabula-zigcawu

- Ingabula-zigcawu sisiqalo sebali
- Sithiwa ntlo ngantlanye kubalinganiswa abaphambili.
- Benza izinto ezithile.
- Kwanekwa umcimbi ekuza kuba ngawo.
- Imbewu yempixano ihlwayelwa apha.
- Kuvela isimo sentlalo, liqhubeka phi, nini ibali.
- Ulwazi olusisiseko kungenjalo imvelaphi malunga neziganeko ezenzeke phambi kokuqala kwebali, imbalana ngabalinganiswa
- Oku kunokwenziwa ngengxoxo, usingiselo, iingcinga zabalinganiswa, kungenjalo kubaliswe ibalana eliqulethe olu lwazi:

#### 3.6.1.2 Ukuyondelelana / ukujiya kwebali

- Ulibona njani? Liqala ngesehlo esothusayo okanye esiza nengxaki
- Le ngxaki iqala apho kuphela khona ingabula-zigcawu
- Esi sehlo esihlaba ifolo kuluhlu /sisiseko soluhlu lweziganeko ezikhokelela kuvuthondaba
- Isengangabi sisiganeko koko ibelulwazi oludala unxunguphalo
- Eli nqanaba likholisa ukuba lelona lide ebalini
- Izithole zempixano zintshula kweli nqanaba
- Kulapho undoqo webali ulele khona uquka iziganeko ezibangela ukukhula kwempixano.
- Kubakho ixhala, izothuso nokuqikelelwa kokuza kwenzeka ebalini.
- Iyalwatyuza impixano yenza umsebenzi wayo, iyadlwayiza, abalinganiswa bakwiingxaki eziphotheneyo ngakumbi abaphambili, umlinganiswa uthi esongula olu ucwambu kube kuvela olunye.
- Abalinganiswa baziintlaba zahlukane/ kukho ukuhlelana kwabalinganiswa elowo uziveza elona cala angakulo ebalini.
- Ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula- ubheka phambili, elowo umntu ubambe umzimba ukuba kuza kwenzeka ni, izimo zabalinganiswa ziyadula/ ziyavela.
- Kudula izimo zabalinganiswa kuvele ukuxanbulisana
- Iziganeko zibonisa icala eliza kukekelella ngakulo ibali.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**3.6.1.2 Uvuthondaba**

- Luyincochoyi apho athi umlinganiswa ophumeleleyo okanye owoyisiweyo avele abonwe ngumntu wonke.
- Kweli nqanaba izinto zifike kwincochoyi.
- Kubi kumacala omabini akukho kubuya mva, zizaqhwithi zodwa, elowo umlinganiswa uzijule ijacu, umonde wokunyamezela uphelile, elowo umlinganiswa ophambili uthi mayisuke yehle ehlayo.
- Abaphixanayo abasenako ukuba bangaphixana ngaphezu koku.
- Apha umlinganiswa ophambili uhlangana nemeko emenza anyanzeleke ukuba enze inguqu.

**3.6.1.3 Ukusonjululwa kwezinto**

- Kweli nqanaba sifumana ukusonjululwa kwempixano.
- Amaqhina ayasonjululwa
- Impixano ijonge esiphelweni.
- Kuziwa nesisombululo nokuba isisombululo eso sineziphumo ezikrakra komnye wabalinganiswa abaphambili.
- **Ukusonjululwa kwezinto-izishiqi** ziyakhululwa- Ziyawululeka izinto, wonke umntu uvelile, kungqutywana ngeentloko kuthwa makuthweni.
- **Injikaphethu**:Yilaa ndawo izenzo ziguqukela ngakumlinganiswa oyintloko/ophambili/ okanye zimlahle umlinganiswa oyintloko.

**3.6.1.4 Isiphelo**

- **Apha kweli nqanaba sityhilelwa ngesiphumo sempixano esisenokuvela ngokuthi;**
  - acace poqo owoyisakeleyo,
  - impixano iyacaca ukuba ikweliphi icala.
  - kulungiswe obekungquzulwana ngako.
  - umlinganiswa oyintloko azibone into ayiyo
  - ingayintlekele / isiyolisi
  - injongo yokubhalwa kwayo idrama iphuhle mpela.

Isakhiwo siphuhle kakuhle kule drama ukuqalela kwingabulazigcawu ukuya kwisombululo nesiphelo.

### 3.6.2 ISAKHIWANA SEBALI

- Libalana eliqhubeka ecaleni kweli bali likhulu kodwa injongo yalo ikukulikhulisa.
- Sifana nebali elifutshane, sifumaneka phakathi kwisakhiwo kodwa siba nentshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Yindlela esetyenziswa ngumbhali ukolula ibali lakhe ukuze lingafiki msinya kuvuthondaba, udla ngokusebenzisa umlinganiswa okufutshane nomlinganiswa oyintloko.
- Ibali liyakwazi ukuqhubeka naxa singekho isakhiwana.

**UMZEKELO**

Kule ncwadi yethu **INDLAL'INAMANYALA** kukho isakhiwana sebali apho sifumana uSiqhiwu noSiphokazi befuna umsebenzi, kodwa kubekho uThembinkosi Mazaleni ongummelwane kaSiqhiwu othe wafumana umsebenzi phambi kwabo. OoSiqhiwu bagqibe ekubeni bandwendwele iofisi kaMaqhikizane apho uMaqhikizane afune ukuba bamnyobe kodwa uSiqhiwu wagqiba kwelokuba aye emapoliseni eyokuxela esi sihelegu senzeka kwiiofisi zikarhulumente. uMaQhikizane uyabanjwa. USiqhiwu noSiphokazi bafumana umsebenzi ngokusesikweni, yagwetywa indlala.

**3.6.2.1 Iziqulatho zesakhiwo nesakhiwana (unxantathu kaFreytag)**






DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 3.6.2.3 KWINGABULA ZIGCAWU

- Kuvezwa ngantlanye umcimbi eliza kuchankcatha kuwo ibali.
- Sithiwa ntlo kubalinganiswa abaphambili.
- Indima yabo ithiwa thsuphe kwasekuqaleni.
- Isimo sentlalo sithiwa ntlo.
- Indawo nexesha ziyavezwa.

Kweli nqanaba sivezelwa ngantlanye **indawo** eliqhubeka kuyo ibali kunye **nexesha** eliqhubeka ngalo ibali. **Abalinganiswa ababalulekileyo**, indima abaza kuyidlala kunye nefuthe labo ebalini livezwa kwalapha. Kwezinye iincwadi kubakhona **nendawana enendudulela phambili** neyiyo ebangumzuzu ka'Huntshu'. **Imbewu yempixano** iyahlwayelwa kwalapha kweli nqanaba.

- **Kule drama** umbhali usivezela abalinganiswa abaphambili kwindima yoku-1 kumboniso 1 ukuya - kowe si-3 (p2-18) Apha sivezelwa uMagrazula ethetha noDlezinye.
- Asanelanga ukufumana abalinganiswa bodwa koko siphinda sifumane ingxaki yempixano emandla, sivezelwa ukuba yingxaki kwamapolisa kushishino lukaMagrazula lweentloko zabantu.
- Imbewu yempixano iyahlwayelwa : Eli shishini lakhe lilo eliyintsusa nonobangela wokuqhubekeka kwalo mdlalo. Oku umbhali ukwenza ngokuthi asebenzise intlupheko kaMamQhinebe njengesisombululo kwingxaki kaMagrazula kanti kukuqala kwenkathazo.
- Kwalapha kule ndima umbhali usixelela ukungaboni ngasonye phakathi koSiqhiwu noMamQhinebe unina malunga nomcimbi wokunyobela umsebenzi.

ÉcoleBooks

### 3.6.2.4 UKUYONDELELANA KWEZINTO/ UKUJIYA KWEZINTO

- Eli nqanaba liqala ngesehlo esothusayo okanye esiza nengxaki.
- Iyalwatyuza impixano yenza umsebenzi wayo, iyadlwayiza, abalinganiswa bakwiingxaki eziphotheneyo ngakumbi abaphambili, umlinganiswa uthi esongula olu ucwambu kube kuvela olunye.
- Abalinganiswa baziintlaba zahlukane/ kukho ukuhlelana kwabalinganiswa elowo uziveza elona cala angakulo ebalini.
- Ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula- ubheka phambili, elowo umntu ubambe umzimba ukuba kuza kwenzeka ni, izimo zabalinganiswa ziyadula/ ziyavela.

La mpixano nazo zonke eza zehlo sizibhenqelwe kwela nqanaba lokuqala ziyajiya, ziyabondeka zikhula. Ukuxambulisana, ukuphikisana, impixano nokungevani ngemiba okanye iimbono ezithile kukhula ngamandla kwaye kuyanda. Kubakho iintlaba zahlukane, abanye baba kwelinye icala abanye baxhase elinye. Izehlo zilandelelana ngokukhawuleza.

**Umzekelo**

- UDlezinye uya kwaMalunyawana ukuba amtrshintrshe ubuso bakhe abenze bube bobexhego.
- USiphokazi noSiqhiwu baya kuMaqhikizane emva kokufumanisa ukuba uThembinkosi ogqibe emva kwabo esikolweni sele ephangela nangona bona babefake isicelo somsebenzi phambi kwakhe.
- UMaqhikizane ufuna ukunyotywa.
- USiqhiwu uyokumangala emapoliseni. Ufuna uKheneli Sibane ze afike kukho ipolisa elinguSithonga baxambulisane ngelithi makaxele kuye akuzele kuKheneli Sibane kuba akanakubonwa nguye kuba uKheneli ngumntu omkhulu.
- UDlezinye uya kwaMamQhinebe, ezenza ixhego lomfundisi. Injongo kukuba avume ukweba iintsana ukuze azise kuMagrazula.
- UMamQhinebe urhwebesha uMaGatyeni ukuba bawenze kunye lo msebenzi.
- Kufika uMamQhinebe noMaGatyeni kwaNoziphongo bafike kukho uPixie, benxibe isinxibo samanesi. Bathatha usana kuba besithi bathunywe ngugqirha ukuba bazokulithatha.

## 3.6.2.5 UVUTHONDABA

- Kweli nqanaba izinto zifike kwincochoyi:
- Kubi kumacala omabini akukho kubuya mva, zizaqhwithi zodwa, elowo umlinganiswa uzijule ijacu, umonde wokunyamezela uphelile, elowo umlinganiswa ophambili uthi mayisuke yehle ehlayo.
- Abaphixanayo abasenako ukuba bangaphixana ngaphezu koku.
- Apha umlinganiswa ophambili uhlangana nemeko emenza anyanzeleke enze inguqu.

**Umzekelo**

- Kubi kumacala omabini akukho kubuya mva, zizaqhwithi zodwa, elowo umlinganiswa uzijule ijacu, umonde wokunyamezela uphelile, elowo umlinganiswa ophambili uthi mayisuke yehle ehlayo.
    - Umthetho omele nguNtamo umantsantsa uvumbulula nengcambu umkhwa wokubiwa kwabantwana.
    - UMamQhinebe uqatshelwa nguNtamo ebeleke usana olukhalayo ekuthe kanti lolwakwaLink, behamba kunye noMaGatyeni.

## 3.6.2.5 ISISOMBULULO

- Eli nqanaba lisisiphumo sokugqibela sebali njengoko isakhiwo sebali singunobangela nesiphumo.
- Kweli nqanaba sifumana isisombululo kwiimpixano nezishiqi ebezikade zisehla apha ebalini
- Iqhina ebelikade libotshiwe liyawululeka. Kuziwa nesisombululo esiba neziphumo ezikrakra komnye wabalinganiswa abaphambili.
- Ziye zilunge izinto, zibentle okanye imeko ibe mbi nangakumbi
- Amaqhina ayasonjululwa.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

- Impixano iphelile.
- **Ukusonjululwa kwezinto-izishiqi** ziyakhululwa-ziyawululeka izinto, wonke umntu uvelile, kungqutywana ngeentloko kuthiwa makuthweni.
- **Injikaphethu**:(ukuguquka kwezinto) Yilaa ndawo izenzo ziguqukela ngakumlinganiswa oyintloko/ophambili/ okanye zimlahle umlinganiswa oyintloko.

### 3.6.2.7 ISIPHELO

**Apha kweli nqanaba sityhilelwa ngesiphumo sempixano esisenokuvela ngokuthi:**

- Acace poqo owoyisakeleyo
- Kulungiswe obekungquzulwana ngako.
- Umlinganiswa oyintloko azibone into ayiyo
- Injongo yokubhalwa kwayo idrama iphuhle mpela.
- Sisenokuba sisiphelo ebesilindelekile okanye esingalindelekanga.
- Kungenjalo, umbhali webali usenokwenza ibali liphume apho besingacingelanga khona.

**QAPHELA MFUNDI:**

Kule drama isisombululo nesiphelo zenzeka ngaxesha nye kanti kwezinye isisombululo siyazimela nesiphelo ngokunjalo

**Umzekelo weziganeko ezenzeka kule drama eziveza isisombululo nesiphelo**

| Kholam A: Iimpawu | Kholam B: Ubungqina |
| --- | --- |
| Kukho ukudandatheka komphefumlo kubalinganiswa ngakumbi kwabaphambili. | UMamQhinebe noMaGatyeni babuhlungu, ngabahlolokazi abathwaxwa yintlupheko abangaziboni bephumela kuyo. Ingxaki, isango ngalinye abacinga ukuba bangaphumela kulo lifuna isinyobo. Bade bazibone ngathi banamabhadi. |
| Imeko ilusizi ukuqala ekuqaleni kwebali lide liyokuphela. | Kwincoko kaMagrazula noDlezinye kuvela intlungu nosizi lokuba uMagrazula kukuba kukho iqumrhu lamaxhwele asebenzisa iintloko zabantu, isigqibo esitsha sesokusebenzisa iintsana. Liqala nje ibali liza nomoya wosizi. Kwasekuqaleni, kuvakala intlungu yabantwana abangafumani msebenzi bakuba befundiswe nzima ngoonina abangabahlolokazi, uSiqhiwu noSiphokazi.Ibali luphela ngentlungu yokubanjwa kwabahlolokazi, uMamQhinebe noMaGatyeni, besiba iintsana. Koko kungcola usizi kukuba kwabona bayasetyenziswa. |

| | |
|---|---|
| Abalinganiswa bakwimo emandla yoxinzelelo, baphela bephambana, bebulalana okanye bezibulala. | Imeko yendlla nentlupheko yenza ukuba babekuxinzelelo olumandla ooMamQhinebe de bazinikele kumsebenzi ongcolileyo, athi uMaGatyeni ngomlomo wakhe, ngumgxobhozo omanzi abilayo. |
| Zonke iziganeko ezehlayo zimanyumnyezi kwaye zihambisa umzimba. | |
| Umlinganiswa ubanesikhwasilima esiza kubangela ukuwa kwakhe(downfall). | |
| Lo ngumdlalo onesiphelo esilusizi, ekuthi kubekho umntu ofayo: | |
| Kukho umoya wonxunguphalo. | |
| Umfundi okanye umbukeli uxhalabile kuba ufuna ukwazi ukuba kuza kwenzekani emva koku(suspense) lide liphele ibali. | |

- UMamQhinebe noMaGatyeni bayabanjwa, bebanjelwa umkhuba wokuba iintsana.
- Umthetho uyeyisa, amatshijolo ayabanjwa.
- Injongo yokubhalwa kwedrama iyaphuhla:
    - Kukuphuhlisa ukuba intlupheko iyakwazi ukumenza umntu abalixhoba, de enze izinto angazange wacinga ukuba angazenza.
    - Ingalo yomthetho inde.

**Umsebenzi:**

**(a) Gqibezela le theyibhile ilandelayo ingeempawu zedrama eyintlekele ngokufakela ubungqina obushiyelelelweyo kuKholam B.**

**Umsebenzi:**

**(b) Gqibezela le theyibhile ilandelayo ingeempawu zedrama eyintlekele-siyolisi ngokufakela ubungqina obushiyelelelweyo kuKholam B.**

| Kholam A: Iimpawu | Kholam B: Ubungqina |
|---|---|
| Yidrama engumxube wedrama ehlekisayo naleyo iyintlekele. | Kule drama kubiwa iintsana, uMagrazula uzisebenisa kwishishini lakhe. Usebenzisa abahlolokazi abahluphekileyo kulo mkhuba. Kwakuyo lukho uyoliso kuba uSiqhiwu noSiphokazi bambambisile uMaqhikizane kwaye bawufumene umsebenzi. |
| Umoya uxubile kuthi kusekwimo ehlekisayo aphinde umbhali afake isiganeko esinxunguphalisayo.. | |
| Isiphelo siba lusizi. | |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

## 3.7. IMPIXANO

- Ngundoqo okanye sisihlahla sebali. Yenye yeentsika eziphambili ekwakheni ibali libe nomdla. Ngaphandle kwayo ibali linganomdintsi onganyamezelekiyo.
- Idalwa kukubethabethana kwezimvo/ kweengcamango zabalinganiswa / okanye ukungaboni ngasonye ngomba othile - umlinganiswa ngamnye, kungenjalo iqela elithile labalinganiswa limela uluvo / imbono ethile.
- Inokubonwa ngamehlo (ugxagxamiswano olubonwayo) okanye iviwe ngeendlebe.
- Yiyo ekhokhelela kuvuthondaba.
- Xa iyeyangaphakathi isenokuphathelela engqondweni, emxhelweni, emphefumlweni. Kusenokwenzeka ukuba umlinganiswa unomvandedwa anawo. (Isenokubonakala ngamehlo omxhelo).

### 3.7.1 Iindidi zempixano

**3.7.1.1 Impixano yangaphandle**

- Iphakathi komlinganiswa (ngakumbi oyintloko) kunye neemeko ezimngqongileyo.
- Iziindidi impixano yangaphandle ezizezi:

I. Impixano yangaphandle ephakathi komntu nomntu: Ibangelwa zezi zinto zilandelayo:
  - Abalinganiswa basenokuba babangisana ngento ethile, bayifuna bobabini.
  - Isenokuba abalinganiswa ababini baneenjongo ezahlukileyo ngenxa yoko omnye abengumqobo komnye abenalowo evale impumelelo yalo umbona njengomqobo.
  - Inokubangelwa kukuba omnye efungele ukwenzakalisa omnye, eqhutywa ngumona, yintiyo norhwaphilizo.
  - Inokuqhutywa kukuba omnye wabo ephethwe likratshi, efuna ukuphumelela nganxa zonke.

II. Impixano yangaphandle ephakathi komntu neemeko/ imimiselo yentlalo:
  - Umlinganiswa oyintloko ungquzulana neemeko zentlalo.
  - Umzekelo, urhulumente onorhwaphilizo, iinkqubo enkolo ethile, iingcinga zabantu ngemiba ethile yetlalo, iimeko zoqoqosho, nezinye.

III. Impixano ephakathi komntu nendalo:
  - Umlinganiswa uzamazamana neemeko zendalo. Umzekelo: Izilwanyana, imozulu, intshabalaliso ekhoyo, ze yena abe ezamana neendlela zokusinda/ ukuzindisaa abanye abantu.

IV.
  - Umlinganiswa ulwa neemiba yetekhnoloji. Mhlawumbi zisetyenziselwa unyoluko norhwaphilizo okanye njengezixhobo ezizisa intshabalaliso eluntwini.

**3.7.1.2 Impixano yangaphakathi:**

- Apha umlinganiswa ulwa nomphefumlo wakhe, akukho konwaba.
- Kukho ukubethabethana kwezimvo zomlinganiswa.
- Ngenxa yokujaceka komphefumlo umlinganiswa maxa wambi uthanda ukuba likheswa.
- Ngenxa yeengcinga ezimongameleyo wumbi ude athethe yedwa ekhupha imbilini ngoko kukrekretha umphefumlo wakhe.

## 3.7.2 Impixano yangaphakathi ngokwasebalini

**Imizekelo ngokuqhubeka ebalini**

**Kule drama ithi, "Indlal' inamanyala" nantsi eminye yimizekelo yempixano yangaphakathi:**

- UMaGatyeni, ngenxa yendlala ukhe abe namaxesha okungazi ukuba akhethe ulwaphulo mthetho na kunebhatyi yakhe yomanyano. Uyabubona ububi afakwa kubo nguMamQhinebe, ade athi usathana uze ngerenyawo zombini kwakhe, kodwa uxakiwe kuba uyakufuna ukuphuma entluphekweni kwaye akanandlela yakubuyisela uMamQhinebe izinto amboleke zona.
- UMaGatyeni uxakiwe, woyika ukubanjwa uyayicinga into yokuba ngumsebenzi weenyembezi lo kaMagrazula kwaye yena ungumama webhatyi kodwa aphinde acinge ukuba uyayifuna imali kwaye uza kuthi shuu nguMamQhinebe kuba ugrogriswe ngokuba abuyise zonke izinto zakhe.
- Kukwalapho nokungazi kuMamQhinebe ukuba akhethe indlala na nokuba ebe iintsana kodwa indlala iqatsele ukumenza athathe izigqibo ezimsa eweni.
- USiphokazi naye uxakiwe ukuba akhethe ukuvuma uMaqhikizane onemali nozakumzamela umsebenzi okanye amele inyani. Oko kucaphukisa uSiqhiwu atsho akhangele cebo limbi lokubhabhisa uMaqhikizane.
- UMamQhinebe efikelwa ngumona wokuba angahambi noMaGatyeni xa esenza umsebenzi kaMagrazula, koko woyika uMagrazula kuba ebethe kufuneka babe babini kulo msebenzi.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 3.7.3 Impixano yangaphandle ngokwasebalini

**Imizekelo ngokuqhubeka ebalini**

**Kule drama ithi, "Indlal' inmanyala" nantsi eminye yimizekelo yempixano yangaphandle:**

Ukubulawa kwabantu ngeenjongo zokuthengisa iintloko zabantu kuMagrazula kuchasene nemimiselo yentlalo yoluntu.

- Ukubiwa kweentsana nako kukwachasene nemimiselo yentlalo yoluntu kwaye lulwaphulo mthetho. Zimeko ezi ezidale unxunguphalo kuluntu. Kuthi kuba wonke umntu ekhuselwe ngumthetho kwakubakho izenzo ezinje uyangenelela umthetho ukhusele abantu. Impixano ke iya kuba phakathi kwabophuli mthetho nomthetho.
- Ulwaphulo mthetho olumelwe nguMagrazula, Dlezinye, MamQhinebe noMaGatyeni, umthetho umelwe ngamapolisa umzekelo uNtamo. Kwisakhiwana sorhwaphilizo kukho injinga uMaqhikizane owaphula umthetho ngesinyobo ephixana noSiqhiwu, Siphokazi nomthetho omelwe nguSibane.
- Impixano ke iphakathi kwabantu abaziphilisa ngokwaphula umthetho kunye nomthetho. Kwisakhiwana esinoMaqhikizane uSiqhiwu noSiphokazi bangena ngokwabahlali abalwa ulwaphulo mthetho bebambisa uMaqhikizane ukubonisa ukuba xa abahlali benokubambisana babe nentsebenziswano namapolisa lungaliwa ulwaphulo mthetho ngempumelelo.
- Sivula nje encwadini kubonakala impixano yangaphandle apho isipolisa siphazamise iphulo likaMagrazula lokuthatha iintloko zabantu. Oku kwenza ukuba uMagrazula atshintshe unyawo atshintshele ekubeni iintsana.
- Liyakhula ithanda naphakathi kwesi sibini singuMaGatyeni noMamQhinebe kuba xa engavumi uMaGatyeni ukumlandela uMamQhinebe, uMamQhinebe ubhenela ekumgrogriseni ngokufuna zonke izinto awayemnike zona uMaGatyeni. Ngenxa yokungakwazi ukuzibuyisa ezo zinto zikaMamQhinebe akwabikho cebo limbi ngaphandle kokuwela emgibeni.

ÉcoleBooks

- Ngenxa yendlala, uMamQhinebe noMaGatyeni bayagoba, bagobele kumkhwa wokuba nokuxhwila iintsana bazithengisele ixhwele elikhohlakeleyo elinguMagrazula. Oku kubaphixanisa nabahlali kwizihlandlo ngezihlandlo apho beba abantwana bade babe bafikelele ekubanjweni. Baphumelela nje ekubeni usana lokuqala okukhokelele kwingxabano enkulu kwaMakwedini kuba yayingumntwana wabo wokuqala lo ubiweyo emva kokusokola iminyaka elishumi elinesibini bezama.
- Iinzame zakhe ziquka utyelelo lukaSiqhiwu noSiphokazi oyintombi kaMaGatyeni kwii-ofisi zikaRhulumente beye kufuna umsebenzi. Apho bazibonele ngawabo amehlo urhwaphilizo oluqhutywayo. Bathi bakufika umqeshi kaRhulumente wanyanzelisa efuna ukunyotywa ngemali, wafuna nokuba yona intombi kaMaGatyeni itshate naye ukuze loo nto yenze ukuba bawufumane lula umsebenzi.
- Oku kunyusa ungqquzulwano kuba mhla uSiqhiwu aye kwiiofisi zamapolisa akanikwa thuba de abe uthetha noKheneli Sibane obengaziboni ezi zinto ngalo lonke eli xesha. Ngezabatha azibekelwa nguSiqhiwu umchasi wakhe, uMaqhikizane uyabhajiswa kanye enezandla ezinkone lurhwaphilizo.
- Ufunyanwa enetyala umqeshi abanjwe.

**Umsebenzi 1: Fakela amagama ashiyiweyo kule nkcaza ingenzantsi:**

ÉcoleBooks

a. Ndifunde ukuba impixano idalwa: …………………………………………………….

b. Ngesivakalisi esinye ndingathi impixano yangaphakathi yahluka kweyangaphandle ngokuba yona:…………………………………………………………

c. Kule drama ndiyifundayo ndingathi udidi lwempixano yangaphandle yephakathi komntu n…………………………………….kuba abalinganiswa abangquzulanayo ngu…………………………………………….no……………………………………….

d. Impixano kule drama ibangelwe kuku……………………………………………………………………………………..

e. Ukuba umlinganiswa ongu….nongu…bebengekho kweli bali ngeyingeyingekho impixano kuba:…………………………………………………………………………….


f. Impixano iphele ngokuba kusuke kwenzeke (xela isiganeko esenzekileyo)……………………………………………………………………………….



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

## 3.8 ABALINGANISWA




Abalinganiswa ngabantu abasetyenziswa okanye babunjwe ngumbhali ukuphuhlisa umxholo abhala ngawo. Idrama ngumdlalo ngabalinganiswa. Ubanika izimo ezithile nezithi maxa wambi zitolikwe nangamagama abanika wona. Izimo zabo zenza babe nokuqhubela umdlalo phambili bedandalazisa imfihlakalo yeengcinga zombhali. Nolwaluphi uhlobo lwebali likhumbuleka ngabalinganiswa balo. Loo nto iyodwa nje ibonisa ubuntsika bomlinganiswa ebalini. Umlinganiswa oyintloko (lo ungqongwe ziziganeko okanye ungumsunguli wezinto) nguye umakhi. Nguye kaloku owenza izinto zibonwe ngamehlo, ziviwe ngeendlebe ebalini. Nguye oqweqwedisa ibali nomchasi wakhe. (Umchasi ngulowo usoloko esenza okanye ethetha izinto eziphikisana nezomlinganiswa oyintloko). Le nto yenza ukuba ibali libe nobomi. Abalinganiswa bazotywa ngokuthi sazi izinto abazithethayo, abazenzayo nezinto ezithethwa ngabanye ngabo. Umbhali angababumba ngezi ndlela abalinganiswa bakhe

## IINDIDI ZABALINGANISWA NGOKWEENDIMA ABAZIDLALAYO ENCWADINI

### *3.8.1* Umlinganiswa oyintloko (protagonist)

- Ngulo mlinganiswa ungqongwe ziziganeko ukusuka ekuqaleni kwebali lide liye kuphela.
- Ungumsunguli weziganeko ezehlayo ebalini.
- Wenziwa akholeleke- umela injongo ethile okanye okulungileyo.
- Iziganeko zehla ngenxa yakhe /zingqonge yena/ zithandeleke kuye nokuba akakho isiganeko singaye.
- Ngulo ubangela ukuba ibali liqhubele phambili.
- Unqwenela into, kubekho imiqobo ebangela ukuba iphumelele luzizi/ ingaphumeleli.
- Ubanenjongo afuna ukuyifezekisa.
- Wenza iinzame zokufumana le nto ayifunayo.
- Uxolele ukujinga iliso kunokuba angayifumani into ayifunayo, kungade kube kho inyhikityha yokufa kwabantu abangenasono ngenxa yakhe.
- Unento ayixabisileyo ebaluleke kakhulu ebomini bakhe.
- Uyohlwaywe ngesenzo sakhe.

**Umsebenzi**

eBooks

Sebenzisa iimpawu zomlinganiswa oyintloko, ugcwalisa le theyibhile ingezantsi. Bonisa ngokubeka [ √ ] ukuba uphawu luyalunga kumlinganiswa kwezi zikule theyibhile. Xhasa impendulo yakho ngobungqina obucaphule encwadini.

| Uphawu | Magrazula | Ubungqina obuxhasayo | MamQhinebe | Ubungqina obuxhasayo |
|---|---|---|---|---|
| Ngulo mlinganiswa ungqongwe ziziganeko ukusuka ekuqaleni kwebali lide liye kuphela. | | | | |
| Ungumsunguli weziganeko ezehlayo ebalini. | | | | |
| Wenziwa akholeleke- umela injongo ethile. | | | | |
| Iziganeko zehla ngenxa yakhe /zingqonge yena/ zithandeleke kuye nokuba akakho isiganeko singaye. | | | | |
| Ubangela ukuba ibali liqhubele phambili. | | | | |
| Unqwenela into, kubekho imiqobo ebangela ukuba | | | | |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| iphumelele luzizi/ ingaphumeleli. | | | | |
| Uba nenjongo afuna ukuyifezekisa. | | | | |
| Wenza iinzame zokufumana le nto ayifunayo. | | | | |
| Uxolele ukujinga iliso, kungade kube kho inyhikityha yokufa kwabantu abangenasono ngenxa yakhe. | | | | |
| Unento ayixabisileyo ebaluleke kakhulu ebomini bakhe. | | | | |
| Uyohlwaywa ngesenzo sakhe. | | | | |

### 3.8.2 Umlinganiswa ongumchasi (*antagonist*)

- Lo ngulo mlinganiswa uchasana nomlinganiswa oyintloko.
- Unokuchasana naye ngezimvo okanye ngezenzo.
- Ngumlinganiswa ongumqobo kwiinjongo zoyintloko.
- Nguye ophazamisekayo kwinyathelo elithatyathwa ngoyintloko.
- Uhlalele ukusokolisa lo uyintloko / usoloko echasene / ephikisana nomlinganiswa oyintloko.
- Amandla akhe athanda ukulingana nala walo uyintloko, uneempawu ezifanayo nezomlinganiswa oyintloko ukuze avelise okanye akhule / kukhule / kutyhileke oyintloko.
- Ulenza ibali lisoloko lihambela phambili ngokuba abe ngumqobo endleleni yomlinganiswa oyintloko yokufumana oko akufunayo / akulwelayo.
- Amaxesha amaninzi abalwi ngazigalo aba balinganiswa babini koko balwa ngeenjongo, ngeentetha nangeminqweno.

### 3.8.3 Umlinganiswa onguvalithuba

- Ngumlinganiswa othi gqi eze kwenza oko kuthile aphinde anyamalale.
- Udla ngokuba sicaba kuba unophawu oluthile olunye alusebenzisayo umzekelo ukuba unolwimi uba njalo ke. Khawucinge ngendima edlalwa ngaba balinganiswa.

### 3.8.4 Umlinganiswa ongummeli-ntlobo.

- Lo umlinganiswa umele uhlobo oluthile, umzekelo ipolisa limele umthetho.

### IINDIDI ZABALINGANISWA NGOKWEENDLELA ABABUNJWE NGAYO

### 3.8.5 Umlinganiswa osicaba (*flat character)*

- Ngulo kuvela icala elinye kuphela kwisimo sakhe, nokuba lihle nokuba libi, liya kuba njalo ke kude kuphele ibali. Aba ke abanguwo umzekelo wabantu abaphilayo kuba akakho umntu unecala elinye kungekho mntu uyinto enye ebomini.

**Imizekelo ngokuqhubeka ebalini**

- UMagrazula ngumlinganiswa osicaba isimo sakhe asiguquki nokuba imeko ithini ungcolile kuphela. Ukungcola kwakhe kubonakala ngokuthenga iintloko zabantu ze kwakubanjwa abantu abaqhuba lo msebenzi atshintshele kubiwo lweentsana.

- UDlezinye ngumlinganiswa osicaba. Kuzo zonke iziganeko ezenzeka encwadini akatshintshi. UMagrazula uvezela uDlezinye ukuba ishishini leentloko alihambi kakuhle ngenxa yamapolisa angumqobo endleleni yabo. Umxelela ukuba abantu abamthengisela iintloko babanjiwe ngoko kufuneka kutshintshwe kushishinwe ngeentsana. Nangelo xesha evayo ukuba amapolisa aphezu kwabo, akatshintshi uDlezinye ndaweni yoko uxhasa into yokuba makushishinwe ngeentsana. Akawuyeki lo msebenzi kaMagrazula nangona ezibona ukuba ubomi bakhe busesichengeni sokubanjwa ngamapolisa. Uya kuMalunyawana eyokuzitshintsha azenze ixhego lomfundisi kuba uzondelele ukuba abe sisicaka esithembekileyo sikaMagrazula. Wenza nantoni na enokukholisa uMagrazula kungakhathaliseki nokuba lo nto imvisa kabuhlungu kangakanani omnye umntu.

- Iphela incwadi sisazi icala elinye ngoMagrazula kunye noDlezinye isicaka sakhe.

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 3.8.6 Umlinganiswa ongqukuva *(round character)*

- Ngulo kuvela amacala amabini kwisimo sakhe, icala elihle kunye nelibi.
- Sifunda lukhulu ngalo mlinganiswa kuba ungumzekelo womntu ophilayo (umntu-gqibi). Kaloku wonke umntu uba nazo iimpazamo azenzayo ebomini.

**Imizekelo ngokuqhubeka ebalini**

- USiphokazi ngumlinganiswa ongqukuva kuba liyavela icala lakhe lokungabinamqolo wokumela ubulungisa xa ade amkele imali ayiphiwa nguMaqhikizana. Avume naxa emthembisa ngokumfaka emsebenzini. Ubuya aguquke akunwqanqwadwa nguSiqhiwu, ajike abubone ncakasana ububi aphantse wazifaka kubo, azisole ancedisane nomthetho.

### 3.8.7 Ukuzotywa kwabalinganiswa

- Umbhali kulo mba uza kwenza nje umqhoqhozwana omfutshane, ethabatha usingaye ngokwakhe. Iingcali zoncwadi ziyasixelela ukuba:
  - Umbhali usenokubatyhila ngqo ngokwakhe abalinganiswa bakhe;
  - Umlinganiswa usengazibonakalisa into ayiyo ngezimbo nangentetho yakhe;
  - Isimilo somlinganiswa sisenokuphuhliswa nangabanye abalinganiswa.

### 3.8.8 IINDLELA ZOKUZOTYWA KWABALINGANISWA

#### 3.8.8.1 Indlela engqalileyo/ uzobo ngqo

Kuxa isimo/ubunjani bomlinganiswa buxelwa ngokuphandle kusetyenziswa amagama angafihlakalanga: Umzekelo:

- Apha sixelelwa phandle ukuba umlinganiswa uluhlobo luni na.
- kubalinganiswa bakhe: “Yinyaniso leyo Dlezinye, sicaka sam esithembekileyo.” (Kutsho uMagrazula)
- Kusenganikwa iinkcukacha zomlinganiswa umzekelo; igama lakhe, inkcazelo ngobude bomzimba/ isinxibo sakhe/ ubudala bakhe: “Kusendlwini kaMagrazula, inkintsel yexhwele.”

### 3.8.8.2 Indlela engangqalanga/ uzobo mayana

Kuxa isimo/ubunjani bomlinganiswa buxelwa ngokufihlakeleyo (kusetyenziswa amagama anentsingiselo efihlakaleyo) ze kufuneka ukuba wena mfundi wencwadi ucinge ngakuthethayo/ngentsingiselo yawo: Umzekelo:

- Njengoko igama lizichaza, le yindlela engangqalanga ayisebenzisayo umbalisi abenza baziveze ngayo abalinganiswa.
- Thina ke bafundi bebali sisebenzisa iingqondo zethu ukuhlumisa oku kudluliswa ngumbhali ngeendlela ezimayana.
- Njengokubaxoxisa/ ukubenza bangene kwiingxoxo ngomba othile.
- Unako ukusikrobisa kwiingcingane zabo okanye iimvakalelo zabo: “Kowu kazi isingisa phi le ndlela andiqweqwedisela kuyo lo mfazi…Uze undikhumbuke bawo xa ndiza kugamba indlela endingazanfga ndayiphupha nokuyiphuph’ ebomini bam…” (UMaGatyeni)
- Unako ukusikrobisa kwizinto ezithethwa ngabanye ngaye/ okanye indlela izenzo zakhe ezibonwa ngayo ngabanye: “Ngumkhuba mdala lowo wokuba abe ngabona ntombi intle ayithembise ngomtshato.” (USiqhiwu uxela uMaqhikizana)
- Ubenza bazipele/bazibonakalise ngokwabo izimo zabo ngezenzo, ngeentetho: “Loo nto ke indinika ukuphumla komphefumlo, kuba ke ekubanjweni kwabo andingeni ndawo konke konke. Andithi na ndiyabahlawula ngentloko nganye abayizisa kum?” (UMagrazula)
- Ngamagama abathiya wona- njalo njalo.

**Umsebenzi: Tshatisa udidi lozobo oluKholam B nenkcazelo ekuKholam A, uze unike isizathu sempendulo yakho kuKholam C .**

ÉcoleBooks

| Kholam A | Kholam B | Kholam C |
|---|---|---|
| a. Apha kwaba bafana baseZazulwana andikholwa ukuba ukho umfana odlula uGugulethu ngokubeka abazali. | (i) Uzobo olungathanga ngqo | |
| b. Wasoloko uzimisele ukukhe undintlake kuqala. (uMaGaba kuZwilakhe) | (ii) Uzobo oluthe ngqo | |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

## 3.9 INGXOXO, INTSHUKUMO NEZALATHISO ZEQONGA

### 3.9.1 INGXOXO

Ingxoxo yintetho ethi ibekho phakathi kwabantu ababini nangaphezulu. Abo bantu ke baxoxa ngeenyewe ezibaphazamisayo ebomini babo. Loo nto yenza ukuba sikwazi ukumfunda umlinganiswa ukuba ungumntu onjani. Umntu umfunda ngcono ngamazwi aphuma emlonyeni wakhe, ukanti nabanye xa bethetha ngomnye umlinganiswa. Kuloo ncoko buyadula ubunjani baloo mlinganiswa nokuthethwa ngaye.

**Ingxoxo yomntu omnye***:* Umlinganiswa uyakwazi ukuma eqongeni azithethele eyedwa, omnye abonakaliswe ethandaza. Siyibona kakhulu kweli bali kumlinganiswa onguMamQhinebe xa efungela uMaGatyeni kuba engavumi ukungena kumsebenzi wokubiwa kweentsana. Umlinganiswa uyazithethela yedwa ecaleni eveza oko akucingayo. (*soliloquy*) pg 89. Yintetho ende. Athethe yedwa ejolise ebantwini (*monologue*) UDlezinye ethandaza pg 72, 78 ,

**Ingxoxo yabantu ababini nangaphezulu:** Apha kulapho kuxoxa abantu ngabantu bemana ukunikana amathuba. Isenokuba yincoko okanye luxambuliswano

**Bucala (An *aside*)**: Umlinganiswa uyakwazi ukuthi ngoku enabanye eqongeni athethe yedwa ukuze angaviwa ngabanye. Kumaxa amaninzi sukube evakalisa imvakalelo yakhe okanye ephumisela iingcinga zakhe ngaphandle.

ÉcoleBooks

#### 3.9.1.1 Mayibe njani ingxoxo?

- Mayibe yeyokwenyani njengeentetho zabantu bemihla ngemihla.
- Mayiveze isimo sentlalo esiza kukhokelela ekukhuleni kwebali.
- Mayiveze isimo sabalinganiswa.
- Isantya esisetyenziswayo kwingxoxo masifanele abalinganiswa, sicothe kwabadala sikhawuleze kulutsha.
- Mayizobe imeko ecace gca nefanela uhlobo lwedrama olo umz: elusizi -trajedi, eyonwabileyo-Ikhomedi
- Ingxoxo mayinxulumane nesakhiwo sebali.
- Mayikwazi ukuveza ithoni nemo yombhali esebenzisa abalinganiswa.
- Ingxoxo mayiveze umxholo webali.

#### <u>3.9.1.2 Ingxoxo yentlekele</u>

Idala ukhwankqiso inobunzithinzithi, abalinganiswa basebenzisa amagama achukumisayo, adlwengul' umxhelo.

#### <u>3.9.1.3 Ingxoxo yesiyolisi</u>

Ikhaphukhaphu kuyaqhulwana, kuyahlekisa, konwatyiwe

**3.9.2 INTSHUKUMO**

- Umdlalo ngumdlalo ngentshukumo. Intshukumo asikokuhambisa amalungu omzimba ngokusuka kwenye indawo uye kwenye. Umntu uyakwazi ukuyenza intshukumo ngokucimela, ukunikina intloko, ukuphakamisa isandla njalo-njalo. Intshukumo kukujikajika ulusu xa umntu ebonisa ukucinga, ukothuka, ukucaphuka, ukuvuya. Intetho yabo mayifane nabo, ibe krwada kokrwada, ilulame kolulamileyo njalonjalo.

- **Nazi iindidi zentshukumo:**

**3.9.2.1.1Intshukumo ebonakalayo-**

- Xa kusenziwa umdlalo siwubukele umz: ecimela/ enikina intloko

**3.9.2.2. Intshukumo echazwayo-**

- Xa sifunda incwadi kwizalathisi zeqonga umz: ethwala izandla entloko

**3.9.2.3. Evakalayo**-kunomathotholo umz: siva isandi sokukhala

**3.9.2.4 Umsebenzi wentshukumo:**

- Ityhila isimo somlinganiswa, iveza ubunjani bakhe, ityhila izenzo zomlinganiswa, impixano yangaphandle/ ngaphakathi.

**3.9.3. IZALATHISI ZEQONGA**

Ngamagama abhalwe ngefonti ekekeleyo kwizibiyeli. Yonke imiboniso iqala ngezalathisi zeqonga. Izalathisi zeqonga ezalatha omakwenziwe ngabalinganiswa ngamazwi, ngeentetha ukushukuma komzimba ukuphuhlisa imvakalelo ethile, konke oko kudala intshukumo yebali.

EcoleBooks

**Umsebenzi wazo**

- Kukuveza imbonakalo nemo yemvakalelo yabalinganiswa, okuza kwenzeka kweso sahluko.
- Iveza isimo sentlalo
- Kukuchaza iziganeko okanye iintshukumo ezingenakuvela eqongeni.
- Kukunika ababukeli ulwazi ngokuqhubekayo nokuza kuqhubeka kulo mboniso (*update*).
- Izalathisi zeqonga zinika umyalelo weqonga,
- Zichaza intshukumo yabalinganiswa xa kukho into evelayo emalunga neemeko abakuzo abalinganiswa,
- Indawo eliqhubeka kuyo ibali,
- Zinika ixesha, ixesha leveki/ lemini/ nemini/ umhla wokuqhubeka kwesiganeko,
- Iinkcukacha malunga nabalinganiswa abathabatha inxaxheba kulo mboniso
- Zinika umkhombandlela wento eza kwenzeka,
- Ichaza isiganeko okanye intshukumo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

## 3.10 UMXHOLO

**Umxholo wale Drama ithi Indlal' Inamanyala"** uthi – indlala ingakutshintsha isimo sakho ikwenzise izinto ongazange wazicinga ukuba ungaze uzenze ebomini bakho.
Okanye "Indlala ibangela ukuba umntu enze izimanga"

- Lo nguwona mcamango ungumongo/uphambili wenze umbhali wathatha usiba lwakhe waba uyabhala.
- Yingcinga engundoqo edibanisa yonke into eththwayo.
- Yile nto kuthethwa ngayo/ isihlahla sebali, ifana negwele.
- Kwaphaya ekuqaleni kwebali ngumxholo othi iqingqe ingxaki ekhoyo nokwandlalwa kwayo.
- Le ngcinga ilithungela ilityhutyhe <u>lonke</u> ibali ukusuka kwingabula zigcawu ukuya kwisiphelo.
- Umxholo uphuhliswa ngabalinganiswa ngendlela ababunjwe ngayo/ngokokusetyenziswa kwabo.
- Umxholo ukhatshwa yimpixano ukuze ibali liqhubeke utsala nomdla.
- Xa ufuna umxholo uzibuza le mibuzo ilandelayo:
- Eli bali lityhila ntoni ngobomi jikelele?
- Sibaluleke ngantoni isihloko salo?
- Ingaba umlinganiswa oyintloko/ ophambili uyatshintsha apha ebalini okanye unesifundo asifundileyo?
- Mbono zini ezimkhuthazayo/ ezimtyhafisayo umlinganiswa oyintloko?
- Sibe yintoni isiphumo seengcinga neendlela ahlangabezene ngayo neemeko ezimkhathazayo/ eziyimiqobo?
- Zibe yintoni iziphumo zezenzo zakhe kubomi bakhe?
- Ubefuna ukusixelela ntoni ke umbhali ngencwadi yakhe?
- Umbhali angawuphuhlisa ngeentetho, izenzo, izinxibo neenkolo zabalinganiswa.
- Umxholo ukhatshwa yimpixano ukuze ibali liqhubeke ukutsala umdla.

**Imizekelo ecatshulwe kule drama ukuxhasa umxholo**

- UMamQhinebe uvuma ukuqhathwa nguDlezinye ngokuthi enze umsebenzi wokuba iintsana nangona ewuqonda ukuba uza kumfaka engxakini. Oku ukwenza ngenxa yendlala.

- UMamQhinebe urhwebesha uMaGatyeni ukuba bawenze kunye lo msebenzi wokuba iintsana. Ngenxa yentsokolo, uyavuma uMaGatyeni kwaye uyaziqonda iziphumo zako konke oku ukuba baza kuphelela ejele.

**Iziphumo zokutshintsha kwezimo zabantu ngenxa yendlala:**

- UMamQhinebe noMaGatyeni baserenkini basa usana abalubileyo kuMagrazula, badibana noSajini uNtamo babanjwe.

## 3.12 IMIXHOLWANA

- Yimisontwana ethi incedisane nengcamango ephambili yombhali (umxholo ongundoqo)
- Inomsebenzi obalulekileyo kuyo nayiphi idrama.
- Ixhasa /ikhulisa umxholo.
- Ixhasa umyalezo wombhali
- Ayilithathi lonke ibali njengoko umxholo usenza njalo

**Imizekelo yemixholwana efumaneka kule drama:**

- **Ukunyoluka/ ukunyoba**

  ÉcoleBooks

  UMaqhikizane osebenza kwii-ofisi zasebuRhulumenteni eMthatha, akoneli yimali ayamkelayo kumsebenzi awuqeshelweyo. Uthi ngenxa yokunyolukela imali afune ukunyotywa ngabantu abasokolayo abaphuma esikolweni phambi kokuba abanike umsebenzi. USiqhiwu ufumanisa ukuba uThembinkosi ophume emva kwabo esikolweni sele ewufumene umsebenzi, nangona kukudala bona bewufuna bangawufumani. Uya kwii-ofisi zaseburhulumenteni afike kukho umnumzana uMaqhikizane. Ekuxoxeni kwabo bengavani utgqibela ngelithi umnumzana uMaqhikizane uSiqhiwu makakhawulezise azise kuye ikhazi kwaye lingabi ngaphantsi kwekhulu leerandi.

  USiphokazi ophume nooSiqhiwu esikolweni naye akakafumani msebenzi. Ufika kumnumzana uMaqhikizane angavumi ukuba makambize ngokuthi ngu'tata' koko afune ukuba makathi 'Daddy' xa embiza. Umncoma ubuhle nomfaneleko ade abe namagama athi 'Sphoshazana". Umthembisa ngokumenza inkosikazi yakhe. Ufuna ukunyotywa nguSiqhiwu, afune ukuthandana noSiphokazi. Apha kuyabonakala ukuba yinto aqhelileyo ukuyenza umnumzana uMaqhikizane kubantu abafuna umsebenzi kwezi ofisi aphangela kuzo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

- **Ukunyaniseka**

  USiqhiwu uncokola nonina malunga nokungafumani kwakhe umsebenzi ekubeni kukudala egqibile esikowleni. Unina uveza uluvo lokuba kungathi kanti kufuneka anyobe ukuze afumane umsebenzi. USiqhiwu uyayimela into yokuba yena akasoze athi akugqiba ukufunda nzima esokola aphinde anyobe xa kufuneka efumene umsebenzi. Ufika kwii-ofisi zikamnumzana uMaqhikizane ezokuqonda ukuba kwenzeka njani ukuba uThembinkois osandula ukuphuma esikolweni abe sele efumana umsebenzii babe bona kukudala bagqiba ukufunda kodwa abafumani msebenzi. Umnumzana uMaqhikizane ufuna ukunyotywa ngekhulu leerandi nguSiqhiwu. USiqhiwu ukhaba ngawo omane engavumi ukunyobela umsebenzi esakugqiba ukufunda nzima kangaka. Oku kubonakalisa ukunyaniseka kukaSiqhiwu ngokuthi axolele ukuthabatha amanye amanyathelo kunokuba anyobe. USiqhiwu uyimele inyaniso kwade kwasekugqibeleni engazange wanyoba mntu.

- **Ingalo yomthetho inde**

  UMagrazula usebenzisa abantu ukuba beze neentloko zabantu ukuze enze ngazo amayeza. Ishishini lakhe leentloko alihambi kakuhle. UMagrazula ukhalazela ukuba amapolisa ezizinxada-nxada ezama ukuvala lo mthombo wakhe wezi ntloko. Abantu abamsebenzelayo bayabanjwa. Nangona bebanjiwe nje uMagrazula uvuyela ukuba bengamchazi emapoliseni nangona besetyenziswa nguye.

  ÉcoleBooks

  Amapolisa aphume iphulo kukhangelwa abantu abeba iintsana. USajini Ntamo udibana noMamQhinebe noMaGatyeni erenkini. UMamQhinebe ubeleke usana alubileyo lukaMakwedini noNoziphongo. USajini utsalwa sisikhalo solu sana lubelekiweyo. Uhamba nabo ukuya etshajofisi, bayabanjwa.

- **Ukunganyaniseki**

  UDlezinye osisicaka sikaMagrazula uya kwaMalunyawana ukuze amtshintshe inkangeleko yakhe amenze ixhego. Oku ukwenzela ukuba aze afumane umntu osokolayo asebenzise intsokolo yakhe ukumrhwebeshela kumsebenzi kaMagrazula wokuba iintsana. Uthi akubona umzi kaMamQhinebe aqonde ukuba kuyalanjwa kweli khaya. Ufika amxokise azenze umfundisi ukuze uMamQhinebe akholelwe kuye ngoba abefundisi ngabantu abathembekileyo. Uzenza ixhego ngenjongo yokuba aze akholelwe msinyane uMamQhinebe. Umthembisa ngokuba uza kuba sisinhanha esingawothiyo umlilo kanti ngalo lonke elo xesha umkhokelela entolongweni. UMamQhinebe uthi akubona umfundisi, ixhego nokwenza, aqiniseke ukuba ngenene uza kuba sisityebi.

## 3.12 UMONGO

- Umongo yingqokelela yazo zonke iziganeko athetha ngazo umbhali.
- Ingqokelela emfutshane yamanqaku abalulekileyo ahlalutywayo/axoxwayo ebalini.
- Iqala phaya kwimpixano okanye kwingxaki le ibekiweyo, ihambe iye kuphuma kwisisombululo sezo ngxaki.
- Amaxesha maninzi abantu bayibiza ngokuba libali.
- Izenzo ebalini zixhomekeke kubalinganiswa.
- Iinkcukacha zomongo zidibene.

## 3.13 UMYALEZO

- Kubalulekile ukuba kuthi tha ukuba umbhali uthi masithini ngoku akubhalileyo.
- Mamela ukuba uthunywa ntoni.
- Impendulo mayibe sisivakalisi esipheleleyo.

### 3.13.1 Ufikelela njani kumyalezo?

- Thatha umlinganiswa ophambili, umchasi okanye umlinganiswa oyintloko.
- Mpazamo zini azenzileyo? Zalungiswa ziziphi izenzo?
- Yamkelekile impendulo yalo mbuzo eqala ngolu hlobo; "Umbhali uthi musa uku…. uba ngokwenza oko unga….." Omnye angathi umyalezo uthi, "Kulumkele uku…. kuba ungangena kwingxaki ethile.

### 3.13.2 Kungakho imfuneko yokuxhasa le mpendulo uyinikileyo.

Xa kufunwa uzixhase yayama kwizenzo zalowo ubemele oko ukufundileyo.

Qaphela: kukho ukumelana kwimfundiso nomyalezo kodwa asinto inye. Umzekelo:

Indlala mayingakwenzi uthathe izigqibo eziza kukufaka engxakini. Masikulumkele ukwenza izinto ezizakubangela sizisole emva kwexesha.

Esi sisifundo osifunde wakuba ufunde eli bali okanye loo mxholwana/ wakuba ubukele izenzo ezinempumelelo okanye ezingenampumelelo zomlinganiswa othile/ izenzo neziphumo zazo kumlinganiswa othile.

Impendulo ngemfundiso ingabekwa ngolu hlobo:

(Ndifunde ukuba) 'Akulunganga uku.../ Kulungile uku…'.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

## 3.14 IMFUNDISO

- Kukho ukumelana kwimfundiso nomyalezo kodwa ayonto inye.
- Ingabekwa ngolu hlobo:
- (Ndifunde ukuba)

## 3.15. ULWIMI NESIMBO

Enye yezizathu zokufunda uncwadi kukwenza ukuba abafundi baxhinele ukusebenzisa ulwimi olukhethekileyo nolucokisekileyo, izafobe, isimboli nentsingiselo kokuza kufundwa. Oku kuquka uhlalutyo lwesimbo sokubhala.

Isimbo yindlela umbhali awubeka ngayo umcimbi wakhe phambi kwabafundi.
Ababhali banezimbo zabo zokubhala, iindlela zabo zokubhala, ezikhethekileyo kubo.
Isimbo sombhali senziwe yimiba eliqela equka:

- Ukuchongwa kwamagama.
- Ukusetyenziswa kwemifanekiso-ngqondweni.
- Ukusetyenziswa kwemiqondiso.

Umbhali apha kweli bali usebenzise uthotho lwezafobe ukunonga ulwimi lwakhe ukuze umntu abenomfanekiso ngqondweni walo nto kuthethwa ngayo. Ukuthatha akubeke kulo ndawo kwenzeka kuyo ibali. Uzibona nawe uyinxalenye yabalinganiswa abasencwadini. Mve xa esebenzisa uMagrazula xa kucaca ukuba ishishini lakhe alihambeli phambili ngenxa yamapolisa angumqobo endleleni yakhe, mve xa athi 'amapolisa azizinxa-nxada' xa ezama ukuvala umthombo wezi ntloko. Uthi xa efuna ukuba uDlezinye aqiniseke ngokuthembeka kuye amncome ngokuthi 'ichutyiwe yona ingqondo le yakho'. Oku ukwenzela ukuphuhlisa isakhono sakhe sobugcisa bolwimi.

Umbhali abalinganiswa bakhe ubenza baxube isingesi xa bethetha ukuqaqambisa ifuthe laseNtshona, nto leyo ebonisa ukuba banesikolo. Umbhali uphum' izandla ekuzobeni imifanekiso ntelekelelo ngezalathisi zeqonga *kuba* uyithatha ingqondo yethu ayibeke kuloo ndawo athetha ngayo. Ngamanye amaxesha siba ngathi siyayibona le nto kuthethwa ngayo ngenxa yendlela ayalela ngayo ukuba mabenze okanye babonakale bekhangeleka ngayo abalinganiswa bakhe. ULamati unobuchule obumangalisayo ekubekeni izinto malunga nobomi obuphilwayo kwixesha langoku, kwa indlela ayibeka ngayo ithi idlwengule umxhelo kumfundi.

## 3.16. ISIMO SENTLALO KUNYE NEMVELAPHI




- Isimo sentlalo sizoba indawo nexesha eliqhubeka ngalo ibali.
- Indawo iyazotywa icace gca. Ngamanye amaxesha icaciswa ngumbhali ngomlomo wakhe ukanti ngamanye amaxesha usebenzisa abalinganiswa.
- Izinto abazenzayo ndawonye nezinxibo ziduliswa ngabalinganiswa.
- Siphefumla umoya othile apha ebalini ngenxa yokuba ibali lisenzeka kwindawo ethile, enabantu abathile abanamasiko athile.

**Qaphela oku malunga nesimo sentlalo**

ÉcoleBooks

Isimo sentlalo yindawo apho ibali lenzeka khona, ixesha elenzeka neemeko abaphila phantsi kwazo abalinganiswa. Sidula ngezinto ezenziwa ngabalinganiswa, izinxibo, inkolo yabalinganiswa ulwimi abalusebenzisayo, izinto abazixabisileyo, njalo njalo.

- **Ixesha njengesolotya lesimo sentlalo:**
    - Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Izinto ezisetyenziswa ngabalinganiswa kulo mdlalo ziyangqina ukuba uqhubeka kweli xesha lokhanyo, sekungene umfutho waseNtshona.
    - Ixesha kweli libali leli xesha lokhanyo: Imizekelo yobungqina obudiza oku ngokwasebalini:
    - Imfundo sele ingenile kumzi kaNtu: Kukho abantu abaNtsundu abakwizikhundla eziphezulu. Kukho amagosa angabantu abaNtsundu abaphangela eburhulumenteni, njengoMaqhikizane. USiqhiwu noSiphokazi bafunde baphumelela ibanga leshumi.
    - Abantu abaNtsundu bakwizikhundla eziphezulu: UMaqhikizane ungumqeshi kwiofisi yakwarhulumente. Kheneli Sibane noSajini Ntamo ngabaNtsundu abakwizikhundla eziphezulu emapoliseni.
    - Kuhanjwa ngezithuthi eziziimoto neebhasi: UMamQhinebe noMaGatyeni bathwalisa abantu imithwalo erenkini. Sibava belinde ixesha lokuphuma kwebhasi xa beseMthatha bebe usana.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

- Ulwimi olusetyenziswayo: Kusetyenziswa kolwimi lwesiNgesi ngabalinganiswa abathile kuveza ngokumhlophe ukuba lixesha langoku sele kuphilwa isilungu Yiva uSiqhiwu xa athi, *'it's the survival of the fittest: the elimination of the weakest; the law of the jungle.'*
- Ubukho betrongo namapolisa zizinto zeli xesha lokhanyo: Kukho uSajini Ntamo noKheneli Sibane. USajini Ntamo ubamba uMamQhinebe noMaGatyeni ebabambela ukuba usana lwakwaLink.
- Ubukho beeklinikhi namanesi: UNoziphongo noPixie sibabona besekinikhi, bethetha namanesi beyokufuna umntwana othathwe ngooMamQhinebe abafike bazenza manesi kuPixie, kanti benza iqhinga lokuba usana
- Inkolo yobuKrestu sele ingenile:

- **Indawo njengesolotya lesimo sentlalo:**

  - Yile ndawo ibali liqhubeka kuyo, isenokuba yilali, yidolophu, yifama, yilokishi, njalo njalo. Inokubizwa ngegama okanye ivele ngokuthi kukhankanywe imiba nezinto ezithile ezinjengezakhiwo, okungaphakathi kuzo, nezinto ezenziwa ngabalinganiswa, njalo njalo.
  - Ibali liqhubeka ezilalini nasedolophini kunye nasedolophini: Ezilalini liqhubeka ezilalini zakwaBhaca. Ibali livula kube kuvela inkintsela yexhwele elinguMagrazula, esemzini wakhe kwilali yakwaBhaca, encokola noDlezinye. Kuvela nooMaGatyeni bephila impilo yasezilalini, yokuxhasana. Umzekelo, akuphelelwa kukutya uMaGatyeni unkinkqa kwaMamQhinebe.
  - Edolophini liqhubeka edolophini kwaBhaca nasedolophini eMthatha. Kwakhona kule dolophu kuphangela uMakwedini kumzi mveliso noSigodi ongumhlobo wakhe. OoMamQhinebe babanjwa edolophini eMthatha nguSajini Ntamo, ngesityholo sokuba usana.

- **Iimeko zentlalo abaphila phantsi kwazo abalinganiswa:**

  - Abalinganiswa ikakhulu bathwaxwa yintlupheko baphila ngokuziphandela nzima:
  - Kukho ulwaphulo mthetho olugqithileyo oludala imo yonxunguphalo:

- **Inkolo neenkolelo**
  - Abalinganiswa balandela inkolo yobuKrestu:
  - Bakholelwa kwizinto zokuthathatha nakumayeza esiNtu:

**Umsebenzi**

**Kule theyibhile ingezantsi dwelisa imiba engakhankanywanga ebubungqina bokuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo nedandalazisa ukuba liqhubeka ezalini/edolophini**

| Ubungqina bokuba liqhubela kule mihla siphila kuyo | Ubungqina bokuba liqhubeka ezilalini nasezidolophini |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |

**Ixesha njengesolotya lesimo sentlalo:**

Le ncwadi ithi Indlal' inamanyala ibonisa iyantlukwano ngokwemeko zentlalo kukho abahluphekileyo nabangaxakekanga ngokwasepokothweni. Igxila ngamandla kulwaphulo mthetho olwenziwa ngabantu besenza abo bathwaxwa yintlupheko amaxhoba abo. Kukwixesha lokhanyo, kufundiwe. UMaqhikizana ukwisikhudla saseburhulumenteni, kwiCandelo lengqesho. Usebenzisa ngolunya igunya analo ngokunyobisa abantu, ukuze abaqeshe. Oku kudala ukuba kubenzima kuSiqhiwu ukufumana umsebrenzi sele ephumelele ibanga leshumi. Nto leyo eyenza ukuba ubomi bukaMamQhinebe bentlupheko bungatshintshi de azibne ehendeka bubutyebi athenjiswa ngabo nguDlezinye. Ungena kuloo mgibe, afakre noMaGatyeni, ohlupheka nangaphezu kwakhe. Basetyenziswa nguMagrazula onyolukele imali de abesisaphuli mthetho nombulali othengisa iintloko zabantu nabantwana.

Ichaphaza lefuthe laseNtshona lingene, lixwaye inkolo yobuKrestu. Kubelula kuDlezinye ukufumana abafazi abaza kusetyenziswa nguMagrazula ukuba iintsana kuba uzitshintshe ubuso kuMalunyawana, waya elalini ezenza ixhego lomfundisi. Wamqhatha uMamQhinebe, oye wamthemba kuba naye engumama webhatyi, okhonzayo.

Okunye okubonisa ukuba eli bali liqhubeka kule mihla siphila kukho amanesi neklinikhi. Oku kwenze walula umsebenzi wooMamQhinebe wokuba iintsana kuba bazenze manesi baya kwaNoziphongo, baqhatha uPixie ngelithi bazokuthatha usana lufunwa eklinikhi nguqgirha babe bayalufumana. Ubukho bamapolisa kwenze ukuba babanjwe nguSajini Ntamo eMthatha edolophini bebeleke usana lwakwaLink, babanjwa.

**Umsebenzi**

Thathela kule ngxoxo ingentla, uxoxe ngendlela ixesha njengesolotya lesimo sentlalo eliwukhulise ngayo umxholo webali wokuba indlala ingakutshintsha isimo sakho ikwenzise izinto ongazange wacinga ukuba ungaze uzenze ebomini bakho.

Indawo njengesolotya lesimo sentlalo:

Apha kule ncwadi isimo sentlalo singxabalazile kuba ibali lenzeka emaphandleni eKaplani kwiilali zakwa Bhaca apho kuhlala khona uMamQhinebe noMaGaba kanti noMagrazula ulixhwele elihlala ezilalini. Likwaqhubeka nasedolophini eMthatha apho babanjwa khona ooMaGaba noMamQhinebe.UMamQhinebe noMaGatyeni bahlala elalini, ngabahlolokazi abaphilisanayo kubomi babo bentlupheko. Inkangeleko yemizi yabo idiza intsokolo, akukho nobuhlanti, bona budiza ukuba ubani unezinto ngokwentlalo yaselalini. Oku kwenza ukuba uDlezinye aqonde ukuba umntu ongaphakathi, onguMamQhinebe, angalixhoba elilula kuba kuyacaca ukuba uyahlupheka.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**Umsebenzi**

Thathela kule ngxoxo ingentla, uxoxe ngendlela indawo njengesolotya lesimo sentlalo eliwukhulise ngayo umxholo webali wokuba indlala ingakutshintsha isimo sakho ikwenzise izinto ongazange wacinga ukuba ungaze uzenze ebomini bakho.

## 3.17. ISIPHELO

**IDrama inganesinye sezi ziphelo zilandelayo: isiphelo esilindelekileyo okanye isiphelo esothusayo/ esingalindelekanga.**

- Kule Drama ithi “Indlal’ Inamanyala” omnye umntu angathi isiphelo sayo sesilindelekileyo kuba uMaGatyeni noMamQhinebe baye babanjwa njengokuba bebevisa abanye abazali kabuhlungu ngokuthi bebe iintsana zabo. UMaqhikizane oxhaphaza abantu abasweleyo ngokubathengisela umsebenzi, ubanjiwe.

- Omnye umntu angathi sisiphelo esothusayo/ esingalindelekanga kuba uMagrazula olixhwele elingcolileyo, nguye umsunguli wokungcola kule Drama kodwa iphela engabanjwanga.

## 3.18. ISIGQEBELO

- Isenzo siphuma kwinkalo ethile ebe ingalindelekanga.
- Sisetyenziswa kakhulu kubaliso ukuphuhlisa impoxo okanye ukuhlekisa ngobutyhakala bomlinganiswa okanye ukuphuhlisa intlekele kwibalana elo.
- Sibonakala kwabafundayo ngokuthi isenzo somlinganiswa siphume kwinkalo ebingalindelwanga okanye intetho yomlinganiswa othile ingangqamani nesiphumo esisisenzo ngokuchaseneyo nenjongo leyo yentetho yesithethi.

**Umzekelo**

### 3.18.1 Iindidi zesigqebelo

- **Isigqebelo semeko**: okulindelwe kwimeko ethile akuhambi ngokwemeko leyo.
- **Isigqebelo sedrama:** Senzeka xa abalinganiswa benza izinto bengazi babe bona abafundi bencwadi sebetyhilelwe/ abalinganiswa banolwazi okwahlukileyo kolwabafundi / ababukeli.
- **Isigqebelo selishwa** (*fate*): Sisiqhamo sokufa.
- **Isigqebelo sentetho/samazwi:** xa umlinganiswa athetha into angathethi yona/into echasene nale ayenzayo.

- **Impoxo:** Luhlobo oluthile lwesigqebelo apho ukuncoma kusuka kube sisithuko, injongo ikholisa ukuba kukukhathaza, ukwenzela phantsi umntu othile. Umzekelo "Lo ngunyana wam obukhali bengqondo bamtshonisa ibanga leshumi."

## 319 EZINYE IZAFOBE EZIFUMANEKA KWIDRAMA

- **Isathaya:** Kukuvezwa kobuyatha komntu okanye iqela elithile labantu, umzi othile iqela labantu elithile ngenjongo yokuba ziqondwe zilungiswe.
- **Umzekeliso/ Allegory:** Ibali-sifaniso elifutshane okanye ibalana elinemfundiso esingisele kwezonqulo okanye ezomphefumlo okanye kwezasezulwini njengonyana wolahleko.
- **I-Alluzini**: Usingiselo kumntu othile, isiganeko, indawo, ibinzana. Umntu osisebenzisayo.

## 3.20. UKULANDELELANA KWEZIGANEKO EZIQHUBEKA KULE DRAMA

- Umsebenzi kaMagrazula wokusebenza ngeentloko uphazanyiswa ngamapolisa, babhenela kushishino lweentsana. (Umbhali usivelisela ngokusixela njengolwazi oluyimvelaphi)
- UMamQhinebe uxoxa noSiqhiwu ngokuba makanyobe, uyala uSiqhiwu.
- UDlezinye utshintshwa ubuso nguMalunyawana bube bobexhego.
- USiqhiwu noSiphokazi baya kwi-ofisi kaMaqhikizane, bayokujonga izicelo zabo zengqesho, afune ukunyotywa uMaqhikizane.
- USiphokazi uyalukuhleka athathe imali ayiphiwa nguMaqhikizane ofuna ukuthandana naye, de amthembise ngesithuba somsebenzi.
- USiqhiwu uya emapoliseni aye kumangalela uMaqhikizane onyobisayo.
- UDlezinye ufika kwaMamQhinebe ezenza ixhego elingumfundisi, amthembise ngobutyebi.
- UMamQhinebe urhwebesha uMaGatyeni ukuba benze umsebenzi wokuba iintsana, akwala uyamgrogrisa de avume.
- UMamQhinebe noMaGatyeni baya emzini kaNoziphongo bathathe usana bathi lufunwa ekliniki, beluba.
- Kucutshwa uMaqhikizane ngokuthi kunikwe uSiqhiwu noSiphokazi itape recorder.
- UMaqhikizane uyabanjwa.
- UMamQhinebe noMaGatyeni bafika kwaMagrazula beze nosana abalube kwaNoziphongo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

- UMakwedini ufumanisa ukuba usana lulahlekile, ubetha uNoziphongo amgxothe.
- UMaqhikizane uyagwetywa.
- UMamQhinebe noMaGatyeni babetha uNomakula ngehamile, emva koko bemke nosana lwakwaLink.
- UMamQhinebe noMaGatyeni bayabanjwa nguSajini Ntamo.

**Hlela ezi ziganeko zilapha ngentla ngokweendawo eziqhubeke kuzo kule drama:**

**Gcwalisa le theyibhile ilandelayo:**

| KwaBhaca ezilalini | KwaBhaca ezilalini | eMthatha |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |

## ISAHLUKO 4: ISISHWANKATHELO SEDRAMA NGOKWEZAHLUKO NEMIBONISO: INDLAL' INAMANYALA.



## 4.1 INDIMA YOKUQALA

### 4.1.1 Umboniso woku-1

Apha kulo mboniso kusezilalini endlwini kaMagrazula ixhwele elikhohlakeleyo uhleli noDlezinye osisicaka sakhe. UDlezinye wenza umsebenzi wakhe wesiqhelo wokusila amayeza, kuthi kusenjalo besazincokolela eve uMagrazula eveza udaba lokuba amapolisa aziziphazamiso kumsebenzi wabo wokuthenga iintloko zabantu. Uzama ukumthomalalisa uDlezinye ngokumxelela ukuba amapolisa ziintsana kuMagrazula, akanokoyiswa ngawo. UMagrazula uphelelwa lixhala kuba uyayiqonda into yokuba nokuba bangabanjwa soze balichaze igama lakhe. Ubethelela into yokuba akulindele kwisicaka sakhe esinguDlezinye yintembeko, ukuzithoba ukululama kunye nokukhuthala. Uxelela uDlezinye ngesigqibo esithathwe kwintlanganiso ebiseThekwini, sigqibo eso sokuba bakhe bayeke iintloko kuba zisuke zibenzele umjojo omninzi, bazakukhe basebenze ngeentsana okwangoku. Unobangela wokukhetha iintsana kungokuba zona zithwaleka lula kuneentloko kuba akukho mntu unokukrokreleka xa ebeleke usana. Kugqitywa kwelokuba lo msebenzi ulungele ukuphathwa ngabantu abangabafazi kuba ayinawukwazi indoda ukubeleka usana iya kusuka idule okwebhokhwe emhlophe ehlungwini. UMagrazula ucela uDlezinye ukuba aye kufuna abo bafazi baza kumphathela ezo ntsana.

### 4.1.2 Umboniso wesi-2

Kulo mboniso kusezilalini kwindlu kaMamQhinebe apho sifumana uMamQinebe esenza imisetyenzana yakhe. USiqhiwu ongunyana kaMamQhinebe uzihlelele endlwini wothe umlilo. Esi sibini sincokola ngodaba lukaSiqhiwu lokungafumani msebenzi. Unina uveza ukuba kungathi kanti kufuneka uSiqhiwu anyobe ukuze afumane umsebenzi. USiqhiwu ukhaba ngawo omane ukuba yena akasoze anyobe mntu nanini na, emnyobela amandla nengqondo yakhe. USiqhiwu uzamile ukubonisa umama wakhe ukuba akanakumfundisa kabuhlungu esokola aze ajike afunwe imali yokunyoba phambi kokuba afumane umsebenzi. Ukwazamile nokubonisa ngokuxhatshazwa okuthi kwenzeke kubaqeshwa emisebenzini gabalala koko loo ngcaciso ayingenanga kakuhle kuMaMqhinebe. Loo ncoko iphazanyiswa kukufika kukaMaGatyeni. Esiza kulo mzi nje uMaGatyeni uze kunkinkqa ukutya kuba iphango libaphethe nabantwana. Ngenxa yale meko yabo yendlala uMamQhinebe ucebisa uMaGatyeni ukuba babuyele kumsebenzi wabo wokuthwala imithwalo erenkini. Akakholelwa uMaGatyeni kulo msebenzi kodwa uyanyanzeleka ukuba awenze ukususa ikati eziko.

### 4.1.3 Umboniso wesi-3

Kusemzini kaMaGatyeni ezilalini, uSiphokazi oyintombi kaMaGatyeni ukhwankqisiwe kukungabuyi kukanina kuba kudala emkile kwaye iphango alinyamezeleki. UMaGatyeni ufika bancokole kwangale ndlala kwanokunkinkqa kwakhe. Uxelela intombi yakhe ngezigqibo abazithathileyo noMamQhinebe, zigqibo ezo zokuya kusebenza erenkini kwakhona. Uyaqhankqalaza uSiphokazi esithi unotshe! Akanakuba aphinde anyamezele ukuba umzali wakhe abizwe ngokuba ngunontyintyi. Wanyamezela ngokwaneleyo ngelixa ebefunda, wafunga wathi uxolele ukumila ingca emqolo kunokuba ayeke umama wakhe aphinde ayokuthutha imithwalo yabantu erenkini.

### 4.1.4 Umboniso wesi-4

Kusezilalini ngokuhlwa uSirhezu oliqabane likaSiphokazi bemi phandle bezincokolela beqhulana. Koko kuqhula, oyena mntu wayebalasele yayinguSirhezu kuba oko kuqhula kwakunxulumene nabazali bakaSiphokazi noSiqhiwu. USiphokazi akayithandanga into yokuba uSirhezu anike abazali babo amagama angooNomakhwiniba nooNontibithethwa kodwa ke oko kungaxoli akuzanga ngendlela embi koko ibikukuqhula. Emva koko kuqhula komfo kaSirhezu ude wafumana isibindi sokude achaze oyena ndoqo wokuza kuhlangana noSiphokazi. Uthe engekawubeki umcimbi awuzeleyo uSirhezu wamqhawula uSiphokazi ngokuthi ukuba ucinga ngokuthetha ngomtshato angabi sazihlupha kuba yena akanamdla wokutshata. Into yokuba esi sibini siyathandana akukho mathandabuzo ngako, koko eyona nto ibangela uSiphokazi abe madolwanzima ukuvuma isicelo sikaSirhezu kukuba yena eyinkulu kowabo nodaba lokuba akakamsebenzeli umzali wakhe emva kokuba emfundise phantsi kweemeko ezinzima. USirhezu ucinga unesisombululo kwinkxalabo kaSiphokazi ngokuthi uza kumlobola koko imali yelobola uyakukwazi ukumondla umzali wakhe nabantwana bakowabo, kwaye xa sele ephangela uya kumvumela uSiphokazi aphangelele umama wakhe de abhubhe. USiphokazi uzibona engumntu ongasoze abenamathansanqa xa enokushiya umzali wakhe anabatwana abasixhenxe abasesikolweni. Iphela le ndima bengakhange bavumelane.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 4.1.5 Umboniso wesi-5

Kungorhatya ezilalini endlwini kaMamQhinebe kukho uMamQhinebe noSiqhiwu unyana wakhe. UMamQhinebe usakholelwa ukuba le ndlala igqubayo emzini wakhe ibangelwa ngumgqwaliso kwaye ucebisa ukuba uSiqhiwu afune umntu abanyange kulo mgqwaliso ukuze balungelwe zizinto abazizamayo. Ukwakholelwa ekubeni ikho into engalunganga abayenzayo kuloko izinto zingabahambeli kakuhle kwaye naserenkini akukho kuhle. USiqhiwu uyibona yonke le nto ithethwa nguMamQhinebe iyimfeketho kuloko egqibe ekubeni akasoze alibeke olwakhe unyawo apho engasoze enze nanye into ehlangene namagqirha.

### 4.1.6 Umboniso wesi-6

Kusebusuku ezilalini, uSirhezu noSiphokazi bahlangene kwaye bayancokola. Incoko yabo imayela nomba abangakhange bawugqibe, mba lowo uhlangene nokutshata kwabo. USiphokazi ubongoza uSirhezu ukuba makammele kude kubekho omnye umntwana kwaba bakowabo ophumelela ibanga leshumi. Ayamkelekanga kwakhona ingcaciso kaSiphokazi kuba uSirhezu uthi kudala wanikwa izizathu ezininzi zokuba bangatshati. Ubongozile uSiphokazi ukuba uSirhezu akamnike iveki ibe nye akwazi ukuya kucingisisa lo mba kuba akululanga ukuthatha izigqibo. Ukwamkele uSirhezu oko koko emlunkisa ukuba akasoze aphinde amnike elinye ithuba lokucinga kuba maninzi amathuba asele emnike wona. Wathembisa ke uSiphokazi ukuba akasoze amphoxe. Bohlukana njalo wabaleka uSiphokazi ephindela kowabo apho ufika ancokole nomama wakhe onguMaGatyeni. Uthe ewuvula nje umlomo uSiphokazi ecela kumama wakhe ukuba bakhe bathethe wabe yena selenesikrokro sala mba kuza kushukuxwa wona. Kuyabonakala ukuba le ntwazana iyamazi umama wayo ukuba ubotshwa phi. USiphokazi uzama ukumthomalalisa uMaGatyeni ngokwenza incokwana yokumbonisa ukubaluleka kokusa umntwana oyintombazana esikolweni kunokusa oyindodana. Iqhubile ke incoko kubonakala ukuba ukhwankqisiwe uMaGatyeni kukuhlakanipha kwentombi yakhe. Akugqiba ukuphulaphula ubuza uMaGatyeni ukuba iyakwendela phi na intombi yakhe. Ude wamxelela ukuba nguSirhezu Sifingo wakwatat'uRhadebe. Alumphathanga kakuhle uMaGatyeni olu dala lokutshata kwentombi yakhe ingekamsebenzeli kwaye engamthembanga nalo mfana ufuna ukutshata intombi yakhe ebesele elithemba lokumkhupha ezintwaleni. Ude waphumelela uSiphokazi ekumboniseni okulungileyo nazakwenza uSirhezu xa athe watshata naye. Ngelingeni uyavuma uMaGatyeni kodwa enomqathango wokuba amlobole amgqibe ngelixa esekhaya.

### 4.1.7 Umboniso wesi-7

Kusezilalini uSiqhiwu noSiphokazi baphandle kumakhaya abo. Bancokola, bekhwazana, beqhulana kodwa engade ayichaze into ebemkhwazela yona uSiqhiwu. USiphokazi kucaca into yokuba ungxamele ezi ndaba zibangela uSiqhiwu ukuba makamkhwaze esekude. USiqhiwu ude waphuma egusheni watsho emxelela ukuba uThembinkosi Mazaleni ohlala phesheya e-Valashiye uqashiwe kwaRhulumente. Ezo ndaba zimenza akhwankqiseke uSiphokazi kuba bona bahleli iminyaka emithathu bengaqeshwa kodwa sele eqashiwe uThembinkosi ogqibe isikolo kunyaka ophelileyo. Ngenxa yokukhathazwa zezi ndaba uSiqhiwu uzive sel'esithi kungcono ukuba aye kukhuthuza kunokuba ahlale kule meko. Ibakhathazile kakhulu le ndaba yokufumana kukaThembinkosi umsebenzi kodwa bona bahleli iminyaka kungekho nto itsitsayo malunga ngqesho.

## 4.2 INDIMA YESIBINI

### 4.2.1 Umboniso woku-1

Kusedolophini emalanga, uDlezinye usemzini kaMalunyawana bancokola ngobomi basezilalini bebuthelekisa nobasezidolophini. UDlezinye undwendwela uMalunyawana kuba efuna amzobe ubuso. Oku kuzotywa kobuso akuhambi kodwa koko bukhona ubukrelemnqa afuna ukubenza uDlezinye. Ungena kwigumbi lakhe uMalunyawana aphume ephethe iindevu. Ezo ndevu zizo ezo zasetyenziswa ekuzobeni uDlezinye wafana nenkothovu yexhego. UMalunyawana ufuna intlawulo ngomsebenzi awenzileyo kuDlezinye. Wangxamela ukuhamba uDlezinye ukuba aye ekhaya kuba esithi unomsebenzi omkhulu ekufuneka ewuqabelisile lingatshonanga elaloo mini.

### 4.2.2 Umboniso wesi-2

Kusesedolophini endlwini kaMalunyawana uhleli noDlezinye. Kulo mboniso uMalunyawana uvela sele ezobe ubuso bukaDlezinye ngeendevu ezimenze wafana nexhego uthi akuzijonga esipilini ancome umsebenzi omhle kaMalunyawana. UDlezinye ufuna ukwazi ukuba kufuneka ehlawule malini na ngalo msebenzi, atsho esithi ngamakhulu amathathu eerandi. Uyaqhankqalaza uDlezinye akuxelelwa ngentlawulo kodwa wakhawuleza uMalunyawana emkhumbuza ukuba lo msebenzi awenzayo ukhethekile kwaye yena enguDlezinye akhumbule ukuba uza kwenza isityhwentywe semali ngobo buso. UMalunyawana ulumkisa uDlezinye ukuba angakhe alinge abize igama lakhe xa ethe wabhaqwa ngamapolisa enobo buso kuba uyakube umfaka engxakini. Emva kokuqhula ngentlawulo, uDlezinye umnika uMalunyawana wonke loo makhulu mathathu bohlukane wonke umntu exolile.

### 4.2.3 Umboniso wesi-3

Kusezilalini uSiphokazi noSiqhiwu bahleli phandle bancokola ngalo mba wokuqashwa kukaThembinkosi kodwa bona bahleli iminyaka emithathu bengawubhaqi umsebenzi. USiqhiwu ucebise into yokuba baye kwiofisi yala mqeshi uqeshe uThembinkosi. Besiya nje bafuna ukuzivela ukuba yintoni enye ekulindeleke ukuba bayenze ngaphandle kokuphumelela iBanga leshumi kwakunye nokubhala uphumelele uviwo lwabaceli-msebenzi. Bahambe ke besingise apho kodwa uSiphokazi wayenengevane. Bathe besahamba njalo uSiqhiwu waqaphela ukuba uSiphokazi unxibe umsesane omenyezelayo kodwa wayiwanga –wangisa loo ncoko ngokutyhola uSirhezu ngokuthi awufake ngenkani loo msesane.

Bathe bakungena kuloo ofisi abazange bamkeleke kuba uMnumzana uMaqhikizane wayebagxagxamisa ebaxelela ukuba unomsebenzi omninzi mabatsho into ebazise kuloo ofisi. Bathathana benyusana uSiqhiwu nomnumzana Maqhikizane kuba kaloku indlela athetha ngayo uMaqhikizane yile ebangele ukuba uSiqhiwu angabonisi ntlonipho naye. Kuye kwacaca ukuba akukho mvisiswano kwaphela phakathi kwesi sibini nto leyo ede yabangela uMaqhikizane asebenzise amagama arhabaxa kuSiqhiwu. Konke oko akumthezanga mandla uSiqhiwu wathi gqolo ukumbuza imibuzo. Uthi akuqonda uMaqhikizane ukuba uSiqhiwu akagungqi wazama ukwehla kwihashe ebelikhwele. USiqhiwu ubuza uMaqhikizane ngesityholo sokungaqashwa kwabo

Endaweni yokumnika impendulo usuka wamnyemba esithi ngabantu abangamathanga abafuna umsebenzi kwaye yena enguMaqhikizane ulungiselela abantu abangxamele ukuphangela kwaye



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

akanaxesha lezanya-mtya. UMaqhikizane umxelela uSiqhiwu ukuba abantu abafuna ukuqeshwa benza ngaphezu kokuba befuna ngokuthi bathenge emithiyo ngenethole nto leyo ithetha ukuba makanyobe. Koko kunyoba kulindeleke arhume ngemali engangekhulu leerandi ukuze aqashwe, mali leyo awayengazi ukuba uza kuyifumana phi uSiqhiwu.

Esemi nematha enjalo uSiqhiwu uxelela uMaqhikizane ukuba uhamba nenenekazi elikwakule meko yokufuna umsebenzi. Uyalelwa ukuba angene nalo. Uthe akungena uSiphokazi wazazisa kuMaqhikizane. Uphandlwa bubuhle nobumhlophe bukaSiphokazi azive ebalekelwa ligazi kwaye ebona umfazi anokumtshata. Uthi makangambizi ngotata koko ambize ngo*daddy*, nto leyo yamothusayo uSiphokazi. Uthe esothuswe yileyo, waxelelwa nguMaqhikizane ukuba ukuze akwazi ukumqasha kufuneka avume abe ngumfazi wakhe. Uye wakhwankqiseka exakekile uSiphokazi kuba wayengalindelanga indoda endala kangaka ukuba ingathetha izinto ezinjalo kuye.

**4.2.4 Umboniso wesi-4**

Kusedolophini kwisikhululo samapolisa aseMthatha. USithonga olipolisa uthetha noSiqhiwu owacela ukudibana noKheneli Sibane. Wehliswa esenyuswa ngemibuzo nguSithonga efuna ukwazi ukuba umfunela ntoni uKheneli Sibane. Wade waqonda ngoku uSiqhiwu ukuba ayiseyiyo le yenziwa nguSithonga kuba nangona exelelwa ukuba le nto ayizeleyo ifanele iindlebe zikaKheneli Sibane kuphela yena usafuna ukwazi. Saphela sesixambulisana esi sibini. Kukweso sithuba apho wangena uKheneli Sibane bengamcingelanga. Wafuna ukwazi unobangela wengxabano yabo kodwa wala ukucacisa uSithonga de kwanyanzeleka ukuba uSiqhiwu acacise. Watyityinjiiselwa umnwe uSithonga waze wangeniswa uSiqhiwu kwiofisi kaKheneli Sibande. Umchazela konke okwenzekileyo kwii-ofisi zikaRhulumente nokuba ngubani lo mntu uneengcinga ezimdaka nezinxamnye nomthetho. Wabulela uKheneli Sibane ngesikhalazo watsho esithi uyindoda emadodeni kwaye uya kuthumela amapolisa ayokubamba lo krebe.




**4.3.1 Umboniso woku-1**

Kusezilalini emzini kaMamQhinebe, kungena uDlezinye ezenze wayinkothovu yexhego njengoko wayezotywe nguMalunyawana. Ungena kulo mzi uDlezinye kuba ewuchonge ngokuthi abone ukuba ikati ilele eziko ngoba akukho nobuhlanti. Wayenxibe ikhola yobufundisi kuba efuna ukuba uMamQhinebe akholelwe ekubeni ungumfundisi. Umkhohlisa ngokuthi ngowaseSwazini apho ngo 1984 yena nosapho lwakhe babethwa lizulu basweleka, uthe yena akufika ezulwini wajikwa nguThixo wathi makaphindele emhlabeni. Uyalelwe nguThixo ukuba makajikeleze umhlaba jikelele akhuphe abantu bakhe ezimbandezelweni. Waqhatheka ke uMamQhinebe kuba ethenjiswe ngobutyebi.

**4.3.2 Umboniso wesi-2**

Kusezilalini emzini kaMagrazula. Kungena uMamQhinebe ufika kuhleli uDlezinye ongeselilo ixhego lomfundisi. Esiya kweli khaya nje uMamQhinebe wayeyalelwe lelo xhego lomfundisi lalimndwendwele emzini wakhe kodwa wakhwankqiswa yinto yokuba lo Dlezinye adibana naye ngoku akaselilo ixhego koko ngumfana. Unobangela wokundwendwela lo mzi uMamQhinebe kukuzokulungiselelwa lo msebenzi aza kuwuxelelwa. Uyaphekwa uMamQhinebe nguMagrazula elungiselelwa lo msebenzi mkhulu. Wayengenaxhala ezimisele ukuwenza loo msebenzi. Waxelelwa uMamQhinebe ukuba uya kukhululwa ngosuku olulandelayo ukuze ayokwenza umsebenzi awuyalelweyo.

**4.2.3 Umboniso wesi-3**

Kusemzini kaMaGatyeni, kukho uMamQhinebe noMaGatyeni, babona uNondlela evela esikolweni kodwa ukufika kwakhe endlwini kwenze uMaGatyeni abethelwe luvalo kuba engazi ukuba uza kumtyisa ntoni na. Uthe akuboleka iswekile kuMamQhinebe kanti uzinqikele ilitye elineembovane waqala uMamQhinebe ngokubala zonke izinto awamboleka zona uMaGatyeni kodwa wagqibela sele emnika. Njengomama webhatyi, uMaGatyeni ukhuthaza uMamQhinebe ngelokuthi kwiimeko ezinje mabangadinwa koko bahlale bethandaza kodwa leyo yomthandazo yachithwa nguMamQhinebe ngokuthi kunini ethandaza kodwa akukho nanto ayibonayo kwaye udikiwe kukuba yintlekisa yaloo lali ngenxa yokudlakazela. Wayenalo icebo uMamQhinebe lokurhwebeshela uMaGatyeni kulo msebenzi awenzela uMagrazula kuba wamthela thsuphe ngalo msebenzi, kodwa uMaGatyeni wathi usezayokuwucingisisa. UMamQhinebe ubulela uMagrazula ngokumnika isibindi esingaka kuba ngoku uza kuba sisityebi.

**4.3.4 Umboniso wesi-4**

UMaGatyeni uhleli emzini wakhe noMamQhinebe, ucinga nzulu ngeli cebo likaMamQhinebe. Uyacinga kwaye uyaxela ukuba akahambisani nale nto ifunwa nguMamQhinebe kuba akululanga ukuthi ngoku sele ugugile kube kungona ucinga ngokwenza ubugebenga. Ingqondo yakhe iyabethabethana ufuna ukwazi ukuba usithathaphi isibindi esingaka uMamQhinebe. Kufika uMamQhinebe kwaMaGatyeni eze kufuna impendulo yakhe kweli cebo wayemnike lona. Emva kwexesha bevelela zonke iinkalo zalo msebenzi bexambulisana, ekugqibeleni uwela emgibeni avume. Uvuma kuba enethemba lokuba indlala izakuba yinto yayizolo. Uba nempixano yangaphakathi uMaGatyeni xa ethetha yedwa ezibuza ukuba ingaba le ndlela ayithathayo isingisephi na. Uvakala esithi **INDLALA INAMANYALA!**

**4.3.5 mboniso wesi-5**

Kusemzini kaMamQhinebe uhleli nonyana wakhe uSiqhiwu bathetha ngale nyewe kaMaqhikizane yokufuna ukunyotywa, kwaye uya kubonakala ukuba uMamQhinebe akayigatyanga le nto yokunyoba uMaqhikizane, ukulungele ukulikhupha eli khulu leerandi kodwa unyana uyala. USiqhiwu uxelela umama wakhe ukuba uMaqhikizane uza kusiwa emapoliseni, nto leyo yamothusayo uMamQhinebe. Kuthi kusenjalo kungene uSiphokazi othe weva naye ezi ndaba zokuba uSiqhiwu ugqibe kwelokuba abambise uMaqhikizane. Ukheneli Sibade wafuna ukudibana noSiqhiwu noSiphokazi ukuze bazokuqulunqa icebo lokubambisa uMaqhikizane. USiphokazi uba madolwanzima ukuvuma ukuba abe yinxalenye yeli cebo, kwaye unqwenela nokukhe ayokumlumkisa kodwa akwavuma kuba naye wayejonge ukufumana imali kuMaqhikizane. Emva kokubethabethana kwengqondo uSiphokazi ugqiba ekubeni ajoyine uSiqhiwu.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

### 4.3.6 Umboniso wesi-6

Kusezilalini phandle uSiphokazi uhleli noSiqhiwu bancokola ngalo mba wokubambisa uMaqhikizane. Uthi uSiphokazi akucinga nzulu ngalo mba aziqonde ukuba ebenze imposiso. Uvakala exelela uSiqhiwu ukuba ugqibe ekubeni abajoyine kwicebo lokubambisa uMaqhikizane. Yamvuyisa uSiqhiwu ke loo nto. Bagqiba ekubeni baye kubona uKheneli Sibane ngengomso.

### 4.3.7 Umboniso wesi-7

Kusezilalini emzini kaNoziphongo, Kungena UMaGatyeni, MamQhinebe, Pixie kunye noNoziphongo. UNoziphongo ukhawuleza aphume kuba esiya kwalapha elalini. Kuthe esandul'ukuphuma endlwini wabe uMaGatyeni noMamQhinebe bengena kuloo mzi kaNoziphongo, banxibe impahla zoonesi. Bafika bayalele uPixie ukuba abanike usana kuba bathunyelwe ngugqirha kuba lune *Jaundice*. Yamothusa loo nto uPixie kuba esazi ukuba aluguli olo sana. Wala ukubanika kuba esithi uNoziphongo akakho abanako ukumthatha. Baxambulisana kodwa baphela bemthatha ngenkani. Uthe akufika endlwini uNoziphongo wafika kungekho mntwana waze waxelelwa nguPixie ukuba uthathwe ngamanesi amabini esithi lufunwa ngugqirha usana. Waba nomsindo uNoziphongo waze wayalela uPixie ukuba alandele ayokufuna usana lwakhe koonesi.

### 4.3.8 Umboniso wesi-8

UNoziphongo ugqiba ekubeni ahambe noPixie baye eklinikhi ukuyokuthatha usana lwakhe. Uthi akufika apho abikele omnye wenesi esi sihelegu. Yakhwankqiswa yile nto iyivayo kuba bona abakhange baluthathe olo sana. Ubiza enye inesi ukuba izokuzivela esi simanga. UPixie uphinda axele ukuba kwenzeke njani ukuze abe uphulukene nosana. Abamkholelwa, suke wajuba uNoziphongo kukulahlekelwa lusana lwakhe ekukuphela kwalo emva kweminyaka bengafumani mntwana nomyeni wakhe uMakwedini.

## 4.4 INDIMA YESINE

### 4.4.1 Umboniso woku-1

Apha kusedolophini kwaBhaca. UMakwedini uncokola nomhlobo wakhe uSigodi kumzi-mveliso abaphangela kuwo. USigodi ubona umhlobo wakhe ethetha yedwa afune ukuqonda ukuba kwenzeka ntoni na. Umxelela ukuba ufumene ileta kwinkosikazi yakhe emxelela ukuba bafumene umntwana oyinkwenkwe. UMakwedini uyanqandwa nguSigodi ukuba angabi nehlombe kakhulu kuba igugu lingaba likhulu umbombo uyaqhosha. UMakwedini uyacela kwiManeja ukuba akhe atsibe ekhaya.

### 4.4.2 Umboniso wesi-2

Phambi kwee-ofisi zikarhulumente kume uKheneli Sibane, uSiqhiwu kunye noSiphokazi. USiqhiwu unikwe itape recorder wayifaka epokothweni, unikwa nekhulu leerandi kuba belifunwe nguMaqhikizane. USiqhiwu ungena e-ofisini kuMaqhikizane, afune icuba lakhe. Umnika ikhulu

leerandi njengesigqibo atsho axelelwe ukuba uwufumene umsebenzi angaqalisa ngosuku olulandelayo.

Kungena uSiphokazi naye une*tape recorder* ayifake ebhegini yakhe. Uxelelwa ukuba isithuba sakhe somsebenzi simlindile ukuba uyasamkela isicelo sikaMaqhikizane. Ufuna ukuncamisa uSiphokazi angavumi ngelithi baza kuthini xa kungena umntu bencamisana e-ofisini karhulumente.

USiphokazi ucela imali, asayinelwe itsheki yamawaka amabini eerandi. Xa ephuma uSiphokazi kungena uKheneli Sibane sele esithi makaphakamise izandla bamsetshe. Ubanjwelwa ukunyobisa.

### 4.4.3 Umboniso wesi-3

Kwisikhululo samapolisa aseMthatha, uKheneli Sibane ufuna ukuqonda ukuba ingaba lwade lwafumaneka usana lwakwaMagade olwaluxhwiliwe. Kuthi kwakucaca ukuba alukafumaneki uSajini Ntamo abekelwe umthetho ongqongqo othi ingapheli iveki bengalufumenanga.

### 4.4.4 Umboniso wesi-4

UMaqhikizane ukhwela emkhumbini. Uneminyaka emithathu ekwesi sikhundla. Ubekwa ityala lokurhwaphiliza imali kaMnumzana Siqhiwu Sihlwele ngokungekho mthethweni kuba embize imali elikhulu leerandi kuba esithi licuba, ukuze afumane umsebenzi. Ityala lakhe lesibini lelokunyobisa ngothando kuNkosazana Siphokazi Sikhuni. Unyanzelise uSiphokazi ukuba aqale avume ukuthandana naye phambi kokuba amqeshe.

## 4.5 INDIMA YESIHLANU

### 4.5.1 Umboniso woku-1

KwaMagrazula kungena uMamQhinebe noMaGatyeni. UMamQhinebe ubeleke usana aluzisa kuMagrazula. UMagrazula unemincili akubona usana emqolo kuMamQhinebe. Uqaphela ukuba uMaGatyeni akakhululekanga. UDlezinye uthatha usana, bayaluncoma ukuba lolu kanye lufunekayo luza kwenza izinto zibe ntsha kwaye zihlaziyeke. UMgrazula unika umthetho wokuba kufuthiswe uMaGatyeni kathathu ngemini, agabhe yonke imihla, ahlanjwe ngenqwebeba yonke imihla ukuze ubutyutyusi abushiye. Emva kokuba eqinisiwe asiwe esizibeni aye noMagqwirhayaqhubana isilo sikaMagrazula.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**4.5.2 Umboniso wesi-2**

Kufika uMakwedini kwakhe afune ukubona unyana lwakhe. Uyafixiza uNoziphongo ucenga umyeni wakhe. Ucela uxolo kuba usana lulahlekile. UNoziphongo akakwazi ukumxelela kakuhle umyeni wakhe eyona nto yenzekileyo. Uyabethwa, agxothwe ukuba makeze naye umntwana kwaye angabuyeli apha engalufumenanga usana.

**4.5 3 Umboniso wesi-3**

USiqhiwu ufunda iphepha avelane nosapho lwakwaMagade olwehlelwe sisombadlakanya somphanga wokubelwa usana obelukukuphela komntwana walo. Eyona nto ibuhlungu yeyokuba unkosikazi Magade babeqala ukufumana umntwana emva kweminyaka engama-20 betshatile. Ngethuba lokubeleka kwakhe oogqirha bamxelela ukuba akasayi kuze aphinde afumane bantwana. UMamQhinebe akuva ezi ndaba uyamgxotha ukuba makaphume nelo phepha. USiqhiwu akayazi into ebangela ukuba unina abe nomsindo xa kufundwa eli nqaku.

USiphokazi naye kwelinye icala uheshwe okwesichotho ngunina xa ebethetha ngeli nqaku lomntwana olahlekileyo. USiqhiwu ukrokrela ukuba inokuba ikhona into nokuba yintoni na eyenzekayo kunina nakunakaSiphokazi.

**4.5.4 Umboniso wesi-4**

Umnumzana uMaqhikizane ugwetywa iminyaka esibhozo ngaphandle kwentlawulo esebenza nzima entolongweni.

ÉcoleBooks

**4.5.5 Umboniso wesi-5**

USiqhiwu uncokola noSirhezu ngesigwebo sikaMaqhikizane. USirhezu ubulela uSiqhiwu ngomsebenzi awenzileyo wokuveza izenzo zikaMaqhikizane kuba mhlawumbi ngesele elahlekelwe nguSiphokazi kuba bekubonakala ukuba uphantse wayiva intando yakhe, koko wakhutshwa nguSiqhiwu kuloo mkhuba. USirhezu umema uSiqhiwu ukuba abekho emtshatweni wabo xa betshata kwaMantyi noSiphokazi.

USiqhiwu ufunda ileta ethi ngosuku olulandelayo makafike noSiphokazi kwi-ofisi ebisakuba yekaMaqhikizane eBotha Sigcau, apho baza kuxelelwa khona iindawo abaza kusebenza kuzo.

**4.5.6 Umboniso wesi-6**

UMaGatyeni ufika kuMamQhinebe engxamele ukuba baphinde benze umsebenzi wokuba iintsana kuba akazange ayibone engako ukuba ninzi imali oko wazalwa. UMamQhinebe unexhala labantwana ukuba baza kuthi bamane besiya phi xa behamba. UMagatyeni uveza ukuba baza kuthi bavela eMzamba apho bawina khona yonke imali. Bancokola ngendlela abaye banomsindo ngayo xa uSiqhiwu noSiphokazi bethetha ngeenesi zomgunyathi. Bafika kwaLink kukho

uNomakula, uMamQhinebe ufuna ihamile esithi uzawubethelela iskhonkwane esihlangwini. Akufika nayo ubethwa ngayo nguMamQhinebe. UMagatyeni athathe usana bahambe.

**4.5.7 Umboniso wesi-7**

Erenkini eMtata uMaGatyeni usuke wanamanwele, woyika ukubanjwa. Ungxoliswa nguMamQhinebe amxelele ukuba kusafuneka ephekiwe nguMagrazula ngokwakhe ukuze kuphele ubugwala obu bungaka anabo. Usana olubelekiweyo lukhala kakhulu bagqibe kwelokuba basuke kule ndawo bakuyo. Kuvela ipolisa elinguSajini Ntamo, lithi uMamQhinebe makothule olu sana alubelekileyo, angavumi ukulothula kuba esithi luyakuthanda ukubelekwa alizifuni izandla. Ipolisa libona amehlo kaMamQhinebe ebaleka. UMaGatyeni uzama ukubaleka emke ashiye uMamQhinebe nepolisa. Uyanqandwa lipolisa limbuze ukuba uyaphi. Uzenza ongamaziyo uMamQhinebe. Bayabanjwa. UMaGatyeni uyazisola ngesenzo sakhe.

# ISAHLUKO 5: UVAVANYO

## 5.1 Imizekelo yemibuzo yokuzilungiselela kule drama:

### 5.1.1 IMIZEKELO YEMIBUZO ESISINCOKO SONCWADI NEEMPENDULO

**QAPHELA:Ubude bempendulo ecwangcwiswe ngokukuko kwisincoko soncwadi kulindeleke okokuba kube ngamagama angama- 340-390.**

**UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

**UMBUZO 1**

Bonisa indlela iziganeko eziyikhulise ngayo impixano kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **(25)**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**IMPENDULO**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko sedrama**

Impixano yindlela esetyenziswa ngumbhali ukukhulisa ibali lakhe. Oku uthi akwenze ngokuvelisa ungquzulwano phakathi kwezimvo ezimbini ezithi zimelwe ngabalinganiswa abangavumelaniyo ngezinto ezithile abazixabisileyo. Impixano indidi mbini, kukho impixano yangaphakathi nempixano yangaphandle. Impixano yangaphakathi yimpixano ephakathi komlinganiswa nesiqu sakhe ebangelwa zizinto ezimngqongileyo entlalweni. Impixano yangaphandle yimpixano ephakathi komlinganiswa nomnye umlinganiswa okanye phakathi kwamaqela amabini angavumelaniyo ngomba othile.

**Ukukhuliswa kwempixano**

- Umbhali wale drama uthatha indlala ayinike igunya lokuvevula iingqondo zabantu besithi basombulula yona. Ngale ndlala wenza kumile izimvo ezimbini eyokuba indlala ungayisusa ngezenzo ezigwenxa ezifana nokubulala abantu kwanokunyobisa kwiiofisi zikaRhulumente.
- Umbhali uthatha abantu abahluphekayo abaxhaphazise ngabantu abakwiiofisi zikaRhulumente umzekelo uMaqhikizane unegunya lokuqesha abantu kodwa kuye kufuneka banyobe ukuze abaqeshe okanye ukuba ngamantombazana abaxhaphaze ngokubapha imali baze bavume ukuba ngabafazi bakhe.
- Kwezi mbono zimbini wenza izakhiwana ezibini ezinemixholwana emibini eqhuba lo mxholo uthi indlala yenza abantu benze izimanga.
- Kwesinye isakhiwana ubeka uMagrazula abe yintshatsheli esebenzisa uDlezinye ofune uMamQhinebe, waze yena wafuna uMaGatyeni, batsho babe liqumrhu kumba wothengiso lweentsana.
- Kwesinye isakhiwana esingachasananga nesi ubeka uMaqhikizane ukuba angquzulane nomthetho ngokunyobisa abantu abafuna umsebenzi.
- Umthetho umelwa ngamapolisa kunye noSiqhiwu ehambisana nooSiphokazi esilwa ulwaphulo-mthetho lokunyobisa ngemisebenzi.
- Unobathana uqhawuka xa uSiqhiwu ebona ukuba abanye abafunde emva kwakhe bayaphangela yena engaphangeli efundile de afumanise ukuba uMaqhikizane uyanyobisa, aye ayozivela.
- USiqhiwu uzimisela ukuwuncothula neengcambu lo mkhuba acenge uSiphokazi osele engena kulo mgibe wokunikezela ngomzimba wakhe kweli xhego.
- Uyichukumisa emsileni xa kucaca ukuba uMaqhikizane umthembisa ngomtshato uSiphokazi kucace ukuba uSiphokazi akaziva kuba ebona imali.
- Benza iyelenqe lokumbambisa ukuze luphanze urhwaphilizo baphumelele abanjwe uMaqhikizane.
- Kwelinye icala uDlezinye unika uMamQhinebe intlawulo ayithatha kuMagrazula ngokuba abantwana de amse exhweleni.
- UMaGatyeni uyafakwa kwimpixano yangaphakathi apho kufuneka akhethe phakathi kwebhatyi yenkonzo nendlala de athathe isigqibo sokuwaphula lo mthetho wakhe.
- Abantwana baba bafazi banezikrokro, bayabakhuza abazali ngento abangayaziyo abayenzayo, de kumane ukubakho iimfazwana ezingephi zokuthethisana.
- Xa bebhaqiwe, iphephandaba liyaxela ukuba beba ezi ntsana, bakrokre abantwana babo.
- Impixano yangaphandle ikhula ngokukhula xa uMamQhinebe engquzulana nepolisa elifuna ukuba athule umntwana emqolo, uma entla ebeka isizathu sokuba lo mntwana uwuthanda gqitha umqolo.
- Konke kuphela umthetho uphumelela kuba bagqibela bebanjwa aba bafazi. Lilonke ukusukuzana kule ncwadi kuphakathi komthetho nolwaphulo mthetho.

Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Phicotha isimo sentlalo kwidrama ethi, *Indlal'inamanyala.*

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**IIMPENDULO**

***INDLAL'INAMANYALA* –M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
  Jonga kwirubrikhi ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko sedrama**

Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho lenzeka khona ibali, ixesha elenzeka ngalo kunye nendlela abantu abaphila ngayo. Isimo sentlalo sisetyenziswa ukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile ebalini nokuphuhlisa abalinganiswa okanye umxholo webali. Isimo sentlalo sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, izikolo, intlobo ngeentlobo zeenkolo, njalo-njalo

**Ibali ezilalini**

- Elalini yakwaBhaca kulapho kuhlala khona inkintsela yexhwele elinguMagrazula neshishina ngeentloko zabantu neentsana. Kule lali kulapho kumane kuphekwa abalinganiswa abathile ukuze bawulungele lo msebenzi kaMagrazula.
- Kwilali yakuKaplani lali leyo kukho umzi kaMamQhinebe noMaGatyeni. Oko kukuthi ikhaya likaSiqhiwu noSiphokazi likule lali. Ukungqina ukuba ngenene kusezilalini sibona uSiqhiwu othe umlilo weenkuni esizikithini sendlu, ndlu leyo ebonakala iyindlu yabantu abahluphekileyo. USiphokazi yena kokwabo uhleli eziko, ubeke imbiza encinane. UMaGatyeni ongumama wakhe uvela kuyonkinkqa into etyiwayo kwaMamQhinebe nto leyo eyenziwa ezilalini. USiphokazi noSirhezu babekelana idinga labo ezantsi kwegadi yakwaMaGatyeni njengabantu abathandanayo Umzi kaMakwedini nokaNoziphongo ekwabelwa kuwo umntwana wabo nguMamQhinibe noMaGatyeni nawo usezilalini.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

Uqhubekile umdlalo nakwilali yakwaDosi ekwisithili saseMthatha apho kubiwe usana lwakwaMagade nguMamQhinebe noMaGatyeni.

**Ibali edolophini**

- Edolophini yaseMthatha nedolophu yakwaBhaca. Kwidolophu yakwaBhaca kulapho kukho iilali zikaMagrazula noDlezinye kuba bazikhwelela kule dolophu nezithuthi eziya eMthatha. Kwakhona kule dolophu kuphangela uMakwedini kumzi mveliso noSigodi ongumhlobo wakhe.
- EMthatha liqhubekile kwisebe lezeNgqesho likarhulumente eBotha Sigcau.
- Kwisikhululo samapolisa eMthatha uqhubekile umdlalo kuba sibona uSiqhiwu endwendwele kuso ngomcimbi onxulumene nokunyobisa kukaMaqhikizane ngomsebenzi. Kwisikhululo sezothutho (erenkini) apho bekusebenza khona uMamQhinebe noMaGatyeni bethuthela abantu iimpahla. Kwinkundla yamatyala eMthatha apho bekuchotshelwe khona ityala likaMamQhinebe noMaGatyeni lokuba abantwana babantu.
- USilumko waya eSwazini eMbabane ngeenjongo zokuya kufuna amayeza njengegqirha kuba kukholeleka ukuba amayeza esiNtu asemgangathweni afumaneka khona.

**Ixesha**

- Ixesha lityhilwa zizinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Izinto ezisetyenziswa ngabalinganiswa kulo mdlalo ziyangqina ukuba uqhubeka kweli xesha langoku. Umzekelo, kukho iofisi zengqesho zikarhulumente, isikhululo samapolisa nesezithuthi (irenki), izithuthi ezifana neebhasi nezinye, amapolisa, abatshutshisi, oomantyi, izikolo – Ngangelizwe apho kwakufunda uSiqhiwu, imali – itsheki eyanikwa uSiphokazi nguMaqhikizane, ikliniki, oonesi, ootitshala, abefundisi njalo-njalo.
- Ukusetyenziswa kolwimi lwesiNgesi ngabalinganiswa abathile kuveza ngokumhlophe ukuba lixesha langoku sele kuphilwa isilungu Yiva uSiqhiwu xa athi, *'it's the survival of the fittest: the elimination of the weakest; the law of the jungle.'*
- Inkolo yobuKrestu nayo ingqina ixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona. Umzekelo, uDlezinye xa eze kuqeqesha ooMamQhinebe noMaGatyeni kumsebenzi wokuba iintsana uzenza umfundisi ophethe ibhayibhile ukuze imfundiso zakhe zivakale kakuhle. Oomama aze kubaqeqesha abawufanelanga kwalo msebenzi wakhe kuba bangabantu abaphambili enkonzweni kwaye bade banezinxibo zenkonzo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

UMamQhinebe uzotywe wangumlinganiswa ofuna izinto zihambe ngale ndlela azibona ngayo, ngqina oku. **[25]**
Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha).

**IIMPENDULO**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama – 28 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko sedrama**

Umbhali ubazoba ngokubanika iimpawu ezithile abalinganiswa ukuze badlale ngokukuko iindima ababele zona ebalini. UMamQhinebe uzotywe wangumlinganiswa ofuna izinto zihambe ngendlela azibona ngayo. Oko kuvela kwiintetho nakwizenzo zakhe apha ebalini.

- Mve xa ethetha nonyana wakhe uSiqhiwu ngendaba yokunyoba, 'Xa abanye abantu bewufumana umsebenzi ngokunyoba, yintoni enokubangela ukuba wena unganyobi?' UMamQhinebe uyimele into yokuba isisenzo esilungileyo into yokunyoba.
- UMamQhinebe usebenzisa iinkani zakhe ukurhwebela uMaGatyeni kwisenzo sokuba iintsana nangona esaziyo ukuba esi senzo asilunganga kuba ezi ntsana ziyabulawa.
- Uza neqhinga lobutyebi ukuzama ukutsala umdla kaMaGatyeni emtsalela kwesi senzo, ze athi uMaGatyeni akuzama ukumbonisa ubungozi balo msebenzi amise ngemali eninzi abaza kuyenza.
- Uthi akukhunjuzwa nguMaGatyeni ukuba bangoomama bebhatyi, aqhankqalaze emxelela ukuba bakukhuthuka amadolo bethandaza, yena uluphumo kuloo nto yaloo bhatyi ingazi kumzisela mali.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

- Uphelelwa lukholo ngenxa yesigqibo asithathileyo angafuni kujika kuso. Mve xa ade abuze kuMaGatyeni ukuba unangqiniseko ni na ukuba izulu likhona.
- Koku kungafuni kujika kwakhe kwisigqibo sokuba iintsana, ude agrogrise uMaGatyeni xa ambona ukuba uyathingaza ukuba yinxalenye yesi senzo ngelithi makabuyise zonke izinto ebekade emnceda ngazo.
- UMamQhinebe uthi sele elunyukiswa nguMaGatyeni ngesi senzo sabo abaza kungena kuso, ankanize ngelithi soze babanjwe kuba yena ulungisiwe nguMagrazula elungiselelwa kanye eso senzo.
- Iinkani zakhe ziphinda zibonakale xa ebuyela kuSiqhiwu malunga nokumbhatalela imali yokunyoba. Uthi akubona ukuba uSiqhiwu akayingene loo nto, aphele embiza ngegama lobuhulu-hulu.
- Uthi lo mkhuba sowudume nasemaphepheni, uMamQhinebe aphikelele ekubeni baqhubeke nomsebenzi wabo wokuba iintsana. Uyabubona ubungozi bemeko abazifake kuyo kodwa into ephambili kuye yimali abaza kuyifunama ngezi ntsana.
- Kwezi nkani zakhe unaso nesisombululo sokuba baza kuthi bahamba eMzamba xa bebuzwa ngabantwana babo ngokumana belahleka ngobusuku.
- UMaGatyeni uthi esoyika esitishini kuba ebona amapolisa, uMamQhinebe azame ukuluphelisa olo valo lwakhe, esamisa ngoMagrazula amthembe kunene, kwaye emqinisekisa ukuba abasokuze babanjwe ngamapolisa.
- Bathi bakumiswa ngamapolisa angabonakalisi mothuko uMamQhinebe, nto nje azame ukuzikhupha kule ngxaki kwangezi nkani zakhe ngokumela into yokuba usana alubelekileyo luyawuthanda umqolo, kungoko kunzima ukuba alothule.
- Akubona ukuba isenzo sabo sidulile, endaweni yokuvuma isono sakhe uMamQhinebe ubopha elinye iqhinga ngokusulela ityala kuMaGatyeni, ngelithi nguye othathe umntwana.
- Iinkani zikaMamQhinebe aziphelelanga ekufakeni yena kuphela enkathazweni kodwa ziye zachaphazela uMaGatyeni obezihlalele, eziphilela ngokungqiba.
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo

**UMBUZO 4: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

'Indlala idlale indima ephambili ukuphuhlisa impixano kule drama.' Xhasa olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**IIMPENDULO**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

| |
|---|
| **Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko sedrama**<br>• Indlala idlale indima enkulu ekudaleni impixano kule drama. Isetyenziswe ukuze idale iyantlukwano ngokweembono zokuphila phakathi kukaMaqhikizane nomthetho omelwe sisipolisa neenkundla nabantu abatsha abafuna umsebenzi. Kwelinye icala idale iyantlukwano phakathi kukaMagrazula olixhwele nomthetho omelwe sisipolisa nabahlali abachaphazelekayo. Oku kwenze ukuba abafazi abasetyenziswa nguMagrazula bebe iintsana zabahlali.<br>• Kuzo zozibini ezi zakhiwana kugquba impixano yangaphandle neyangaphakathi. Izithako ezisetyenziswayo zempixano kusetyenziswa ulwimi olunqungunqungu oluqulethe ukuqumbelana, ukufungelana, ukulwisana, inzondo nezenzo ezizilandelayo. Itsho impixano ibe ngunobangela wokuqhubeka kwebali.<br>• Kwisakhiwana esiqhuba ngoMagrazula sivula nje kubonakala impixano yangaphandle apho isipolisa siphazamise iphulo likaMagrazula lokuthatha iintloko zabantu. Oku kwenza ukuba uMagrazula atshintshe unyawo atshintshele ekubeni iintsana.<br>• Ngoko nangoko lo msebenzi ufune isakhono sabafazi bona bengenakucingeleka ntweni imbi xa bephethe njee iintsana. Oku kubiwa kweentsana kumthatha uMamQhinebe nomaGatyeni kubafake kwimeko yokungaqondakali kubantwana babo.<br>• Luyakhula uthanda naphakathi kwesi sibini singuMaGatyeni noMamQhinebe kuba xa engavumi uMaGatyeni ukumlandela uMamQhinebe, uMamQhinebe ubhenela ekumgrogriseni ngokufuna zonke izinto awayemnike zona uMaGatyeni. Ngenxa yokungakwazi ukuzibuyisa ezo zinto zikaMamQhinebe akwabikho cebo limbi ngaphandle kokuwela emgibeni.<br>• Ngenxa yendlala, uMamQhinebe noMaGatyeni bayagoba bagobele kumkhwa wokuba nokuxhwila iintsana bazithengisele ixhwele elikhohlakeleyo elinguMagrazula. Oku kubaphixanisa nabahlali kwizihlandlo ngezihlandlo apho beba abantwana bade babe bafikelele ekubanjweni. Baphumelela nje ekubeni usana lokuqala okukhokelele kwingxabano enkulu kwaMakwedini kuba yayingumtwana wabo wokuqala lo ubiweyo emva kokusokola iminyaka engamashumi amabini bezama.<br>• Isicaka sikaMagrazula sisebenzise ubuhlwempu bukaMamQhinebe noMaGatyeni ukuze afumane oko akufunayo. Into ekhwankqisayo yeyokuba uMamQhinebe noMaGatyeni besenza oku kungcola nje bangoomama bomanyano nto leyo ingavumelaniyo.<br>• Baphetha bebanjwa uMamQhinebe noMaGatyeni ngenxa yesenzo sabo solwaphulo-mthetho esibangelwa yindlala.<br>• Kwelinye icala, kwangenxa yale ntlupheko, abantwana bathi bakugqiba ukufunda phantsi kobo bunzima, bahlangabezana nobunzima bokungafumani misebenzi. Urhwaphilizo oludlangileyo kwiiofisi zikaRhumente lubenza bafumane ubunzima ngabantwana babo ukuze bade babe banikwa ingqwalasela.<br>• Oku kudala ukungevani phakathi kukaMamQhinebe noSiqhiwu ngenxa yokuba uMamQhinebe ukhetha ukunyoba abe uSiqhiwu engakufuni nokuva ngako. Oko kumenza |



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

uSiqhiwu axolele ukufa esilwa lo mkhuba. Ukulwa kwakhe kumenza enze iinzame namayelenqe okubambisa uMaqhikizane.

- Iinzame zakhe ziquka utyelelo lukaSiqhiwu noSiphokazi oyintombi kaMaGatyeni kwii-ofisi zikaRhulumente beye kufuna umsebenzi. Apho bazibonele ngawabo amehlo urhwaphilizo oluqhutywayo. Bathi bakufika umqeshi kaRhulumente wanyanzelisa efuna ukunyotywa ngemali, wafuna nokuba yona intombi kaMaGatyeni itshate naye ukuze loo nto yenze ukuba bawufumane lula umsebenzi.
- Oku kunyusa ungqzulwano kuba mhla uSiqhiwu aye kwiiofisi zamapolisa akanikwa thuba de abe uthetha noKheneli Sibane obengaziboni ezi zinto ngalo lonke eli xesha. Ngezabatha azibekelwa nguSiqhiwu umchasi wakhe, uMaqhikizane uyabhajiswa kanye enezandla ezinkone lurhwaphilizo.
- Ufunyanwa enetyala umqeshi abanjwe.
- Zikho ke neemeko apho kubonakala impixano yangaphakathi
  - UMaGatyeni, ngenxa yendlala ukhe abe namaxesha okungazi ukuba akhethe ulwaphulo mthetho na kunebhatyi yakhe yomanyano.
  - Kukwalapho nokungazi kuMamQhinebe ukuba akhethe indlala na nokuba ebe iintsana kodwa indlala iqatsele, imenza athathe izigqibo ezimsa eliweni.
  - USiphokazi naye uxakiwe ukuba akhethe ukuluvuma uthando lukaMaqhikizane nokuba akhethe imali. Oko kucaphukisa uSiqhiwu atsho akhangele cebo limbi lokumbhabhisa uMaqhikizane.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**EWONKE AMANQAKU [25]**

**UMBUZO 5: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA*– M Lamati**

ÉcoleBooks

Hlalutya isakhiwo sale drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**IIMPENDULO**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko sedrama**

Umbhali wedrama uye abe nendlela ethile yokubhala incwadi yakhe ukukhulisa ibali lakhe. Ndlela leyo athi asebenzise ubuchule bakhe bokuyila ingxoxo ngeenzame zokuphuhlisa iinjongo zakhe nokukhupha umdlalo ophume izandla. Le mpumelelo iye ivezwe ngala manqanaba alandelayo; ingabula-zigcawu, ukuyondelelana, uvuthondaba, isisombululo nesiphelo sebali.

**Ingabula-zigcawu**

- Umbhali usazisa ngendawo apho ibali liqhubeka khona livula ibali lethu liqhubeka ezilalini kwaMagrazula nasendlwini kaMamQhinebe.
- **Abalinganiswa abaphambili**: Umbhali apha uyilo lwesakhiwo sebali lakhe uqala ngokuveza abalinganiswa abaphambili uMagrazula olixhwele neshishini lakhe lingahambi kakuhle kunye noMamQhinebe umfazi ohluphekayo.
- **Izithole zempixano**: Eli shishini lakhe lilo eliyintsusa nonobangela wokuqhubekeka kwalo mdlalo. Oku umbhali ukwenza ngokuthi asebenzise intlupheko kaMamQhinebe njengesisombululo kwingxaki kaMagrazula kanti kukuqala kwenkathazo.

**Ukuyondelelana kwebali**

- UMagrazula uxelela uDlezinye nongumqeshi wakhe ngesigqibo esithatyathiweyo entlanganisweni eThekwini, mve xa esithi, 'kule ntlanganiso ibiseThekwini sifikelele kwizigqibo zokuba sikhe siziyeke iintloko ezi kuba zisuke zanomjojo omninzi. Siza kukhe sisebenze ngeentsana. Ekusiyileni kwakhe umbhali esi sakhiwo uveza ingxaki eza kuba ngumqobo kulo mbono uza noMagrazula.
- Esi sakhiwo umbhali usiqamangela kwaye esintsokothisa ngakumbi ngokuzisa abafazi ukuba bazokuba ngamaxhoba okusetyenziselwa umsebenzi kaMagrazula ongcolileyo wokuba iintsana.
- Isixhobo asisebenzisileyo umbhali ukuyila kwakhona esi sakhiwo sesichubekileyo kuba uveza intsokolo nenzima enganyamezelekiyo eyambethe aba bafazi baza kusetyenziswa nguMagrazula.
- Ukungafumani misebenzi kwabantwana bakaMamQhinebe noMaGatyeni baphele bezula elokishini betshiswa ngamalanga kuba ngunozala wesiwo sesi sibini.
- Umbhali uliqamangela ngakumbi eli qhina lokuyila esi sakhiwo kuba nangona uSiqhiwu ongunyana kaMamQhinebe noSiphokazi oyintombi kaMaGatyeni begqibile ukufunda izinto kusenzima kubo kuba abafumani misebenzi.
- Bathi sele befikile kwiofisi yomqeshi uMaqhikizane afune ukuba uSiqhiwu anyobe aze uSiphokazi avume ukutshata naye ukuba ufuna umsebenzi.
- USiqhiwu noSiphokazi baphela besiya emthethweni ukuya kubambisa uMaqhikizane ngesi senzo. UMaqhikizane ufunyanwa enetyala waze wabanjwa.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

- Ubuhlwempu bukaMamQhinebe buye bamenza azibone sele egaxeleka kwisenzo esingcolileyo nesimanyukunyezi esetyenziswa nguDlezinye ongumqashwa kaMagrazula kwaye isakhiwo sebali siya sisiba nokuntsokotha okumandla.
- Umbhali uya eliqamangela ngakumbi eli qhina lokuyila esi sakhiwo kuba ngoku sibona uMamQhinebe erhwebeshela uMaGatyeni kulo msebenzi wokuba iintsana.
- UMamQhinebe usebenzisa ubuhlwempu bukaMaGatyeni ngokuthi amgrogrise ngokuba abuyise zonke izinto ebekade emnceda ngazo neemali zakhe ezikuye xa esiva ukuba uyaqhankqalaza kwaye akahambiselani nesi senzo.
- Ezi zoyikiso zikaMamQhinebe ziye zaphumelela kuba uMaGatyeni waye waphela esiwa esikhepheni kuba engenayo indlela yokubuyisa izinto zikaMamQhinebe, isakhiwo siya sinyukela ngasentla.

**Uvuthondaba**

- Umsebenzi wabo wokuba iintsana awuthathanga thuba lide kuba kuthe kungentsuku-zatywala badibana neembila zithutha ngokuthi xa beserenkini edolophini eMthatha barhanelwe nguSajini Ntamo xa uMamQhinebe esoyiswa kukuthuthuzela umntwana osemqolo.

**Isisombululo/Isiphelo**

- UMamQhinebe noMaGatyeni bayabanjwa bevela kuba usana lwabo lwesibini belusa kuMagrazula. Amaqhinga abo okuzama ukuzikhupha kweli hlazo awa phantsi.
- Isiphelo sesi sibini asibanga sihle kuba baphelela entolongweni bakugqiba ukuba ngoomama bebhatyi abanemizi.
- Umbhali uphumelele ukusebenzisa ubuchule obungayiwayo ukukhulisa ibali lakhe ngokuzisa ingxaki eba ngunobangela kanti ngalo lonke elo xesha uyila isakhiwo sencwadi yakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**EWONKE AMANQAKU: [25]**

**4.1.2 IMIZEKELO YEMIBUZO EMIFUTSHANE NEEMPENDULO**

**UMBUZO1:**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

**ISICATSHULWA**

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | Ngendikuva ngcono kodwa mama ukuba ubusithi: nkqi kona ukufuna umsebenzi. Kaloku ndingayenza yonke into, kodwa andingekhe ndiziqeshe. |
| MAMQHINEBE: | Kakade Siqhiwu, uthi aba mabhalane baqeshayo kule nto yale joyini yenu, abafuni kwenzelwa nto mhlawumbi? |
| SIQHIWU: | Andazi. Ndaye andifuni nokwazi nokuba bayayifuna na okanye hayi, kuba apha kuSiqhiwu abasayi kuze bayifumane nokuba bangade bayifune ngamehlo abomvu. |
| MAMQHINEBE: | Uthini na ngoku Siqhiwu kum'apha? |

SIQHIWU: **Soze! Ndinyobe umntu, ndimnyobela amandla nengqondo yam! Yilibale leyo into yona Qhinebe.**

MAMQHINEBE: Hayi ke ngoku ndiza kungakuqondi nokuba akuphungulekanga na.

SIQHIWU: Xa ndiphungulwa yintoni?

MAMQHINEBE: Xa abanye abantu bewufumana umsebenzi ngokunyoba, yintoni enokubangela ukuba wena unganyobi?

SIQHIWU: Khumbula mama ukuba wandifundisa kabuhlungu, ubopha amabande. Ngoku uza kuphinda ubophe amabande, uzama iimali zokunyoba umsebenzi?

MAMQHINEBE: Ewe tyhini! Abanye abantu aba beyenza nje loo nto, kungokuba mna ndiza kungayenzi kuba ndiqatywe ntoni?

SIQHIWU: Hayi mama, ndicela siyiyeke le ngxoxo, kuba eyokunyoba yona into, andisayi kuze ndiyenze naphakade. Amen.

MAMQHINEBE: Into enzima ke yile yokuba undiqweqwedisele ekubeni siyiyeke le ngxoxo, ndibe mna ndingekacacelwa ukuba yintoni kanye le ungayifuniyo ekunyobeni apha.

SIQHIWU: Ukuba awukacacelwa ngoku, awusayi kuze uphinde ucacelwe.

MAMQHINEBE: Kha uthethe into ndiyive Siqhiwu torho.

SIQHIWU: Utheth'ukuba mama awazi ukuba umntu okuqeshileyo nguye okuxhaphazayo?

**IMIBUZO**

1.1. …. abafuni kwenzelwa nto mhlawumbi?'

Tyhila indima edlalwe yile 'nto' kuthethwa ngayo kwisiphelo sikaMaqhikizane kweli bali. (2)

1.2 Nika ingcinga evuselelwa ngamazwi asisifungo abhalwe ngqindilili kwintetho kaSiqhiwu kwesi sicatshulwa. (2)

1.3 Cacisa ukuba ukuxabisa isinyobo ngaphezu kokuyisebenzela into kuyiphembelele njani impixano phakathi koSiqhiwu noMaqhikizane kule drama. (2)

1.4 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho? (3)

6.5 Loluphi udidi lomlinganiswa uMalunyawana? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.6 Ngokoluvo lwakho chaza ukuba umxholo wale drama ukulungele na ukufundwa kule mihla. Xhasa impendulo yakho. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**ISICATSHULWA**

SIPHOKAZI: Ukuba siyamkeleka *daddy,* ndiza kuwufumana ngoko nangoko umsebenzi?

MAQHIKIZANE: Isithuba sakho sikulindile ngoku ndithethayo.

SIPHOKAZI: Kulungile *daddy* ndiyavuma.

MAQHIKIZANE: **Khawuze ke sana lwam khe ndithi mathu-mathu.**

SIPHOKAZI: Hayi kaloku *daddy.* Siya kuthini xa kungena umntu sisancamisana e-ofisini karhulumente?

MAQHIKIZANE: Ndingurhulumente ngokwam maan. Kutheni ingathi akuyiqondi nje loo nto?

SIPHOKAZI: Nokuba sowungurhulumente ngokwakho, kodwa abantu bona bayangena kule ofisi yakho. Beka indawo emasidibane kuyo wena qha emva komsebenzi.

MAQHIKIZANE: Kulungile ke, masidibane ngentsimbi yesibini phaya ngasetshajofisi.

SIPHOKAZI: Khawundiphe imali kaloku *daddy,* ndifuna ukuzithengela izinto zokunxiba ukuze ndingabi yinto yokuhlekisa emsebenzini ngomso.

MAQHIKIZANE: Andinamali yoneleyo apha kum. Ndiza kukusayinela itsheki. Ufuna malini?

SIPHOKAZI: Andazi kaloku *daddy*. Andinayo neyokuqala into yokunxiba.

ÉcoleBooks

MAQHIKIZANE: Thatha ke nantsi itsheki yamawaka amabini eerandi. Ndifuna ukukubonisa ukuba ndandingaxoki xa ndandisithi imali asiyongxaki. yam, ingxaki yam kukuba mandiyisebenzise njani na.

SIPHOKAZI: Yiyhuu! Imali engaka *daddy*! Andazi ukuba ndingakubulela ngantoni na.

MAQHIKIZANE: Ugqibile xa undibulela ngothando lwakho nkosazana.

SIPHOKAZI: (*Asinge emnyango*) Usale kakuhle Mhlekazi. Undibulisele apho uya kulala khona namhlanje. Undibulisele apho ezintwaleni xa uqamele ngenqindi!

MAQHIKIZANE: (*Aphakame amlandele.*) <u>Uthini na Siphokazi?</u> <u>Yiz'apha! Ndingathi ndakugqiba ukukunika imali yam engaka uthethe into endingayivayo</u>? (*Emnyango ee mandla ngoKheneli Sibane.)*

SIBANE: NdinguKheneli Sibane, uMphathi wesiKhululo saMapolisa aseMtata, khawuphakamise izandla ndikusetshe.

1.7 Nika iimpawu zedrama EZIMBINI ezifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

1.8 Xela intsingiselo evezwa ngamazwi kaMaqhikizane abhalwe ngqindilili. (2)

1.9 Phawula ngokulunga okanye ukungalungi kwesenzo sikaSiphokazi sokuququa ebuyelela e-ofisini kaMaqhikizane. (2)

1.10 Chaza isimo sentlalo esityhilwa kwesi sicatshulwa. (2)

1.11 Khankanya isiganeko esilandela emva kwale ngxoxo kaSiphokazi noMaqhikizane. (2)

1.12 Xela ukuba adiza luphi uvakalelo amazwi kaMaqhikizane akrwelelwe umgca gaphantsi. (2)

**IIMPENDULO**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

1.1 UMaqhikizane ibali liphela ebanjwa/ ephelelwa ngumsebenzi ngenxa yokunyobisa oku kubizwa ngokuba yinto apha.√√ (2)

1.2 USiqhiwu uzimisele ukunganyobi okanye unento aza kuyenza ngoku kunyobisa.√√ (2)

1.3 Ukuxabisa kukaMaqhikizane isinyobo ngaphezulu kokuyisebenzela into kwenze ukuba uSiqhiwu awulwe lo mkhuba kuba engafuni kunyoba azame aphumelele ukumthiyisela de abanjwe nguKheneli Sibane.√√ (2)

1.4 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto√ kuba sifumana ukunyukela kokuhlelana okanye ukusukuzana kwaye nempixano ithatha unyawo√ xa uSiqhiwu esenza isifungo sokuba akasoze anyobele ukufumana umsebenzi.√ (3)

1.5 UMalunyawana ungumlinganiswa onguvalithuba√ kuba umana ukufika ngamaxesha athile akasoloko ekho apha ebalini, usetyenziselwe ukuveza injongo ethile.√ (2)

1.6 Ukulungele njengoko umxholo ungendlala engunobangela wolwaphulo mthetho, ubukho babalinganiswa abathile abakhuza imikhuba yokurhwaphiliza nesiphelo sabo bangabenzi bobubi busisifundo kosafuna ukuwuqala lo mkhuba √√/Awukulungelanga kuba bakho abantwana abanokuchola bafunde kwizenzo ezibi ezenziwa ngabantu abadala.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.7 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo√/Ukusetyenziswa kwezalathisi zeqonga√/Imo esibhalwe ngayo isicatshulwa√ /Kukho ingxoxo. √
(Nasiphi na isibini) (2)

1.8 Yintsingiselo yokuba uMaqhikizane ufuna ukumphuza/ukumxhaphaza uSiphokazi.√√ (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

1.9 Silungile kuba ngengakhange abanjwe uMaqhikizane ukuba uSiphokazi ebengaquqanga eofisini yakhe efuna umsebenzi√√/Asilunganga esi senzo kuba akafanelanga ukuthi engumntwana omncinci athandane nendoda endala ngenxa yokuba efuna umsebenzi.√√ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

1.10 Ubukho beeofisi budiza ixesha langoku√√/Indlela abantu abahlelisene ngayo idizwa kukuba abantu abasezikhundleni baxhaphaza abantu abahluphekayo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

1.11 Kukubanjwa kukaMaqhikizane eofisini yakhe nguKheneli Sibane. √√ (2)

1.12 Adiza ukuba uMaqhikizane unomsindo/wothukile.√√ (2)

**UMBUZO 2 (IMBUZO EMIFUTSHANE)**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA**

MAQHIKIZANE: Come in!

SIQHIWU: *(Engena)* Molo Mhlekazi.

MAQHIKIZANE: Ufuna ntoni maan-eofisini yam ndixakekile? Thetha, khawulezisa! Ufuna ntoni?

SIQHIWU: Hayi Mhle …

MAQHIKIZANE: Mus'ukuthi hayi Mhle. Xela le nto uyifunayo maan, ndixakekile mna.

SIQHIWU: Uxolo bawo. Noko bendi …

MAQHIKIZANE: Andingoyihlo kwedini.

SIQHIWU: Ndiyaxakwa ke ngoku Bawo xa usu …

MAQHIKIZANE: Uxakwa yintoni na mfanandini? Uxakwe kwayile nto uze kuyifuna? Uthi mandithini ke mna?

SIQHIWU: Khawume bawo ndicaci …

MAQHIKIZANE: Kuya kuba ngcono uphume ngalaa mnyango ubungene ngawo ke mfo wam xa ikuxakile ngoku, ungekayiqali nokuyiqala le nto ubuze kuyifuna apha.

SIQHIWU: Khawundiphe ithuba kaloku bawo

MAQHIKIZANE: Andinaxesha lezibhadu-bhadu mna ezihamba zigqogqa ii-ofisi zabantu zingayazi into eziyifunayo. Uyandiva mfanandini?

SIQHIWU:

Noko ke bawo bendingayilindelanga le mpatho inje emntwini osele

MAQHIKIZANE: ekhule njengawe lo nokutsho.

SIQHIWU: Kwedini!

MAQHIKIZANE: Tata!

SIQHIWU: Uyinkwenkwe kabani le igeza kangaka?

MAQHIKIZANE: Ndiyinkwenkwe katata, ukuba ndiyinkwenkwe phofu.

Ndiza kuyifundiswa nguwe ngoku indlela yokuphatha abantu kule ofisi

SIQHIWU: yam?

MAQHIKIZANE: Ewe, xa ungazange uyifundiswe ngabo babefanele ukukufundisa.

SIQHIWU: Uyazi ukuba uqaqadekile na mfanandini? Uyinkwenkwe kabani?

Ndiyinkwenkwe katata. Kudala ndisitsho kuwe. Andazi ukuba

MAQHIKIZANE: usandijikeleza ngantoni na.

SIQHIWU: Ugwexa bani kwedini? Hhi? Ugwexa bani?

MAQHIKIZANE: Ndigwexa wena Mnumzana Maqhikizane.

SIQHIWU: Tyhini!

Mandikhuphe le ndawo bawo. Asingomzi wakho lo. Loo nto

MAQHIKIZANE: mayikhanye kuwe.

Yhini hay'uyageza kwedini, Uyageza!

2.1 Luphuhlisa eliphi ixesha ulwimi oluthi 'Come in' olusetyenziswa nguMaqhikizane ngokwesimo sentlalo? (2)

2.2 Yiyiphi ingcinga evuselelwa yindlela athetha ngayo uMaqhikizane noSiqhiwu kwesi sicatshulwa? (2)

2.3 Imveza njengomlinganiswa onjani uSiqhiwu indlela athetha ngayo noMaqhikizane? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.4 Chaza injongo yokuba uMaqhikizane aphathe uSiqhiwu ngolu hlobo? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.5 Xela owona msebenzi kaMaqhikizane kule ofisi. (2)

2.6 Saba njani isiphumo sale ngxoxo kaMaqhikizane noSiqhiwu? Xhasa impendulo yakho. (3)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**KUNYE**

**ISICATSHULWA**

*(Kusemini, erenkini, edolophini eMtata. Kungena uMaGatyeni, uMamQhinebe noSajini Ntamo)*

MAGATYENI: Andiyazi ke le nto isuke yandenza amanwele namhlanje.

MAMQHINEBE: Amanwele antoni na MaGatyeni? Wena unentliziyo yentaka.

MAGATYENI: Ungathethi loo nto MamQhinebe emva koko sibanjwe apha.

MAMQHINEBE: Siza kubanjwa yintoni?

MAGATYENI : Ngamapolisa. Unani na lo mfazi?

MAMQHINEBE: Kufuneka ukhe uphekwe nguMagrazula ngokwakhe ngoku. Isekho indawana yobugwala esasaleleyo apha kuwe.

MAGATYENI: Hayi undincede wethu mna. Ndingangokabani kula mayeza aluma kangaka?

MAMQHINEBE: Kanti ndiza kumxelela uMagrazula akuphinde ngokwakhe.

MAGATYENI: Hayi bendincokola nje wethu Qhinebe, Andinamanwele mna.

MAMQHINEBE: Kufuneka ufane nathi aba maan. Uyasibona thina noDlezinye? Sakhutshwa amaxhala kudala.

MAGATYENI: Hayi bendincokola wethu.

MAMQHINEBE: Endaweni yokuba ucinge ngobutyebi obu uza kubufumana, ulibele ngamanwele.

MAGATYENI: Kodwa amanwele la wona andiphethe. Kubi ukuxoka. (*Usana lukhale kakhulu*)

MAMQHINEBE: Hayi wethu! Ngamanwele antoni na la undimele ngawo, nam uza kude undoyikise nje mfazindini?

2.7 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwidrama? (2)

2.8 Ngumqondiso wantoni ukuba namanwele? (2)

2.9 Loluphi udidi lomlinganiswa uMamQhinebe? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.10 Nika umxholo wale drama. (2)

2.11 Loluphi udidi lomdlalo le drama? Xhasa impendulo yakho. (3)

**EWONKE AMANQAKU [25]**

**IIMPENDULO**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

2.1 Luphuhlisa ixesha langoku sekukho umfutho waseNtshona.√√ (2)

2.2 Yingcinga yomntu obaphatha kakubi abantu abahambele eofisini yakhe.√√ (2)

2.3 Njengomlinganiswa onembeko okanye onentlonipho√ kuba nangona engamkelekanga kamnandi kuMaqhikizane kodwa usoloko esebenzisa igama Bawo okanye Mhlekazi xa abhekisa kuye.√ (2)

2.4 Wayemvavanya ukuba ungumntu onjani elungislela xa ebeka olu luvo lwakhe lokunyobisa.√√ (2)

2.5 Ngumqeshi wakwarhulumente.√√ (2)

2.6 Saba sibi √ kuba uSiqhiwu waphetha emangalela uMaqhikizane ngokunyobisa abantu abaze kufuna umsebenzi.√√ (3)

2.7 Kukunika umyalelo weqonga√√/Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa √√/ Uchaza isimo sentlalo.√√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

2.8 Kungumqondiso wento embi eza kukwehlela.√√ (2)

ÉcoleBooks

2.9 UMamQhinebe ungumlinganiswa oyintloko√ intshukumo eya kwimpixano iqalwa nguye√√/uba nabalinganiswa abamxhasayo√√/uba nabalinganiswa abamchasayo√√ kuba ibali liqala ngaye liphinde liphele ngaye√√/zonke iziganeko zingqonge yena√√/uba nenjongo ethile afuna ukuyiphuhlisa nokuba kumnyama entla.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

2.10 Umxholo wale ncwadi ngowokuba indlala ingakwenza wenze izinto ongazithandiyo.√√ (2)

2.11 Yintlekele√ kuba umdlalo oyintlekele ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu nesiphelo esibi √ nalo umdlalo xa ulandela isakhiwana esihamba noMamQhinebe nobiwo lweentsana kuba ukufa nokubiwa kwabantwana okukhokelela ekohlwayweni kwabo. √

Yintlekele siyoliso√ kuba umdlalo oyintlekele siyoliso ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu kodwa ibenesiphelo esihle√ nakulo mdlalo xa ujonge isakhiwana sawo esikhokelwa yimpixano phakathi kukaSiqhiwu noMaqhikizane konke obekubambisa amazinyo kutshixizisa amazinyo ngokuxhatshazwa kwabantu kuyalunga xa uMaqhikizane ebanjwa batsho abantwana bawufumane umsebenzi. √

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**UMBUZO 3 (IMBUZO EMIFUTSHANE)**

***INDLAL' NAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA**

(*Kuvulwa umkhusane. Kusendlwini kwaMagrazula, inkintsela yexhwele. Indlu le izele ngamayeza, iimfele zezilwanyana nezeenyoka. UDlezinye isicaka sikaMagrazula, usila iyeza elityeni. Kungena uMagrazula, athethe esesemnyango.)*

MAGRAZULA: Ishishini lam lingxamele ukungahambi kakuhle Dlezinye.

DLEZINYE: Aa Magrazula! Nam ndiyayibona loo ngxaki Mhlekazi. Ingxaki enkulu esijongene nayo ke Dlezinye kukuba amapolisa azizinxada-nxada, ezama ukuvala lo mthombo wezi ntloko. Amapolisa? Eeee, ziintsana ezo kuwe Thole lesilo.

MAGRAZULA: Ziintsana wona amapolisa kum Dlezinye. Kodwa ke nawe uyazi ukuba asindim ohamba ezingela ezi ntloko. Ezi zithunywa ke zisuka zibhatyaze, zibe zizisulu zamapolisa ngolo hlobo.

DLEZINYE: Kodwa ke nawe Mhlekazi kudala ndisithi ndivumele ndiwenze ngokwam lo msebenzi wezi ntloko. Akukho polisa linokundibamba mna.

MAGRAZULA: Hayi Dlezinye, hayi. Uthi xa kunokuphuma wena, ngubani oya kushiyeka esenza lo msebenzi ungaka aph'ekhaya?

DLEZINYE: Ndabezitha! Thole lesilo! Kucaca ukuba undithembile ngenene Mhlekazi.

MAGRAZULA: Into endithuthuzelayo nje yile yokuba kubo bonke aba bantu sele bebanjiwe, akukho namnye osele etwele igama lam.

DLEZINYE: Ewe, yinyaniso leyo Mhlekazi. Yinyaniso emsulwa leyo.

MAGRAZULA: Loo nto ke indinika ukuphumla komphefumlo, kuba ke ekubanjweni kwabo andingeni ndawo konke-konke. Andithi na ndiyabahlawula ngentloko nganye abayizisa kum?

**IMIBUZO 3**

3.1 '*(Kusendlwini kwaMagrazula, inkintsela yexhwele.)*' (Kumgca 1)
Nika izizathu zibe-3 zokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwesi sicatshulwa. (3)

3.2 'Ishishini lam lingxamele ukungahambi kakuhle Dlezinye.' (Kumgca 4)
Chaza ukuba yintoni unobangela wokungahambi kakuhle kweshishini likaMagrazula? (2)

3.3 'Kodwa ke nawe Mhlekazi kudala ndisithi ndivumele ndiwenze ngokwam lo msebenzi wezi ntloko.' (Kumgca 12–14)
Yeyiphi indima edlalwe nguDlezinye ukufaka ooMamQhinebe kweli shishini likaMagrazula. (2)

3.4 'Andithi na ndiyabahlawula ngentloko nganye abayizisa kum?' (Kumgca 23–24)
Uzotywe njengomlinganiswa onjani uMagrazula kulo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.5 Isityhilela ntoni le ngxoxo yabalinganiswa abakwesi sicatshulwa? (2)

3.6 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA**

*(Kusemini, emzini kaMaGatyeni. Kuhleli uMaGatyeni noMamQhinebe.)*

ÉcoleBooks

MAGATYENI: Okukhona ndiya ndicinga ngeli cebo likaMamQhinebe, ngabula yena athi licebo ke phofu, kokukhona ndiya ndixakwa ngokuxakwa. Ewe, ngendiba ndiyayifuna yona imali le. Kodwa ke, imali yeenyembezi? Ndingathini ukusuka ndithi xa ndigugayo kube kukhona ndiqala ubugebenga? Kungokuba yena lo mntu ude ancame imali engaka ethenga iintsana, uza kuzenza ntoni? Ngokuqinisekileyo inkulu into aza kuzenza yona.

MAMQHINEBE: Nkqo nkqo nkqo!

MAGATYENI: Ngaphakathi!

MAMQHINEBE: *(Engena)* Molweni ngaphakathi!

MAGATYENI: Ewe, molo Qhinebe. Yiba sel'utsala naso isitulo uhlale wethu. Ulumke kodwa singakuwisi.

MAMQHINEBE: Owu! Sitheni na ngoku?

MAGATYENI: Siyajingxela kaloku. Omnye umlenze waso waphulwa ngaba bantwana bageza Kunene.

MAMQHINEBE: Uthi yimpilo ke leyo MaGatyeni?

MAGATYENI: Utsho yiphi ke Qhinebe?

MAMQHINEBE: Le yokuba kuthi kanti kuhleliwe nje akunakho nokuzithengela nesitulo esi sembala?



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

MAGATYENI: Kunzima kaloku Qhinebe. Zonke izinto zisemandleni oMdali.

MAMQHINEBE: **Hayi mna ndidikwe kwada kwathi pheza yile ntlalo yobuxelegu siyiphilayo.**

[Indima 3, Umboniso 4]

3.7 'Okukhona ndiya ndicinga ngeli cebo likaMamQhinebe …' (Kumgca 2) Yintoni injongo yecebo likaMamQhinebe aliphathela uMaGatyeni? Cacisa. (2)

3.8 'Hayi mna ndidikwe kwada kwathi pheza yile ntlalo yobuxelegu siyiphilayo.' (Kumgca 22–23)
Chaza ukuba abonisa ntoni amagama abhalwe ngqindilili kwintetho kaMamQhinebe? (2)

3.9 Mfundisoni efumaneka kokuqhubeka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.10 Luhlobo luni lwedrama olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

**IIMPENDULO**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

3.1 Achaza indawo eliqhubeka kuyo ibali.√ Anika umyalelo weqonga.√ Achaza intshukumo yabalinganiswa.√ (3)

3.2 Ishishini likaMagrazula aliqhubi kakuhle ngenxa yamapolisa abaphethele Imbengwana.√√ (2)

3.3 Kukuloba ooMamQhinebe abaqeqeshele umsebenzi wokuba iintsana.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

3,4 UMagrazula uzotywe njengomlinganiswa ongcolileyo √ kuba nguye ophembelela isenzo sokubulawa kwabantu neentsana.√√ (3)

3.5 Le ngxoxo isityhilela ngokuqhuba kakubi kweshishini likaMagrazula nendlela abanokulibuyisela ngalo ekuqhubeni kakuhle.√√ (2)

3.6 Likwingabula-zigcawu.√ Eli nqanaba kulapho umbhali asivezela khona izithole zempixano.√√ (3)

3.7 Injongo kukutsalela uMaGatyeni kumkhuba wokuba iintsana ngelithi baza kuphuma endlaleni√√ (2)

3.8 La magama abonisa ukungoneliseki yindlela aphila ngayo.√√ (2)

3.9 Imfundiso kwesi sicatshulwa sedrama kukuba intlupheko ingakukhokelela ekwenzeni izinto ezingalunganga√ kuba uMamQhinebe ungena emgibeni afakwa kuwo

nguDlezinye wokuba iintsana aze ahlawulwe engena ngenxa yokufuna imali ukuze ahlukane nendlana√√/Ukungabi namqolo kukufaka engxakini√ kuba uMaGatyeni uthi sele elandula ukungena kwiyelenqe lokuba iintsana athi akugrogriswa nguMamQhinebe emxelela nangenzuzo abaza kuyifumana, avume ze aphele ebanjwa.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

3.10 Yidrama yentlekele√ kuba kubekho inyhikityha yokufa kwabantu neentsana√√ / kuba abenzi bobubi baphela bebanjwa.√√ (3)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA**

SITHONGA: NguKheneli Sibane omazela phi lo umfunayo?

SIQHIWU: Andimazi.

SITHONGA: Ubufuna ukumbona malunga nantoni umntu ongamaziyo nokumazi?

SIQHIWU: UKheneli Sibane ndifuna ukumbona malunga nomcimbi obalulekileyo nendingenakuwuchaza komnye umntu. Kunyanzelekile ukuba lo mcimbi ndiwuchazele uKheneli Sibane ezimpondweni.

SITHONGA: Asiyombeko leyo yokuba umntu omkhulu, ongamaziyo nokumazi, umcingele ukuba uneempondo.

SIQHIWU: Owu Mhlekazi …

SITHONGA: UKheneli Sibane akanazimpondo ke. Uza kumchazela phi ke? Khawutsho?

SIQHIWU: **Mhlekazi torho** ndingxamile. Yintoni le imbi kangaka undenza yona?

SITHONGA: UKheneli Sibane akunakumbona. UKheneli Sibane ngumntu omkhulu.

SIQHIWU: Kufuneka ndithini ke ukuze ndibonane naye?

SITHONGA: Into onokuyenza kukuxelela mna le ngxaki yakho, ndize mna ndiyidlulisele kuKheneli Sibane.

SIQHIWU: Mhlekazi, le nto ilihlebo phakathi kwam noKheneli Sibane.

SITHONGA: Besendiyivile ke leyo. Akukho mfuneko yokuba ude uyiphinda – phinde. Andisosithulu kaloku. Ndingakuqinisekisa kwelo cala.

SIQHIWU: Sisimanga esi ndidibene naso namhlanje.
Ingathi uza kude undicaphukise kwedini. Kuya kufuneka ucele indlela

SITHONGA: kuselithuba. Asiyondawo yokunxilela le.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

SIQHIWU: Unokuba ungcono wena. Mhlawumbi uyayazi nencasa yabo obo tywala uthetha ngabo. Mna andizanga ndabufaka kulo wam umlomo.

SITHONGA: Kwedini! Uyandithuka ngoku?

SIQHIWU: Kanti wena ubundithuka ngokuya ubusithi ndinxilile?

SITHONGA: Uyazi phofu ukuba ndingakuval'ubuso ngempama ngoku? Hhi kwedini? *(Kungena uKheneli Sibane)*

SIBANE: Kwenzeka ntoni kule ofisi?

SITHONGA: Kheneli!

SIBANE: Ndithi Sithonga, yintoni na le iqhubeka kule ofisi?

**IMIBUZO**

4.1 Caphula isigama esityhila unkwintsho/uqhankqalazo kwintetho kaSiqhiwu ekwesi sicatshulwa. (2)

4.2 Chaza amanye amatiletile enziwe nguSiqhiwu ukunqanda urhwaphilizo kwiiOfisi zikarhulumente. (2)

4.3 Nika ubungqina bokuba akukho mvisiswano kwizithethi ezikwesi sicatshulwa. (2)

4.4 Cacisa igalelo lengxabano ekwisicatshulwa ekuqhubekeni phambili kwalo mdlalo. (2)

4.5 Nika injongo yokusetyenziswa kwamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.6 Xela ukuba (a) ngubani othetha kwizalathisi zeqonga ezikwisicatshulwa wandule (b) ukuxela ulwazi esilufumana kuzo. (2)

**ISICATSHULWA**

MAMQHINEBE: MaGatyeni, uyandijoyina kule nto okanye akundijoyini? Ndifuna uhayi no-ewe qha.

MAGATYENI: E … e … e hayi ... ewe, ngendiba ndiyavuma Qhinebe, kodwa intliziyo yam yona iyarhuqeka.

MAMQHINEBE: Kungcono xa irhuqeka isiya.

MAGATYENI: Hayi iyarhuqeka yona kakuhle, andifuni kuxoka, iyarhuqeka.

MAMQHINEBE: Kodwa ke kufuneka uqaphele ukuba kufuneka isibindi kulo msebenzi.

MAGATYENI: Yile nto ndiyisweleyo kanye ke leyo mna Qhinebe, eso sibindi uthetha ngaso.

MAMQHINEBE: Imali kaloku Gatyeni, asiyoyamabhetye-bhetye. Uyandiphulaphula kodwa Gatyeni?

MAGATYENI: Ngendiba ndiyakuva kona Qhinebe, kodwa ke …

MAMQHINEBE: Kuza kufuneka siqalise ngomso lo usayo, singabi saphozisa maseko.

MAGATYENI: O! Sekuqalwa kwangomso na?

MAMQHINEBE: Sekuqalwa kwangomso ntomb'enkulu. Ndisemkile

MAGATYENI: (*Ethetha yedwa*) Kwowu! Kazi ukuba isingisa phi na le ndlela andiqweqwedisela kuyo lo mfazi. Bawo onamandla onke? Uze undikhumbule Bawo xa ndiza kuhamba indlela endingazanga ndayiphupha nokuyiphupha aph'ebomini bam. Namhlanje ndiyalingwa Bawo. *Usathana uze ehamba ngeenyawo zombini endlwini yam wandiqweqwedisela kwantshabalalo, nam, ndamvumela*. Kodwa, Nkos'enofefe ndithembe amandla akho. Ndiyazi ukuba kungamandla akho endiya kuthi ndizibone ndiphuncukile kulo mgibe kamtyholi. (*Afixize*) bawo ndihlangule. Wena wabakho zingekabikho iinduli neentaba. Awuxakwa nto wena gxalaba libanzi lokuthwala izono zehlabathi. Ndihlangule Nkosi naku ndisoyela kulo mhadi ubunzulu bungenakuqikeleleka. Ndihlangule ndiyoyela kulo mgxobhozo kaMamQhinebe umanzi abilayo. UNAMANYALA kambe nawe NDLALANDINI.

4.7 Xela le nto afuna ukujoyinwa kuyo uMamQhinebe nguMaGatyeni. (2)

4.8 Khankanya isiganeko asikrobisa kuso amazwi kaMaGatyeni abhalwe bukekela. (2)

4.9 Cacisa ukuchaneka kwebinzana alisebenzisayo uMaGatyeni elithi 'kulo mgxobhozo kaMamQhinebe umanzi abilayo' kumxholo wale drama. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

4.10 Ngqina uzixhase ukuba isimo sikaMaGatyeni sobugwala sikhokelele ekubeni abelixhoba lokubanjwa. (2)

4.11 Ingaba le drama iyintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.12 Nika umyalezo wale drama ngezenzo zabantu abaphantsi kweemeko zendlala (2)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**IIMPENDULO**

4.1 Unokuba ungcono wena. Mhlawumbi uyayazi nencasa yabo obo tywala uthetha ngabo√√/Mhlekazi torho ...√√ (2)

4.2 Unqande uSiphokazi ukuba angangeni kule nto kaMaqhikizane√√/unqande unina ukuba angamniki imali yokunyoba.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)

4.3 Amazwi avela kuSithonga ajongela phantsi√√/ukunqanda ngandlela zonke ukuba uSiqhiwu angadluleli kuKheneli Sibane√√ nokunganikezeli kukaSiqhiwu.√√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

4.4 Ukutyhuluba kukaSiqhiwu ngale mini ikwisicatshulwa kwenze ukuba ade afikelele kuKheneli waze wabanjwa uMaqhikizane √√/Isehlo sale mini sibe negalelo ekubhentsiseni ubuqhophololo nolwaphulo mthetho oluqhubekayo kwiiofisi zikaRhulumente.√√ (Nayiphi na kwezi) (2)

4.5 Kukubonakalisa ukuba uSiqhiwu uyacenga.√√/Kukubonakalisa ukuba uSiqhiwu uvakalise ukukruquka kukuvalelwa.√√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

4.6 (a) Ngumbalisi√

(b) Ukubonisa ukuba ngubani ongenayo/intshukumo yabanye abantu abangekho kwingxoxo.√ (2)

4.7 Ngumsebenzi wokuba iintsana ukuze babe nemali.√√ (2)

4.8 Sisiganeko sokubanjwa kwabo kumkhwa wokuba iintsana.√√ (2)

4.9 Lichanekile kuba ngokwale drama uMaGatyeni ubhekisa kwimeko angeniswa kuyo nguMamQhinebe yokuba iintsana, ethe kanti iza kumphulukanisa nokuhlala nabantwana bakhe ngokuthi abanjwe angafumani nemali ebeze kuyo.√√ (2)

4.9 Lichanekile kuba ngokwale drama uMaGatyeni ubhekisa kwimeko angeniswa kuyo nguMamQhinebe yokuba iintsana, ethe kanti iza kumphulukanisa nokuhlala nabantwana bakhe ngokuthi abanjwe angafumani nemali ebeze kuyo.√√ (2)

4.10 Ndiyangqina kuba ngenxa yokuba eligwala uvumile ukuba iintsana ukuze afumane imali aphume endlaleni.√√/Watatazela xa ebuzwa lipolisa into eyabangela ukuba arhaneleke.√√ (2)

4.11 Yintlekele√ kuba umdlalo oyintlekele ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu nesiphelo esibi √ nalo umdlalo xa ulandela isakhiwana esihamba noMamQhinebe nobiwo lweentsana kuba ukufa nokubiwa kwabantwana okukhokelela ekohlwayweni kwabo.√

Yintlekele siyoliso√ kuba umdlalo oyintlekele siyoliso ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu kodwa ibenesiphelo esihle√ nakulo mdlalo xa

ujonge isakhiwana sawo esikhokelwa yimpixano phakathi kukaSiqhiwu noMaqhikizane konke obekubambisa amazinyo kutshixizisa amazinyo ngokuxhatshazwa kwabantu kuyalunga xa uMaqhikizane ebanjwa batsho abantwana bawufumane umsebenzi.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (3)

4.12 Ngumyalezo wokuba indlala mayingakwenzi uthathe izigqibo eziza kukufaka engxakini.√√/Ngumyalezo wokuba masikulumkele ukwenza izinto ezizakubangela sizisole emva kwexesha.√√ (2)

**AMANQAKU EWONKE [25]**

**UMBUZO 5: IMIBUZO EMIFUTSHANE**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA**

*(Aphume uSirhezu, uSiphokazi abaleke aye endlwini. Ufika unina ethunga amadlavana akhe. USiphokazi ufika ahlale phantsi ngakunina).*

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Mama, Gatyeni, ndinento endifuna khe sibonisane ngayo. |
| MAGATYENI: | Uncede ke Siphokazi, ungandixeleli ukuba kukho umfana okucelayo. |
| SIPHOKAZI: | Kaloku mama azinakuncedwa ezi zinto. Ziyanyanzeleka kuba ziyinxalenye yendalo. |
| MAGATYENI: | Andikabi nakuqiniseka ke mna ngaleyo kuba andikabi namntwana wendileyo, Nantso ke into yakho! Nisuka niqale ngobuciko xa nifuna ukusishiya enyanyeni ningasenzelanga nto, sakugqiba ukunifundisa kabuhlungu kangaka. |
| SIPHOKAZI: | Asibubo nobuciko mama, kodwa ke indalo yona yindalo, ayikhathali nokuba sekutheni na. |
| MAGATYENI: | Indalo yindalo ntoni na Siphokazi? <u>Sii! Ukufundisa umntwana oyintombazana, kukuzikhanda ngenyhek'etyeni.</u> |
| SIPHOKAZI: | Kanti ke mama mna ndicinga ukuba kungcono kwa-ukufundisa intombazana kunenkwenkwe. |
| MAGATYENI: | Khawutsho, kuba sekucacile ukuba ndiza kuxelelwa nguwe ngoku into elungileyo nengalunganga. |
| SIPHOKAZI: | Umntwana oyindoda ubhadla nje ngeli thuba engekazeki. Mhla wathabatha umfazi, uyaqala ukwahlukana nengqondo yakhe. Aqale kwawena mzali wakhe akubone ukuthakatha ngoku. |
| MAGATYENI: | Qhuba. |
| SIPHOKAZI: | Ungazi ukuba wawungathini na ukumkhulisa kabuhlungu kangaka, ngezinye iimini kuse kulayitwe isibane, ukuze athi ke ngoku lo mntwana akuba yindoda epheleleyo, uqale umqhomfe. |
| MAGATYENI: | Hayi uyimazi Siphokazi, ndikuncamile. Mandibuze kwalapha kuwe ke Qalazive. Yintoni ebenza babe njalo abafana? |

5.1 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama abukekela, akwizibiyeli kulo mdlalo? (2)

5.2 Xela unobangela wengxoxo ephakathi kukaSiphokazi noMaGatyeni. (2)

5.3 Chaza impazamo ephantse ukwenziwa nguSiphokazi ngokufuna ukutshata uMaqhikizane. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

5.4 Uyahambisana noluvo lukaMaGatyeni olukrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.5 Nika intsingiselo eziswa ligama ‘umqhomfe’ ngokwale ntetho kaSiphokazi. (2)

5.6 Chaza ukuba ukwahluka kobudala ngeminyaka kuyiphembelela njani impixano kule drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA**

| | |
|---|---|
| MAGATYENI: | Masithabathise, singalindi ibhadi mfazi. |
| MAMQHINEBE: | *(Ehleka)* Andisavuyi nje xa seyinguwe ngoku ongxamileyo. |
| MAGATYENI: | Uthi ndiza kuthini na Qhinebe? Kaloku, oko ndathi ndazalwa ngumama notata, andizange ndiyalame engaka yona imali, andisathethi ke ngokuyibamba nkamfu ngesi sam isandla. |
| MAMQHINEBE: | Andivuyi, ndiyagcoloda ke Gatyeni xa **kuthe kanti amayeza kaMagrazula akubuyisele ezingqondweni.** |
| MAGATYENI: | Into nje endifuna ukuyicela kuwe Qhinebe yeyokuba 'inkonzo yona kufuneka kube kungona siyikhuthalele nyhani ngoku. |
| MAMQHINEBE: | Andayiqonda ke ngoku le uyithethayo. Yintoni *maan* esiza kuya kuyifuna enkonzweni ngoku siza kuba zizityebi nje? |
| MAGATYENI: | Kanti ke, qaphela Qhinebe, ingantle kakhulu le nto yethu xa sinokuyigqumа ngezi bhatyi zomanyano. |
| MAMQHINEBE: | Kodwa ingathi uhlab'ukhangele Gatyeni. |
| MAGATYENI: | Siza kuzingela kweliphi icala ke namhlanje? |
| MAMQHINEBE: | Ulibele na ngoku? Ukho kaloku laa mfazi wakwa*Link.* |
| MAGATYENI: | Unyanisile, besendifuna ukumlibala. Ibe luhle usana lwakhe. |
| MAMQHINEBE: | Kukho into endixhalabisayo kodwa kulo msebenzi wethu Gatyeni. Abantwana aba bethu baza kuthi simana sisiya phi, siyifumana phi khona le mali ingaka? |
| MAGATYENI: | Mna sendinaso isisombululo kuleyo ingxaki. |
| MAMQHINEBE: | Uthini na apha kum ngoku Gatyeni? |
| MAGATYENI: | Siza kubaxelela ukuba sihamba eMzamba, apho siyiwina khona yonke le mali. |
| MAMQHINEBE: | Hayi ke kucacile ukuba lo msebenzi wethu usikelelekile xa icebo lisuka nje lifumaneke lula ngolu hlobo. Hayi Gatyeni ndikothulela umnqwazi. |

5.7 Thelekisa uvakalelo lukaMamQhinebe kwesi sicatshulwa nangemini awayebanjwa ngayo nguNtamo. (2)

5.8 Chaza ukuba sibaluleke ngantoni esi sicatshulwa kumxholo wale drama. (2)

5.9 Nika umyalezo odluliswa ngumbhali ngobudlelwane obuphakathi kukaMamQhinebe noMaGatyeni. (2)

5.10 Ingaba le ntetho ibhalwe ngqindilili isetyenziswe njengophuphelo okanye ubuyomva? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.11 Phawula ngendima edlalwa ngamadoda ukulukuhla abafazi ukuze benze izinto ezibalahlekisayo kule drama. (2)

5.12 Ngqina ukuba lo mdlalo yintlekele-siyoliso. (2)

## IIMPENDULO

5.1 Kukunika umyalelo weqonga√√/Kukuchaza ngesimo sentlalo√√/Kukwazisa ngabalinganiswa abaza kuthatha inkxaxheba kuloo mboniso.√√ (2)

(Nayiphi na kwezi.)

5.2 Kukuba uSiphokazi ufuna ukuthela thsuphe umama wakhe ngesicelo sikaSirhezu ofuna ukutshata naye. √√ (2)

5.3 Yimpazamo yokuba kuphantse kupatyalake umtshato wakhe noSirhezu amthandayo ngenxa yokufuna imali kaMaqhikizane.√√ (2)

5.4 Ndiyahambisana kuba kuyilahleko ukuthi wakugqiba ukuyifundisa intombi ikushiye iyokwendela komnye umzi√√/Andihambisani kuba intombi xa ifundile ingaphangela ihlale ihoye ikhaya layo ibe kanti ilulutho ngolo hlobo.√√ (2)

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

5.5 Yeyokuba uthi wakugqiba ukumzala umntwana umkhulisile usuke ungamfuni ngokumthakatha kuba usiva ngabanye abantu.√√ (2)

5.6 Abantu abadala ngabona abaphambili ekwenzeni izinto ezigwenxa ezifana nokunyobisa√ kanti abancinci abahambisani noko.√ (2)

5.7 UMamQhinebe uvuye kakhulu akuba uMaGatyeni engenile kulo mkhuba wokuthengisa iintloko zabantu nabantwana kodwa uyazisola mhla abanjwa nguNtamo.√√ (2)

5.8 Sibaluleke ngokuba sisibonisa imini uMaGatyeni awawamkela wawuphehlelela ngayo umkhuba wokuba iintsana.√√ (2)

5.9 Ngowokuba ungumntu uyakwazi ukuba ngumhlobo nomntu ngenxa yemeko enizifumana nikuyo nobabini nide nilahlekisane ningaqondanga. √√ (2)

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

5.10 Lubuyomva √ kuba siyakhunjuzwa okanye sibuyiselwa umva ngeenkumbulo ukuba kanene bekuqale kwathini ukuze kube lapha, umzekelo uMaGatyeni ubangelwe ngamayeza kaMagrazula awayewasebenzisile ukuba atshintshe iimbono zakhe ezinxamnye nokubiwa kwabantwana.√√ (3)

5.11 Ayilunganga le ndima kuba uMagrazula noDlezinye babenza izisulu aba bafazi ngenxa yokuba behlupheka bengenawo namadoda xa bebalobela kumsebenzi onobungozi njengokuba iintsana. √√/Ayilunganga kuba yinjongo yokubaxhaphaza aba bafazi le yokubalobela kulo mkhuba wokuba abantwana, besenza ngathi bayabanceda. √√ (2)

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

5.12 Yintlekele siyoliso kuba kule drama bekubulawa abantu kuthengiswa intloko zabo, kubiwa abantwana, kunyotyiswa ukuze ufumane umsebenzi kanti ekugqibeleni bonke abantu abenze izinto ezimbi nezingekho mthethweni bayabanjwa abebengafumani misebenzi ngenxa yobuqhopholo baye bafumana imisebenzi.√√ (2)

**AMANQAKU EWONKE [25]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

**IINCWADI EZISETYENZISIWEYO**


1. Department of Basic education (2011); *Inkcazelo yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola*, (Government printing works, Pretoria.)
2. Department of Basic Education, (2017). *Imigaqo yokuhlola* (Exam Guidelines). (Pretoria)
3. Satyo, S.C. (1991), *Uphengululo lwesiXhosa;* Kagiso Publishers: Pretoria.
4. Satyo, S.C, *Igrama noncwadi lwesiXhosa ibanga lesi-9,* 1st Edition Via Afrika.
5. Gebeda, C.Z. & Mbadi, L.M. 1(978), *Isisele;* Lovedale Press. Alice.
6. Mtuze, P.T, Nkonto B.M, Mini, B.M, Putu B.D & Tshabe S.L.(1987), iSIxHOSA Sezikhuthali; Ibanga 8.
7. M. Lamati, (1994), Indlal'namanyala, Illustrations and design Macmillan South Africa (Pty) Ltd, 1994.
8. Uvimba woncwadi wabaCebisi besiXhosa nootitshala, (2019); Iphondo leMpuma Koloni.
9. Uvimba woncwadi wabaCebisi besiXhosa nootitshala, (2019); Iphondo leNtshona Koloni.
10. Uvimba kaDr NP.Jaxa, Umcebisi wesiXhosa, Chris Hani East District; Eastern Cape;
11. Uvimba kaKN Mbena-Bilatyi, Umcebisi wesiXhosa, Sara Baartman District; Eastern Cape
12. Uvimba kaPC Somkebe, Umcebisi wesiXhosa, Chris Hani West District; Eastern Cape
13. Amaphepha eemviwo eminyaka edlulileyo, Department of Basic; Pretoria.


EcoleBooks

**COMPILERS:**


1. Pindo Cynthia Somkebe, Department of Education; Eastern Cape
2. Nompumelelo Thelma Mkhutshulwa , Department of Education, Eastern Cape
3. Nontembiso Patricia Jaxa, Department of Education, Eastern Cape
4. Beyile Nosisa; Department of Education, Western Cape
5. Booi Nomakula; Department of Education,Western Cape
6. January Alice; Department of Education,Western Cape
7. Ntombizodwa Ndzeku, department of Education, Northern Cape
8. Buyelwa Mtwa, Department of Education, Northern Cape

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI/UNCWADI LWEMVELI NEDRAMA: [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe<br>Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

